



**URhulumente  
weNtshona Koloni**

UPhuhliso loLuntu

**UBAMBISWANO NGAMANDLA**

# **ISICWANGCISO SENTSEBENZO YONYAKA**

**2017/2018**

---

iSebe Lophuhliso Loluntu  
eNtshona Koloni

## **INKCAZO**

Inguqulelo yesiNgesi yesi Sicwangciso Sentsebenzo Yonyaka yiyo ethathwa njengoxwebhu olusesikweni. Eli Sebe alinakufakwa tyala ngayo yonke impazamo ethe yavela ngethuba lenkqubo yokuguqulelwa.

Esi sicwangciso Sentsebenzo Yonyaka sithe saqulunqwa liCandelo Lolawulo Eliyintloko Elijongene Nocwangciso Loshishino Nesicwangciso-qhinga, kwiSebe Lophuhliso Loluntu.

Ukuze ufumane ezinye iikopi zolu xwebhu nceda uqhakamshelane:

neNtloko yeSebe

iSebe Lophuhliso Loluntu

Private Bag X9112

eKapa

8000

eMzantsi Afrika

**Umnxeba:** +27-21-483 5121

**Ifeksi:** +27-21-483 6824

**I-email:** Mishkaah.sallies@westerncape.gov.za

**PR45/2017**

**ISBN: 978-0-621-45204-4**

**Isihloko Solu Xwebhu:** Isicwangciso Sentsebenzo Yonyaka ka-2017/2018 yeSebe Lophuhliso Loluntu kuRhulumente weNtshona Koloni

**INOMBOLO YOMNXEBA ENGAHLAULELWAYO: 0800 220 250**

**IWEBSITE:** <http://www.westerncape.gov.za>

## **UMphathiswa wePhondo kwiSebe Lophuhliso Loluntu**

Kunyaka-mali u-2017-2018 iDSD isakubethelela ukuzinikela kwayo ekwenzeni luqilima nasekuxanananziseni uxanduva lwayo ngokomgaqo-siseko, ngokwemithetho nangokwezithembiso zayo zolonyulo, njengoko zithiwe thaca kwiZicwangciso-qhinga zePhondo nezeSebe.

Sisebenza phantsi kwemeko yoqoqosho eya isiba maxongo, ekwasisithintelo nenefuthe elibi kwizibonelelo zeSebe Lophuhliso Loluntu kwinkalo yokunikezelwa kweenkonzo. Kulo nyaka sizakungena kuye kuyakufuneka siqwalaselisise umba wokuncipha kohlahlo lolwabiwo-mali lweli Sebe, nto leyo iyakudinga uhlehlengiso olumandla lwezidingo ezingundoqo ngenjongo yokuqinisekisa ukuba ezona nkonzo ziphambili zeli Sebe ziyanikezelwa.

Le meko yoqoqosho imaxongo iyasikhuthaza ukuba siqhube nokuphucula imeko yeli Sebe. Oku ke sikuzuzisa ngokuthi siphucule iinkqubo zethu zezolawulo, kwanokuqinisekisa ukuba izibonelelo zethu sizibekela ikakhulu eyona misebenzi yethu iphambili ngokwezikhokelo eziphuma kwimithetho elawula ukunikezela kwethu iinkonzo, efana neChildren's Act, iChild Justice Act, iPrevention of and Treatment for Substance Abuse Act, kunye ne-Older Persons Act kwakunye neminye.

Okona kusabaluleke kakhulu ke kule nkalo kukuqinisekisa ukuchaneka kwanokusebenza kweenkcukacha zentsebenzo yeli Sebe. Enye yezona nto zibalulekileyo ke kweli linge kukufumana iinkcukacha zentsebenzo ezichanekileyo kwimibutho engekho phantsi kolawulo lwaseburhulumenteni (iiNPO), amashumi amane anesine ee-ofisi zeengingqi ekunikezelwa kuzo iinkonzo ndawonye nothotho lwamaziko aphantsi kolawulo lweSebe anikezela ngendawo yokuhlala kubantwana nakubantu abadala. Le meko yoqoqosho imaxongo ke iyakwenza ukuba iSebe liman'ukuhlehlengisa ukusetyenziswa kweemali, kube kugxilwe ekuqinisekiseni ukuba inkxaso-mali enikwa iiNPO yabiwa ngokuchanekileyo, kwimibutho ebonakalisa ithemba nesakhono nefuthe elivakalayo. Uhlolo lweenkcukacha zentsebenzo lusisixhobo esibalulekileyo kule nkalo, yaye ke siyakuqhuba sixabisa ikakhulu uqeqesho kwanokuphuculwa kwezakhono zabasebenzi kumba wokuqokelelwa nokuqinisekiswa kweenkcukacha zentsebenzo.

Kubalulekile ke ngoko ukuligxininisa elokuba eli Sebe liyakuqhuba nokugxila ikakhulu ekunikezeleni iinkonzo ngokwesikhokelo semithetho elawula imilinganiselo nemigaqo yokunikezela kwethu iinkonzo. Esi sinikezelo ke siyakudluliselwa nakumahlakani ethu akwicandelo lemibutho engajonge ngeniso, njengoko kunyanzeleke ukuba senze kakhulu ngezibonelelo ezinganelanga.

Njengokwesiqhelo, siqhuba nokuphucula isakhono seli Sebe sokumisela uzinzo phakathi kweenjongo njengoko zithiwe thaca kwiSicwangciso Sentsebenzo Yonyaka (i-APP) kwelinye icala, ukuthobela intlalenge yeemfuno zemithetho yezolawulo neyonunikezelwa kweenkonzo ze oko kuthethe ukunikezelwa kweenkonzo ngendlela ebonakalayo eluntwini. Ngapha koko, njengoko kuya kufuneka zinatyiwe izibonelelo, ilinge elikukuhlola ifuthe liyakuba lelona linge lesicwangciso-qhinga eliphuma kweli Sebe yaye liyakuncedisa ekumiselweni kwenqanaba lesibini leenkqubo zokuqinisekiswa komgangatho weenkcukacha zentsebenzo.

Ngenxa yokuzinikela kwethu ekuqhubeni nokuphucula ukuphumezeka kweemfuneko zemithetho yokunikezelwa kweenkonzo, iSebe liyakuxhasa ze landise amathuba kubantwana nolutsha. Kule nkalo ke siyakuqhuba nokuqinisekisa ukusebenza kweSicwangciso-qhinga

sePhondo Sophuhliso Lweentsatshana (i-ECD). Esi sicwangciso-qhinga se-ECD ke sifikelele ekuqulunqweni kwenkqubo esephantsi kohlolo neyodwa ye-ECD yophuhliso kulwimi lwesiNgesi nokuphuhla kwengqondo. Oku kucetyelwe ukuvela kakuhle kulo nyaka-mali. ISebe eli ke lisezakuqhuba nokuzibandakanya kwalo kwinkqubo Yeenguqu Yononophelo Lwasemva Kwesikolo ezakunikezela ngendawo nexesha kubantwana abadinga ukuzibandakanya neentshukumo zophuhliso ezakhayo. Kule nkalo, siyazingca ngenkqubo yethu Yononophelo Olungagqibelelanga esele ibonakalisa ukuba ikulungele ukufaka igxalaba ngendlela eyakhayo kwisiphumo sale Nkqubo Yeenguqu Kunonophelo Lwasemva Kwesikolo.

Siyakuthi ke siqinisekise ngokweSicwangciso-qhinga sePhondo Sophuhliso Lolutsha ukuba iinkqubo zophuhliso lolutsha zizeziphilayo, zizezinefuthe elibonabakayo ezimpilweni zabo, ingakumbi kumba wokuncitshiswa kwezinga lentswela-ngqesho kubo. Ngokoxanduva lweli Sebe, eyona njongo iphambili kwisicwangciso-qhinga sethu kukuqinisekisa ukuba izidingo zabona bantu batsha basemngciphekweni nabona basesichengeni zezona zithathelwa ingqalelo nezixatyiwe kakhulu ngelixa sikwanikezela nothotho lweenkonzo, amathuba nenkxaso kubantu abatsha ngokubanzi. Ukuza kuthi ga ngoku, amalinge ethu, kwiSebe nakwiCandelo loMphathiswa ajoliswe ekuphuculeni iziphumo zamalinge ophuhliso lolutsha, ngokuthi kuqinisekiswa ukuba zonke iinkqubo zethu ezijoliswe kulutsha zigxile ekwayamaniseni ulutsha namathuba aphucula ukulungela kwalo ingqesho, imigangatho yezakhono ndawonye namathuba abo ebomini ngokubanzi.

Siyakuzama ukwakha nokuphucula umgangatho wazo zonke iinkqubo ezijolise kulutsha, ingakumbi amalinge afana neYouth Cafés. Kule nkalo, siyakugxila ekuqinisekiseni ukuba iNkqubo Exananazisiweyo Yemisebenzi Yoluntu (i-EPWP) isetyenziswa kakuhle njengenkqubo edala amathuba oqoqosho kwanexhobisa ulutsha ngezakhono. Siyakugxila futhi ekubandakanyeni ulutsha olukhubazekileyo, sigxile iingakumbi ekudaleni iimeko ezingcono zokwayanyaniswa namathuba oqoqosho kwanokunikezelwa kothotho lweenkonzo ezisemgangathweni kulutsha olukhubazekileyo.

Le meko yokuqwalasela ngendlela exananazileyo ibalulekile njengoko imeko yoqoqosho iya isiba maxongo nangakumbi kwizibonelelo zeSebe kwanamandla alo okunikezela ngeenkonzo. ISebe liyakuqhuba ligxila ekwenzeni luqilima iintsapho ngokwephulo 'Losapho-Olusemngciphekweni'. Eli phulo liyakugxila kwiinkonzo ezingundoqo nakwiintsapho ezikoyena mngcipheko mkhulu, ze lisondelele kakhulu kwiinkonzo ezijoliswe kwiimeko ezikumngcipheko ongephi njengoko iimeko/iinkozo ezingundoqo noko zizinzile zona. Ubukhulu becala ukuphunyezwa kweli phulo kuxhomekeke kumahlakani angaphandle akwinkalo Yononophelo Nokhuseleko Lwabantwana/kwinkqubo Yomthetho Kweezeentsapho, kuquka iNkundla Yeentsapho/iNkundla Yabantwana, iNkonzo Yesipolisa kuMzantsi Afrika (iSAPS), ndawonye ne-Ofisi Yomeli Weentsapho, njalo-njalo. ISebe liyakusebenzela ukwakha intsebenziswano.

Siyakuqhuba nokulwisana nokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi, yaye amalinge ethu okungenelela ayakuqhuba nokukhokelwa ziziphumo zophando olusemngangathweni, lona oluthe gqolo ukusiphathela iindlela ezizizo nezisebenzayo zokusebenza, ingakumbi kumba wokulwisana nezibi ezingumvuka wokusetyenziswa gwenxa kotywala. Kule nkalo, ukuzinikela kwethu kwinkqubo Yeenguqu Kumkhwa Wokusetyenziswa Gwenxa Kotywala, akukagungqi, yayeke siyakube sigxile ekuxananaziseni ilinge elisekelwe kuluntu ekuhlaleni lokunikezela ngonyango ekusetyenzisweni gwenxa kotywala kwanokubuyiselwa kwesimo sesiqhelo. Eyona nto siyakube sigxile kuyo, ngentsebenziswano neSebe Lezempilo, iyakuba sekumiseleni Inkqubo Yokungenelela Egxile Ekujonge Umvuka (iBMI ngamafuphi) kumaziko onyango lwesikhawu kwiingingqi ekujoliswe kuzo, sinike abasebenzisi bale nkonzo abakowona mngcipheko mkhulu abonzakele ngenxa yokusetyenziswa gwenxa kotywala inkxaso noncedo olubafaneleyo. Le nkonzo yeBMI iyakuba nenkqubo esebenzayo yokudluliselwa

kwezigulane ngenjongo yokuqinisekisa ukuba bakuba bekhutshiwe kumaziko onyango abasebenzisi abakowona mngcipheko mkhulu, banakho ukufikelela kwiinkonzo zentlalo ezingundoqo. Kule nkalo ke, siyakuzihlanganisa iinkqubo zethu zoluntu ekuhlaleni, ze silungise iinkqubo zokudluliselwa kwezigulane kuwo onke amahlakani ethu ezikuwo onke amanqanaba aseburhulumenteni nakumacandelo emibutho engajonge ngeniso. Ngapha koko, iSebe liyakuqhuba nomsebenzi wokukhulisa iinkonzo zonyango nokubuyisela kwisimo sesiqhelo, nkonzo ezo zijoliswe ekujonganeni neziphumo zengqondo yoluntu ezingumvuka wotywala neziyobisi.

Kule meko yamaxesh' oqoqosho amaxongo, kwakunye nemeko yezimali engentle, njengeSebe sisazimisele ukudlala indima yethu ze sinikezele iinkonzo kubantu baseNtshona Koloni. Ndiyathemba ke ukuba esi Sicwangciso Sentsebenzo Yonyaka siyibeka ngokucacileyo nangokugxilileyo indlela esimelana ngayo nale mingeni mpendulo yethu kule mingeni, yaye ke iyakuba sisikhokelo kubalawuli nabasebenzi bethu njengoko beqhuba neenzame zokusiphumeza.



---

**NGUMPHATHISWA WEPHONDO KWISEBE LOPHUHLISO LOLUNTU**

**Advocate A. Fritz**

**Umhla: 6 kweyoKwindla ka-2017**

## ISINIKEZELO NGOKUSESIKWENI

Esi sisiqinisekiso sokuba esi Sicwangciso Sentsebenzo Yonyaka:

- Sithe saqulunqwa liqoqo lolawulo leSebe Lophuhliso Loluntu phantsi kwesikhokelo sika-Adv. Albert Fritz yaye sithe senziwa ngokulandela imimiselo yeSicwangciso-qhinga seli Sebe.
- Sithathela ingqalelo yonke imigaqo-nkqubo-nkqubo, imithetho kwakunye neminye imimiselo efanelekileyo elinoxanduva lokuyithobela eli Sebe.
- Sivakalisa ngokuchanekileyo izicwangciso zentsebenzo elizimisele ukusebenzela ukuzizuka eli Sebe, ngokuthathela ingqalelo izibonelelo ezithe zakhutshwa kuhlahlo lolwabiwo-mali luka-2017/18.



**nguNkszn Marion Johnson**  
**onguMlawuli Oyintloko: KwiCandelo Locwangciso Loshishino**  
**Nezicwangciso-qhinga**



**nguMnu Juan Smith**  
**OnguMlawuli Oyintloko Kwezemali**



**nguGqir. Robert Macdonald**  
**oliGosa Elongameleyo**

**Iphunyezwe:**



**Ngu-Adv. Albert Fritz**  
**oyiNgqonyela**  
**Umhla: 6 kweyoKwindla ka-2017**

<b>IZIQULATHO</b>	
<b>IMBULA-MBETHE</b>	<b>3</b>
<b>ISINIKEZELO NGOKUSESIKWENI</b>	<b>6</b>
<b>ISIGABA A: IMBONAKALO NGOKWESICWANGCISO-QHINGA</b>	<b>11</b>
1. Umbono	11
2. Umnqophiso	11
3. Imigqaliselo	11
4. Izikhokelo Ngokwemithetho, eminye imimiselo kwakunye nemisebenzi engundoqo	12
4.1 Imisebenzi NgoMgaqo-siseko	12
4.2 Izikhokelo Ngokwemithetho	12
4.3 Imisebenzi yeSebe ephambili	14
4.4 Izikhokelo Zemigaqo-nkqubo	15
4.5 Imiyalelo yeenkundla Ezichaphazelekayo	19
4.6 Amalinge Emigaqo-nkqubo Asacetywayo	19
5 Uhlalutyo Lwemeko	20
5.1 Imeko Yentsebenzo	20
5.2 Imeko yeSebe	24
5.3 Isimo seSebe	24
5.4 Ingcaciso Ngenkqubo Yokuqulunqwa Kwesicwangciso-qhinga	31
5.5 Ukuthungelaniwa Kwezikhokelo Zomsebenzi weSebe	32
6 Iinjongo Ezisekelwe Kwiziphumo Zesicwangciso-qhinga seSebe	37
7 Imbonakalo yohlahlo lolwabiwo-mali luka-2017/18 kwakunye neentelekelelo kwiMTEF	39
7.1 Iintelekelelo Zenkcitho	39
<b>ISIGABA B: IINJONGO ZESICWANGCISO-QHINGA NEENKCUKACHANGEENKQUBO</b>	<b>44</b>
8 Inkqubo 1: Ezolawulo	45

8.1	Ukulungelelaniswa kweethagethi zentsebenzo kunye nesabelo-mali kunye neMTEF	48
8.2	Ulawulo Lomngcipheko	49
9	Inkqubo 2: linkonzo Zentlalo-ntle Yoluntu	51
Inkqutyana 2.2	Unonophelo Neenkonzong Kubantu Abadala	51
Inkqutyana 2.3	linkonzo kubantu abakhubazekileyo	54
	Ukuthungelanisa iithagethi zentsebenzo nesabelo-mali neMTEF	59
	lintelekelelo zenkcitho	59
	<i>linguqu Kwintsebenzo Nenkcitho</i>	60
9.1	Ulawulo Lomngcipheko	61
7	Inkqubo 3: Abantwana Neentsapho	62
Inkqutyana 3.1.	Ulawulo Nenxaso	62
Inkqutyana 3.2	Unonophelo Nenxaso Kwiintsapho	62
8.1	Ukuhlanganisa iithagethi zentsebenzo nesabelo-mali kunye neMTEF	76
	lintelekelelo zenkcitho	76
	Inguqu Kwintsebenzo Nenkcitho	77
9.2	Ulawulo Lomngcipheko	78
10	Inkqubo 4: linkonzo Zoluleko	79
Inkqutyana 4. 2	Ezothintelo Lolwaphulo-mthetho Nenxaso	79
10.1	Ukulungelelaniswa kweethagethi zentsebenzo kunye nesabelo-mali kunye neMTEF	89
	Inguqu Kwintsebenzo Nenkcitho	90
10.2	Ulawulo Lomngcipheko	91
11	Inkqubo 5: Ezophuhliso Nophando	92
11.1	Ukulungelelaniswa kweethagethi zentsebenzo kunye nesabelo-mali kunye neMTEF	102
	Inguqu Kwintsebenzo Nenkcitho	103
11.2	Ulawulo Lomngcipheko	104
	ISIGABA C: UTHUNGELWANO NEZINYE IZICWANGCISO	106
12	UTHUNGELWANO NEZICWANGCISO ZEZIBONELELO EZIPHAMBILI ZETHUBA ELINGEPHI	106



<b>13</b>	<b>IINKXASO-MALI EZINEMIQATHANGO</b>	<b>108</b>
<b>14</b>	<b>AMAQUMRHU OLUNTU</b>	<b>108</b>
<b>15</b>	<b>INTSEBENZISWANO PHAKATHI KWAMAQUMRHU OMBUSO NAWABUCALA</b>	<b>108</b>
	<b>ISIHLOMELO A: IINGUQU KWISICWANGCISO-QHINGA SIKA-2015-2020</b>	<b>109</b>
	<b>ISIHLOMELO B: IITHEYBHILE ZENGCACISO KWIZALATHISI ZOBUGCISA DESTION TABLES</b>	<b>112</b>
	<b>ISIHLOMELO C: ULUHLU LWEZOQHAKAMSHELWANO</b>	<b>169</b>
	<b>ISIHLOMELO D: IZISHUNQULELO</b>	<b>171</b>
	<b>ISIHLOMELO E: ISALATHISI SENTSEBENZO YECANDELO EZINGENZIWAYO LIPHONDO LENTSHONA KOLONI</b>	<b>173</b>
	<b>ISIHLOMELO F: IZIBAMBISWANO KWINTSEBENZO</b>	<b>175</b>

**ISIGABA A: IMBONAKALO  
NGOKWESICWANGCISO-QHINGA**

## ISIGABA A: IMBONAKALO NGOKWESICWANGCISO-QHINGA

### 1. Umbono

Uluntu oluzimeleyo

### 2. Umnqophiso

Kukuqinisekisa ukunikezelwa kothotho lweenkonzo zophuhliso loluntu ezivumela nezixhobisa abantu abahlelekileyo, abasemngciphekweni kwanabo baneezidingo ezizodwa.

### 3. Imigqaliselo

Eyona migqaliselo ingundoqo kaRhulumente weNtshona Koloni, eliyithobelayo eli sebe, yile ilandelayo:



Ukukhathala

Kukunonophela abo sibancedayo nesisebenza nabo



Ukwazi umsebenzi

Amandla nesakhono sokwenza umsebenzi esiqeshelwe ukuwenza



Ukusebenzisana nabantu

Siyaluthatha uxanduva



Isidima

Kukunyaniseka kwanokwenza okulungileyo



Iimbono ezintsha

Kukuvuleleka kwiimbono ezintsha kwanokuqulunqa izisombululo ezizezinye kwiingxaki ngendlela enezibonelelo



Ukubuya neempendulo

Kukuzinikela ngezidingo zabemi nabasebenzi bethu

iDSD izinikele kule **migaqo ingundoqo yokunikezelwa kweenkonzo** ilandelayo:

**Imibono emitsha: Ukusebenza ngendlela eyahlukileyo**

- iDSD iyakuzinikela ekukhangeleni nasekuvavanyeni iindlela ezahlukileyo neziza nemibono emitsha zokusebenza ngenjongo yokuzuza ezona ziphumo ziphambili kwisithutyana nje sexesha kungakhange kushenxwe kumgangatho ophakamileyo nowamkelekileyo wokunikezelwa kweenkonzo.
- **Amatyathanga entsebenziswano nokubandakanya**  
Siyakunika ingqwalasela emandla kumba wokusebenzisana ngendlela ekhokelwa ziziphumo namahlakani ethu kwakunye neminye imibutho esisebenzisana nayo njengoko kuthiwe thaca kuMthetho i-Intergovernmental Relations Framework Act 13 ka-2005.
- **Ukufikeleleka**  
Kubalulekile ukufikeleleka kweenkonzo kwabo bazidingayo. Eli sebe liyakuqhuba liphucula njalo amacandelo neenkqubo zalo apho kuyimfuneko kwisithuba esiphakathi senkcitho-mali.
- **Ukunikezelwa Kweengxelo Nokusebenza ngendlela Eselubala**  
Siceba indlela yolawulo lwamaqumrhu ngendlela esemgangathweni ngokuthi kuphunyezwe uhlolo novavanyo kwakunye nokunikezelwa kweengxelo okusekelwe kwiziphumo, iinkqubo zoshishino ezisemgangathweni, imigaqo-nkqubo kwakunye nokuphuculwa kokuthotyelwa kwemimiselo ngenjongo yokuphucula indlela yokusebenza ngokunikezelwa kweengxelo kwakunye namazinga entsebenzo.

## 4. Izikhokelo Ngokwemithetho, eminye imimiselo kwakunye nemisebenzi engundoqo

### 4.1 Imisebenzi NgoMgaqo-siseko

Imithetho	Ifuthe kwintsebenzo yeDSD
<b>uMgaqo-siseko woMzantsi Afrika onguNombolo 108 ka-1996</b>	ICandelo 28 (1) loMgaqo-siseko uthi thaca amalungelo abantwana malunga nononophelo olusemgangathweni (isondlo esingundoqo, indawo yokuhlala, iinkonzo zononophelo lwempilo nolwentlalo) futhi nokuthi ukubanjwa nokuvalwa kwabantwana makube yinto yokugqibela.
<b>UMgaqo-siseko weNtshona Koloni, ka-1997 OgunomboloNombolo 1 ka-1998</b>	ICandelo 78 loMgaqo-siseko uthi thaca uxanduva loMkomishinala Wabantwana ekufuneka encedise iWCG ekuphakamiseni nasekukhuseleni abantwana beNtshona Koloni nolujolise kwiNkonzo Yentlalo-ntle ngokukodwa

### 4.2 Izikhokelo Ngokwemithetho

Imithetho	Ifuthe kwintsebenzo yeDSD
<b>uMthetho iProbation Services Amendment Act 35 ka-2002</b>	Injongo yawo kukulungisa uMthetho iProbation Services Act, 1991, ukuze kufakwe izichazi ezithile ukuze: <ul style="list-style-type: none"> <li>● Kwenziwe izibonelelo ngokweenkqubo ezijoliswe ekuthintelweni nasekulwisaneni nolwaphulo-mthetho;</li> <li>● Kunwenwiswe amagunya nemisebenzi amagosa oluleko;</li> <li>● Kunikezelwe ngemisebenzi yabancedisi bamagosa oluleko;</li> <li>● Kuvakaliswe ngohlolo olusisinyanzeliso lwabantwana ababanjweyo;</li> </ul>

Imithetho	Ifuthe kwintebenzo yeDSD
	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Kuvulwe amathuba okusekwa kwekomiti yeengcebiso ngoluleko; ze</li> <li>● Kuvulwe namathuba okuchongwa abo bazakukhangela iintsapho; ze kuvulelwe ke nezibonelelo zeminye imiba eyayamene nale.</li> </ul>
<b>uMthetho iNon-Profit Organisations Act, Nombolo 71 ka-1997</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Injongo yalo Mthetho kukuxhasa iiNPO ngokuthi kusekwe isikhokelo solawulo nesomiselo apho iiNPO zinokwenza imicimbi yazo.</li> </ul>
<b>uMthetho iDomestic Violence Act, Nombolo 116 ka-1998</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Injongo yalo Mthetho kukunika amaxhoba obundlobongela basekhayeni elona nqanaba lokhuseleko liphezulu kwabo babaxhaphazayo.</li> </ul>
<b>uMthetho iSocial Service Professions Act, Nombolo 110 ka-1978; owalungiswa ngo-1995, ngo-1996 nango-1998</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Lo Mthetho waseka iBhunga Lamakhono ooNontlalo-ntle boMzantsi Afrika futhi ke ukwachaza amagunya nemisebenzi yebhodi yeenkonzo zoluntu kwakunye nekhono ngokwalo.</li> </ul>
<b>Children's Act, Nombolo 38 ka-2005</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Lo Mthetho waphunyezwa ngokweSinikezelo sikaMongameli ngomhla wokuqala kwinyanga kaTshazimpuzi ka-2010 futhi ke uchaza: <ul style="list-style-type: none"> <li>● Amalungelo noxanduva lwabantwana;</li> <li>● Uxanduva namalungelo abazali;</li> <li>● Imigaqo nezikhokelo ngomsebenzi wokukhuselwa kwabantwana;</li> <li>● Ukuphakanyiswa kwentlalo-ntle yabantwana; kunye</li> <li>● Ukwenziwa luqilima kwemithetho enento yokwenza nentlalo-ntle kwanokhuseleko lwabantwana, kwanemicimbi ebingalindelekanga.</li> </ul> </li> <li>● Oyena ndoqo wohlalutyo lwesibini lomthetho iChildren's Act yayikukugxila kwisigwebo seNkundla Ephakamileyo Yamazantsi eRhawuti esamisela ngenyanga kaTshazimpuzi ka-2011 ngenjongo yokufundiswa nokutolikwa ngendlela kweSahluko 150(1) (a) salo Mthetho. INkundla yaye yafumanisa ukuba: <ul style="list-style-type: none"> <li>● Umnonopheli onoxanduva lokunonophela (ingumakhulu ke kule meko) angathenjwa njengomzali ozakumkhulisa okwethutyana; futhi ke</li> <li>● UMthetho iChildren's Act neSocial Assistance Act kunye Nemimiselo yayo ayivezi sidingo sakuhlolwa komvuzo walowo utyunjelwe ukukhulisa lo mntwana; ngoko ke yimeko yemali yabantwana ekufumaniseke ukuba banesidingo sononophelo nokhuseleko kufuneka siqwalaselwe, hayi eyomzali otyunjelwe ukubajonga. Kwimeko apho umzali otyunjelwe ukukhulisa umntwana ngokomthetho kufumaniseka ukuba imeko yakhe yoqoqosho imaxongo, uselungweli lokufaka isicelo senkamnkam yokukhulisa loo mntwana.</li> </ul> </li> </ul>
<b>iOlder Persons Act, Nombolo 13 ka-2006</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Lo Mthetho, owaphunyezwa ngokweSinikezelo sikaMongameli ngomhla wokuqala kwinyanga kaTshazimpuzi ka-2010, ujolise ekuxhotyisweni nasekukhuselweni kweenkonde neenkondekazi kuquka nesimo sabo, amalungelo, intlalo-ntle, ukhuseleko, ukhuselo, ukupheliswa kwempatho-mbi kubantu abadala.</li> <li>● Lo Mthetho uphakamisa indlela enophuhliso ethathela ingqalelo: <ul style="list-style-type: none"> <li>● Ubulumko nezakhono zeenkonde neenkondekazi;</li> <li>● Ukuthatyathwa kwenxaxheba ziinkonde neenkondekazi kwimicimbi yoluntu ekuhlaleni;</li> <li>● Ukumiselwa kokubhaliswa kweenkonzo kwiinkonde neenkondekazi kwakunye;</li> <li>● Nokumiselwa kwanolawulo lweenkonzo namaziko eenkonde neenkondekazi.</li> </ul> </li> <li>● Ngokwahlukileyo kumthetho i-Aged Persons Act, Nombolo 81 ka-1967, apha kubhekellewe kancinci ekugxileni kunonophelo lweenkonde neenkondekazi kumaziko ononophelo, kwagxilwa</li> </ul>

Imithetho	Ifuthe kwintebenzo yeDSD
	endaweni yoko ekunonotshelweni kwabo kwiingingqi abahlala kuzo ngenjongo yokuqinisekisa ukuba inkonde okanye inkondekazi ihlala kwiingingqi yayo kangangoko kunokukwazeka.
<b>uMthetho iPrevention and Treatment for Substance Abuse Act, Nombolo 70 of 2008</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Lo Mthetho inikezela ngesikhokelo esihlanganyelweyo sokunikezelwa kweenkonzo ngendlela efanayo kwinkalo yokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi kuwo onke amasbe aseburhulumenteni. Owona ndoqo walo mthetho kukuphakanyiswa kweenkqubo zamalinge okungenelela kwangethuba ndawonye nokubhaliswa kwamalinge onyango kwinkalo yokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi.</li> </ul>
<b>uMthetho iChild Justice Act, No. 75 of 2008</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Lo mthetho useka inkqubo yobulungisa bolwaphulo-mthetho kubantwana abatyholwa ngokwenza izono yaye ujolise ekukhuseleni amalungelo abantwana.</li> </ul>
<b>uMthetho iSexual Offences and Related Matters Amendment Act, Nombolo 6 ka-2012</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Kukulungisa uMthetho iCriminal Law (Sexual Offences and Related Matters) Amendment Act, ka-2007, ngenjongo yokubonelela ngokuphandle ngegunya lokohlwaya kwizenzo zolwaphulo-mthetho ezithile ezithe zachazwa kulo mthetho ukuze iinkundla zibone ngokwazo ukuba zohlwaye okanye zigwebe njani kwiimeko ezinje; kwanokubonelela ngesikhokelo kwezinye iimeko ezikumila kunje.</li> </ul>
<b>uMthetho iPrevention and Combatting of Trafficking in Persons Act, Nombolo 7 ka-2013</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Lo mthetho unika amandla uMmiselo woMbuthe Weziwe Ezimanyeneyo ongokuthintela, ukucinezela kwanokohlwaya umkhwa wokuxhwilwa kwabantu, ingakumbi amanina nabantwana, ngoko ke kube kuncediswana nengqungquthela yoMbuthe Weziwe Ezimanyeneyo ochasene nolwaphulo-mthetho olucanda imida yamazwe.</li> </ul>
<b>UMthetho i-Intergovernmental Relations Framework Act, Nombolo 13 ka-2005</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Lo Mthetho ujolise ukuba sisikhokelo ekusebenzisaneni okumandla phakathi kwamabakala amathathu aseburhulumenteni ngenjongo yokuphakamisa inkqubo yolawulo ezinzileyo nekwayimpendulo ephakamisa iminqophiso kwanemigaqo yezolawulo lwaseburhulumenteni.</li> </ul>

### 4.3 Imisebenzi yeSebe ephambili

ISebe lizinikele kule misebenzi ingundoqo ilandelayo:

- **Inkonzo Yentlalo-ntle Yoluntu** kubantu abahlelekileyo nabasesichengeni ngenisebenziswano namahlakani kwanemibutho yokuhlala kunye;
- **Nenkonzo Yophuhliso Ekuhlaleni** enikezela ngeenkqubo zophuhliso eziluhlalima, eziphakamisa nezikhokelisa ukuxhotyiswa koluntu ekuhlaleni

#### 4.4 Izikhokelo Zemigaqo-nkqubo

- **Isikhokelo Sesicwangciso-qhinga Sethuba Elingephi(MTSF) (2014-2019):** Esi Sikhokelo Sexesha Elingephi Sesicwangciso-qhinga sisicwangciso-qhinga sikaRhulumente kwisithuba seminyaka emihlanu sezolonyulo u-2014-2019. Sibonakalisa ukuzinikela ekuphumezeni iSicwangciso Sophuhliso Lwesizwe njengoko yathiwa thaca kwizithembiso zolonyulo zombutho olawulayo. Kuquka nesinikezelo sokuphumeza le NDP. Esi sikhokelo sidiza iintshukumo ezizakuthatyathwa nguRhulumente kwakunye neethagethi ezithe zazuzeka. Injongo yesi sikhokelo kukuqinisekisa ukuthungelana, ukusebenzisana nokuhambelana kwemigaqo-nkqubo kwizicwangciso zikarhulumente ngokubanzi ndawonye nokuthungelana kweenkqubo zokuqulunqwa kwezabelo-mali.
- **Isicwangciso Sophuhliso Lwesizwe(NDP) (sika-2012):** IKomishomi Yocwangciso Lwesizwe yapapasha “iSicwangciso Sophuhliso Lwesizwe: Umbono ka-2030” ngomhla weshumi elinanye kwinyanga yeNkanga ka-2011 njengeniyathelo lokuqalisa uMzantsi Afrika kwindlela entsha ejolise ekubeni athi efika u-2030 kube iphelile intlupheko, kunciphe nokungalingani. Uxwebhu elisihloko sithi “Isicwangciso Sophuhliso Lwesizwe: Ikamva Lethu – lenze lisebenze” lwathi lwapapashwa ngo-2012.
- **I-OneCape2040: Ukususela Kumbono ukuya Kwintshukumo (2012):** URhulumente weNtshona Koloni wathi wamkela olu uxwebhu ngenyanga yeDwarha ka-2012. Lujolise ekuvuseleleni iinguqu ezizakukhokelela kwikamva loqoqosho elizakubandakanya wonke ubani kwaneliluqilima kwiNtshona Koloni. Luvakalisa umbono ngendlela abantu baseNtshona Koloni abangasebenzisana ngayo baphuhlise uqoqosho lommandla wabo kwanoluntu ngokubanzi, kuthi ke ngokwenza oko, babe banikezela isikhokelo sezocwangciso neentshukumo ezizakuphakamisa ukuzinikela koluntu kumbono omnye kwanokusebenza ngendlela eqononondileyo ngenjongo yokwenza inkqubo ezinzileyo nezakujonga kwikamva elide.
- **Isicwangciso-qhinga sePhondo(PSP) 2014-2019:** Esi sicwangciso-qhinga sisicwangciso seminyaka emihlanu esivakalisa izicwangciso-qhinga nezicwangciso zeminyaka emihlanu elandelayo. URhulumente weNtshona Koloni sele echonge iinjongo zesicwangciso-qhinga ezintlanu kwinjongo yaso yokufaka igalelo ekuzuzweni kwamanaqu neenjongo zeSicwangciso Sophuhliso Lwesizwe kwisithuba seminyaka emihlanu ezayo.
- **Uxwebhu Logayo-zimvo Kwezentlalo-ntle Yoluntu (1997):** Uxwebhu Logayo-zimvo lusebenza njengesiseko sentlalo-ntle yoluntu emva ko-1994 ngokuthi sinikezele ngemigaqo, imigaqo-nkqubo kwakunye neenkqubo zamalinge ophuhliso lwentlalo-ntle yoluntu.
- **Uxwebhu Logayo-zimvo kuMgaqo-siseko Ongemicimbi Yabemi boMzantsi Afrika (1998):** Olu Xwebhu Logayo-zimvo luphakamisa uphuhliso loluntu oluluqilima kwanomgangatho wobomi kubo bonke abemi boMzantsi Afrika ngokuthi kuhlanga-hlanganiswe imizi yophuhliso lwabemi kucwangciso lophuhliso kumanqanaba karhulumente ohlukeneyo kwakunye nawo onke amacandelo aseburhulumenteni. ISebe eli liphantsi kwesikhokelo sokuhlola ukumiselwa kwalo mgaqo-nkqubo, kwanefuthe lawo kwiinguqu zamanani abemi kwinkalo yophuhliso oluluqilima kuluntu.
- **Umthetho iNational Youth Development Agency Act Nombolo 54 ka-2008:** Injongo yalo mthetho kukudala nokuphakamisa ubumbano kwimiba yophuhliso lolutsha.
- **uMgaqo-nkqubo Wolutsha Lwesizwe 2020, yenyanga kaTshazimpuzi ka-2015:** Injongo kukuhlanga-hlanganisa amalinge okungenelela kwimiba yabantu abatsha ngenjongo yokufaka iinguqu nokuphucula uqoqosho kwanoluntu ngokuthi kujongwane ze kusunjululwe imicimbi echaphazela bona, ukuphakamisa iziphumo eziphilileyo,

amathuba, izigqibo abazithathayo kwakunye nobudlelwane; kwanokunikezelwa kwenkxaso ekunyanzelekileyo ukuba bayifumane ukuze baphuhle.

- **uMgaqo-nkqubo weSebe Lophuhliso Loluntu Ongokunikwa Kwenkxaso-mali Kwimibutho Engekho Phantsi Kolawulo Lwaserhulumenteni Ekunikezelweni Kweenkonzo Zentlalo-ntle Nophuhliso Loluntu Ekuhlaleni (2013- walungiswa ngenyanga yeDwarha ka-2015).** Lo mgaqo-nkqubo uqinisekisa iintlawulo ezithi zenziwe zilawulwa ngendlela ephakamisa ukusebenza ngendlela evulelekileyo, enikezela ngeengxelo, enolawulo olusemgangathweni, onezidingo zentsebenzo ezicacileyo kwakunye nemigaqo yezolawulo lobulungisa. Lo mgaqo-nkqubo uthungelaniswe noMgaqo-nkqubo Wesizwe Ongokunikezelwa Kwezibonelelo Zemali.
- **uMgaqo-nkqubo Wogayo-zimvo Ngeentsapho (2013):** eyona njongo yolu Xwebhu Logayo-zimvo kukukhokelisa intlalo-ntle yeentsapho, ukuphakamisa nokwenza luqilima iintsapho, ubomi beentsapho kwanokuthathela ingqalelo emandla imiba echaphazela iintsapho kumalinge okuqulunqwa kwemigaqo-nkqubo yaseburhulumenteni ngokubanzi. ISebe eli sele liqulunqe isicwangciso sephondo sokuphunyezwa koXwebhu Logayo-zimvo Ngemiba Yeentsapho owamkelwa liQumrhu Seenkonzo Kwiintsapho ngomhla weshumi elinesithandathu kweyoMsintsi ka-2016.
- **Isikhokelo Sokunikezelwa Kweenkonzo Zentlalo-ntle (2011):** Esi sikhokelo sesizwe siphunyeziweyo sayanyaniswa neNkqubo Yokunikezelwa Kweenkqubo Ehlenganyelweyo yaye ikwakhokelisa isibonelelo senkqubo ehlengahlengisiweyo apho oonontlalo-ntle bayakuba nakho ukunikezela ngothotho lweenkonzo zentlalo-ntle ezisemgangathweni ophilileyo, ezihlanganyelweyo, ezisekelwe kumalungelo nezinezibonelelo ezaneleyo.
- **Imigaqo Nemimiselo Efanayo Engokunikezelwa Kweenkonzo Zentlalo-ntle (2011):** kukunikezela isibonelelo sokunikezelwa kothotho lweenkonzo ezisemgangathweni zentlalo-ntle yaye sikwayingxeny yeSikhokelo Seenkonzo Zentlalo-ntle.
- **Imimiselo Yeenkonzo Zentlalo-ntle (2013):** le mimiselo yathi yapapashwa kwiGazethi Yemimiselo enguNombolo 36159, yomhla weshumi elinesihlanu kwinyanga yoMduba ka-2013, Isiqendu 572, Nombolo 9911 ijoliswe ekumiseleni nasekuphuculeni iinkonzo zoluleko.
- **Isicwangciso Esiphambili Sesizwe Sokujongana Neziyobisi (2008):** esi sicwangciso sivula umsantsa wokuhlanganiswa kwemisebenzi yamasebe neyoorhulumrente bamakhaya ngokwemigaqo yomthetho iPrevention and Treatment for Substance Abuse Act, Nombolo 70 ka-2008. Injongo yaso kukuqinisekisa ukuba eli lizwe linendlela enye yokumelana nokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi.
- **Isikhokelo Esingolawulo Kwikhono Lezentlalo-ntle kuMzantsi Afrika (2011):** sinikezela isikhokelo sokubekwa esweni koonontlalo-ntle, abafundi bezentlalo-ntle, abancedisi boonontlalo-ntle, abafundi kwezokuncediswa koonontlalo-ntle iingcali kwezentlalo-ntle kwakunye nabasebenzi bezentlalo-ntle abazimeleyo nabecandelo labucala ngenjongo yokuqinisekisa ukunikezelwa kothotho lweenkonzo zentlalo-ntle ezisemgangathweni ezimelana nezidingo zabo badinga le nkonzo ngeyona indlela ichanekileyo kwicandelo lentlalo-ntle kweli loMzantsi Afrika.
- **Isikhokelo Esingokuqinisekiswa Komgangatho Kwiinkonzo Zentlalo-ntle (2013):** esi sikhokelo sesizwe sinikezela ngenkqubo eyiyo kwakunye nemigangatho ecacileyo ngenjongo yokuhlola intsebenzo nokunikezelwa kwenkqubela nempucuko kumbva weenkonzo zentlalo-ntle.
- **Isicwangciso-qhinga seSebe Lophuhliso Loluntu Sophuhliso Lolutsha (2013):** Kukunikezela isikhokelo, kukwazisa kwanokunikezela umkhomba-ndlela ukuqulunqwa kweenkqubo



zophuhliso lolutsha kwanokunye okuphambili, kwanokuzisa umlinganisleo oluqilima wokuthelekeleleka kweenkqubo zethu. Sisebenza njengesixhobo esibalulekileyo socwangciso nesijoliswe ekumelane nezidingo zabantu abatsha bePhondo leNtshona Koloni.

- **Isicwangciso-qhinga sePhondo Kuphuhliso Lolutsha (2013):** “Injongo yesicwangciso-qhinga (ephondweni) sophuhliso lolutsha kukudala inkxaso eyenye, amathuba kwakunye neenkonz kubo bonke abantu abatsha ukuze babe nokuthungelana ngcono neendawo abakuzo ze futhi bakhule babe ngabantu abadala abaluthakazelela ngempumelelo uxanduva lwabo, abazimeleyo nabazinzileyo ebomini. Sijolise kubantu abasebatsha ababudala buphakathi kweshumi neshumi elinesine kwakunye nolutsha aolubudala buphakathi kweshumi elinesihlanu namashumi amabini anesine”.<sup>1</sup>
- **Isicwangciso-qhinga sePhondo Esihlangnyelweyo Nesingophuhliso Lweentsatshana (2012):** Esi sicwangciso-qhinga sivulela ukufikeleleka kweenkonzo zophuhliso lweentsatshana (eziquka iBanga uR) ezisemgangathweni ezizakwenza abantwana abaninzi kwangangoko ukuba bakwazi ukufumana amandla, ukuzithemba, izakhono kwakunye nobuchule bokusebenza ngenjongo yokuqinisekisa ukuba baxhobiseke balungiseleleka kakuhle ukulungela amabanga esikolo asusela kwelokuqala ukuya ku-12.
- **uMgaqo-nkqubo Wesizwe Ongokunikezelwa Kweenkonzo Zentlalo-ntle Yoluntu Kubantu Abakhubazekileyo (2013):** Eyona njongo kukunikezela isikhokelo nokubumba inkqubo yokunikezelwa kweenkonzo zophuhliso loluntu ezingundoqo Kubantu Abakhubazekileyo. Ujolise ekuqinisekiseni ukuba siyakhuseleka futhi siyahlonipheka isidima namalungelo Abantu Abakhubazekileyo, gokuthi kunikezelwe iinkqubo neenkonz zoqoqosho loluntu eziqinisekisa ukubandakanyeka kwabo.
- **Isikhokelo Sophuhliso Lwemihlaba sePhondo leNtshona Koloni (2014):** esi sikhokelo sisebenza njengesiseko sokuhlanganiswa, ukubunjwa nokuthungelaniswa kweenkqubo zeSebe leSizwe nelePhondo “emgangathweni”; ukunikezelwa kwenkxaso koomaspala u ukuze bamelane nezikhokelo zabo zocwangciso kwimicimbi yabo ebandakanya oorhulumente bamaphondo nowesizwe; ixhasa ze inikezele ingcaciso ngeenjongo zikarhulumente zophuhliso lwemihlaba kwicandelo labucala kwakunye nakuluntu ngokubanzi.
- **uMgaqo-nkqubo weSebe Lophuhliso Loluntu leNtshona Koloni Ongekuhlalutya Kokukhululwa Kwabantwana Abagwetywe Kumaziko eDSD Ononophelo Lwabantwana Nolutsha Besiwa Kumaziko Ononophelo Angenamiqathango Mininzi Phantsi Kwabazali (ngenyanga yeKhala ka-2014):** Lo mgaqo-nkqubo unikezela ngesikhokelo sokuhlalutya, ukukhululwa kwanokubuyiselwa eluntwini kolutsha obelubhantinta izigwebo zalo kwiiCYCC ngokuthi luhlaliswe ngendlela esekelwe kunonophelo ongenazimbopheleleko zimandla njengoko kuthiwe thaca kwiSahluko 11 somthetho iChildren's Act, 38 ka-2005 kwakunye Nemimiselo yawo.
- **Iindlela Esesikweni Yokusebenza yeSebe Lophuhliso Loluntu leNtshona Koloni Esingokususwa Kwabantwana Ezitalatweni kwakunye Neenkqubo Ezilandelayo (2015):** Le nkqubo yathi yaqulunqwa ngesikhokelo esenziwe ngokwamanyathelo ohlukeneyo ngemigaqo emayilandelwe xa kususwa umntwana ohlala ezitalatweni, mntwana lowo unesidingo sononophelo nokhuseleko asiwe kwindawo ekhuselekileyo. Ibka elubala iindima noxanduva lwabasebenzi beli Sebe kwakunye namanye amahlakani kwicandelo leeNPO nakwisipolisa. Le nkqubo ibeka: amaxesha ekufuneka ethotyelwe; inikezela ngeengcaciso ngabantwana abahlala ezitalatweni; ngokuba isebenza kubani na le

<sup>1</sup> Eli lisuntswana elithatyathwe kwiSicwangciso-qhinga Sophuhliso Lolutsha sika-2013, esamiselwa yiNkulumbuso u Helen Zille.

nkqubo; ichaze imithetho echaphazelekayo; ze iqulathe iinombolo zoqhakamshelwano zabantu namaqumrhu achaphazelekayo.

- **Isicwangciso-qhinga seSebe Lophuhliso Loluntu likaRhulumente weNtshona Esingokuphuculwa Kweenkonzo Zamaziko Ononophelo Lwabantwana Nolutsha (2015):** esi sicwangciso-qhinga saqulunqelwa ukunciphisa imingcipheko echaphazela ukuphunyezwa kweemfuno zemithetho, imigaqo nemiqathango yomthetho iChildren's Act. Isicwangciso-qhinga esi siqwalasela isizekabani seengxaki kwakunye namalinge okuzama ukusombulula ezo ngxaki.
- **Isikhokelo Esingokuqinisekiswa Komgangatho Ekwenziweni Kohlolo Kwiinkonzo Zentlalo-ntle Nphuhliso Loluntu Ekuhlaleni (2015).** Esi sikhokelo sephondo sithungelana neSikhokelo Sesizwe Sokuqinisekisa Umgangatho Weenkonzo Zentlalo-ntle (sika-2013) yaye siza necebo lokuhlolwa kwentsebenzo ngendlela yokuqinisekisa umgangatho wentsebenzo kwinkalo yeenkonzo zophuhliso lweengingqi kwakunye neenkonzo zentlalo-ntle kweli Sebe ndawonye necandelo leeNPO kweli phondo. Sikwaqwalasele ukuphuculwa komgangatho kwinkqubo yokunikezelwa kweenkonzo ze sichaze umgangatho oqwesileyo weenkonzo kwanendlela ekumele uhlolwe ze ulwulwe ngayo.
- **Isicwangciso-qhinga Sokuqinisekisa Umgangatho Wamaziko Ononophelo Lwabantwana Nolutsha (2015):** Esi sicwangciso-qhinga siqinisekisa umgangatho weenkonzo uyahlolwa kwiiCYCC njengoko siyalela iSahluko 211kwakunye nommiselo 89 womthetho iChildren's Act.
- **Isicwangciso-qhinga Esingokuvuselelwa Kwenkqubo Yokunikezelwa Kwamaziko Eenkqubo Ezahlukeneyo (2015):** Ukulunqwa nokulawulwa kwesicwangciso-qhinga ngenjongo yokuqinisekisa ukusasazeka ngendlela kweeCYCC ezinezibonelelo ezaneleyo nezichanekileyo, ezibunjwe ngendlela kweli phondo, zinikezela ngothotho oludingekayo lweenkqubo zononophelo kumaziko okuhlala njengoko kuyalelwe kwiSahluko 192 somthetho iChildren's Act, Nombolo 38 ka-2005.
- **uMgaqo-nkqubo Ongophuhliso Lweentsatshana kaZwelonke (2015):** lo mgaqo-nkqubo ujolise ekufakeni iinguqu kwinkqubo yeenkonzo zophuhliso lweentsatshana kuMzantsi Afrika, ingakumbi ekuqwalaseleni imisantsa emandla kwanokuqinisekisa ukunikezelwa kothotho lweenkqubo zophuhliso lweentsatshana ezinikezelwa ngokobudala babantwana kwanangokwamanqanaba okukhula kwabo, ezifikeleleka kuzo zonke iintsana, abantwana abaselula kwakunye nabantu ababanonophelayo njengoko kukhonjiwe kwiSicwangciso Sophuhliso Lwesizwe.
- **Isicwangciso-qhinga seNtshona Koloni Esingokunikezelwa Kweenkonzo Zamaziko Ononophelo Lwabantwana Nolutsha (CYCCs) (2016):** esi sicwangciso-qhinga silawula ukunikezelwa nokusasazwa ngendlela kweenkonzo yononophelo lwabantwana kubantwana abakwiiCYCC kwinkalo yononophelo ngokubanzi kwakunye neenkqubo ezichaphazelekayo ezinikezelelwa kumaziko kweli phondo, ezithungelaniswa nezidingo zephondo, iimeko, uhlahlo lolwabiwo-mali kwakunye nokufikeleleka kwezibonelelo.

#### **4.5 Imiyalelo yeenkundla Ezichaphazelekayo**

##### **Umbutho iWestern Cape Forum for Intellectual Disability: Umyalelo wenkundla wetyala elingunombolo: 18678/2007.**

Isigwebo esawiswa ngomhla weshumi elinanye kwinyanga yeNkanga ngo-2010 sathi sakhokelela uRhulumente weNtshona Koloni ekuboneleleni ngamalinge afanelekileyo kubantwana abakhubazeke ngokumandla nangokumasikizi. Ekuthobeleni esi sigebo, iSebe lithe lenza isibonelelo semivuzo yabanonopheli kwakunye nabaphumezi bamaphulo abantwana abakhubazeke ngokwasengqondweni kwakunye namaziko angama-44 anikezela ngononophelo ze lixhase ngemali ukuhanjiswa ngokhuseleko kwaba bantwana ukusuka nokubuyela kula maziko.

#### **4.6 Amalinge Emigaqo-nkqubo Asacetywayo**

Akukho ngxelo

## 5 Uhlalutyo Lwemeko

### 5.1 Imeko Yentsebenzo

Kwisithuba seminyaka embalwa edlulileyo, iSebe eli belisoloko lisebenza kwimeko ephawuleka ngokushokoxeka kwemali ngenxa yokunqongophala kwezibonelelo kwakunye nokwenyuka kwezinga lesidingo seenkonzo. Minyaka le ukususela ngo-2013, ukukhula kwesabelo-mali sempahla neenkonzo bekungezantsi kwezinga lokwenyuka kwamaxabiso (kumyinge we-0,9% wokwenyuka kwesabelo sonyaka ukususela ku- 2013/14 ukuya ku-2016/17, ngaphandle kwesongezelelo esasikhapha intlawulo eyanikwa iziko iSivuyile isuka kwiSebe Lempilo) futhi ke eli Sebe sele lizamile ukufaka amalinge okuzilungiselela ze lathumela uninzi lwesabelo-mali salo kwinkqubo yokunikezelwa ngqo kweenkonzo.

Ngokwengxelo yoBalo-bantu Lo Mzantsi Africa (iStats SA), ngo-2015, iNtshona Koloni yayinabemi baphakathi konyaka abazizigidi ezintandathu namakhulu amabini amawaka. Kwangaxesha-nye, abemi bephondo babekumyinge we-11,3% wenani labemi besizwe. Ukususela ngo-2011, emva kokwenziwa kobalo-bantu lokugqibela, inani labemi beNtshona Koloni lenyuka ngama-300 781 abantu nto leyo ithi kukhulwa ngomyingwe we-1,3% ngonyaka. Kubalulekile ke ukunika ingqwalasela umba wokuba uninzi lwabaphambukeli beNtshona Koloni (56, 9%) bakumyinge weminyaka yobudala esusela kwishumi elinesihlanu namashumi amathathu anesine. Ukwenyuka kwamamanani abemi kudinga ukwangezwa kwezibonelelo ezizezinye ngenjongo yokumelana nezidingo zenani elikhulayo labantu abanokuzidinga iinkonzo zeli Sebe. Uphando Loluntu Ekuhlaleni luka-2016 olwenziwa yiStats SA lunikezela ingxelo ethi ali-1 933 876 amakhaya anentelekelelo yamalungu ama-3,25 kwiNtshona Koloni. Oku ke kukukhula okulinganiselwa kumakhulu amathathu amawaka amakhaya ukususela kuBalo-bantu luka-2011. Uninzi lwezi ntsapho nala makhaya aphantsi koxinzelelo olumandla ngokoqoqosho, nto leyo yenza kube nzima ukumelana nezidingo zamalungu awo. Imiba eyimingeni efana nentswela-ngqesho (ekumyinge wama-22,2% ngokwengcaciso engephi ze ibe ngama-24,6% ngokwengcaciso ephangaleleyo), ulwaphulo-mthetho kwanokusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi, kungumngeni omkhulu kwintlalo-ntle yabantwana neentsapho kweli phondo.

Amalinge okungenelela eli Sebe aquka isikhokelo sokufikeleleka kweenkonzo ezikhawulezileyo nezethutyana zohlangulo loluntu kwiintsizi kwakunye namathuba engqesho ethutyana ngokweenkqubo ze-EPWP zesondlo. Njengondoqo wesikhokelo salo, eli sebe liyakuqinisekisa ukuba izikhokelo noxanduva lwalo ngokweemfuno zemithetho ziyathotyelwa kumba weenkqubo zeNkundla Yabantwana, unonophelo olulolunye, ukunikezelwa kwabantwana kubanye abazali, iinkqubo zokuhlenganiswa kwabantwana neentsapho zabo, ukunikezelwa kweengcebiso nentuthuzelo kwiintsapho, izicwangciso zokuba ngabazali, amalungelo noxanduva lwabazali, iingcebiso ngomtshato, kwakunye nezakhono zokukhulisa nokuqeqesha abantwana (kuPSG 3). Ngapha koko, likwanikezela nange nkonzo kwiintsapho ezisemngciphekweni ngokuthi liqinisekise ukuba uRhulumente wephondo uyayidlala indima yakhe ngokwemigaqo yemithetho kwezi ntsapho ngokweSahluko 28 soMgaqo-nkqubo, kube ngoko ke kuncitshiswa izivubeko nokwenzakala okwayanyaniswa nokungabi mpilweni kweentsapho. Iinkonzo zononophelo nokhuselo lwabantwana kwakunye nokuqulunqwa kwemigaqo-nkqubo yeminye yemisebenzi engundoqo ngokwezikhokelo zemithetho elawula ukusebenza kweli Sebe. Ekwenziweni kwamalungiselelo okuqeshwa koMkomishinala Wabantwana (leyo ke yimfuno yoMgaqo-siseko weNtshona Koloni, ka-1997) iSebe eli liyinxenye yeqela lephondo elithwaliswe uxanduva lokuqulunqa uxanduva lwalo Mkomishinala.

INtshona Koloni inabantwana abalinganiselwa kuma-570 370 ababudala buphakathi kokuzalwa neminyaka emine bezelwe. Phezu kwezo ntelekelelo zingephi zokukhula

kwamanani abemi kwisithuba seminyaka emihlanu elandelayo, imiba yokhuseleko, ukuphuhla kwengqondo, nesondlo iyakuya isiba zezona zinto kugxilwe kuzo ziinkqubo ze-ECD. Uphando lwakutsha nje luvakalisa ukuba iinkonzo ezikumgangatho ophakamileyo ziba nefuthe eliphilileyo kwiziphumo zezikolo kwaneyona nkalo sisicwangciso-qhinga sephondo esinjongo ikukumisela inkqubo eyodwa yophuhliso lweentsatshana ukuze kuphuculwe ukufundwa nokuqondakala kolwimi lwesiNgesi kwanokuphuhla kwengqondo kumaziko alikhulu apho izinga lokulungela sikolo kwinkalo yokufuna neyokubala liphantsi kakhulu, sikwinkqubo yokuphunyezwa ngentsebenziswano namanye amasebe ephondo. Injongo yeli linge kukwenza abantwana bakwazi ukumelana ngcono neemfuno zezikolo. Ngoko ke le nkqubo ye-ECD kungoku nje izama ukuzikwebula ekwamkeleni abantwana ze iye kugxila ekuphuculeni umgangatho weenkqubo ze-ECD kweli phondo. Imingeni ekuthi kugaganwe nayo kweli candela ikholise ukuchaphazela ukwahlulwa-hlulwa kwemihlaba yomasipala kunye nemiba yempilo neyokhuselo echaphazela amandla amaziko anikezela ngononophelo olungagqibelelanga ukuze abhalise neli Sebe. Kungoko ke eli Sebe lisebenzisana kuhle noomasipala ukuze kube nokuqhutywa inkqubo yokubhalisa ngaphandle kwamagingxigongi. Ingenye yesi sicwangciso-qhinga siqulethe amalinge namangenelo okuqwalasela umba wokutyeshelwa kwemigaqo okuchaphazela ukuphelelwa kwezinqinisekiso zokubhahliswa kwee-ECD. Oku ke kuye kulawulwe ngokuthi kubekho amaphulo okukhuthaza ukuphinda kubhaliswe kwanokwaziswa ngokubaluleka kokuthotyelwa kwemigaqo nemimiselo. ISebe likwafaka igxalaba kwiNkqubo yephondo Yeenguqu Kwiinkonzo Zasemva Kwesikolo ngokuthi ixhase ngemali amaziko anikezela ngononophelo lwasemva kwesikolo yaye lijolise ekuphuculeni umgangatho weenkonzo ezinikezelwayo, lidale imeko yokufundela ekhuselekileyo nenika umdla ngelixa ivulela nokunikezelwa kwezibonelelo ngeentshukumo zentsebenziswano. Injongo yale nkqubo Yeenguqu Kwiinkonzo Zasemva Kwesikolo kukunikezela ngeenkqubo ezikumgangatho ophezulu zasemva kwesikolo kubafundi abalinganiselwa kuma-20% okwizikolo ezingakhuphi zintlawulo kwanezo zehliselwe iintlawulo kwiNtshona Koloni.

Uphando Loluntu luka-2016 ludiza ukuba basi-1 929 700 abantwana abaphakathi kobudala obususela esizalweni ukuya kwishumi elinesixhenxe leminyaka bezelwe kwiNtshona Koloni. Uphando ludiza aphezulu amanani ezenzo zokubukulwa kwabantwana, nto leyo ichaza mhlophe ukubaluleka kokuqiniswa kwamalinge nezicwangciso-qhinga zokukhuselwa kwabantwana. Ukuza kuthi ga ngoku, iinkonzo zolonophelo nokhuselo kubantwana zimele eyona nkalo igxile kuyo imisebenzi yeli Sebe kwaneyona njongo yalo yakhe yankulu kwisithuba seminyaka emihlanu elandelayo iyakuba kukwenyusa izinga lezi nkonzo liye kufikelela kwizinga elithiwe thaca ngumthetho iChildren's Act, zinikezelwe ngentsebenziswano namanye amasebe ephondo, oomaspala, iiNPO kunye namahlakani akwicandelo labucala ngenjongo yokufaka igxalaba ekuzuzweni kwenjongo yePSGs 2 no-3. Eyona mingeni iphambili ngoku kukuba iiNPO ezisebenza ngokhuseleko lwabantwana aye angabi nakho ukuvula izikhewu okanye zigcine abasebenzi bazo bezentlalo-ntle yaye bakhe bazibhaqe bephantsi koxinzelelo lokungabi nazibonelelo zaneleyo ezifana nokushokoxeka kwezothutho koonontlalo-ntle ukuze benze imisebenzi yabo. Kwiimeko apho kuvela iingxaki ezikumila kunje, iSebe ii-ofisi zeli Sebe ezinikezela ngeenkonzo kwimimandla nezithili ziye zincedise ekunikezelweni kweenkonzo ngenjongo yokuqinisekisa ukumelwa kwephondo ngokubanzi kule nkalo. ISebe lithe leza nendlela exananazileyo yokumelana nale meko equka ukwenyuswa kwenkxaso-mali ezakuhlulwa imivuzo yonontlalo-ntle, abaphathi bezentlalo-ntle kwakunye nabalawuli bezentlalo-ntle kwiiNPO ezifumana inkxaso-mali kunyaka-mali ophelileyo ze kwagxilwa nasekuxhobiseni ngezakhono le mibutho kwinkalo yokuphuculwa kokunikezelwa kwengxelo, ulawulo lwezemali kwakunye nolawulo olusemgangathweni, kwakunye nolawulo lwezibhambathiso zemibutho nikezela ngeenkonzo njengoko kuthiwe thaca kwizivumelwano zokunikezelwa kweentlawulo neli Sebe.

Ngokwengxelo yoBalo-bantu luka-2011, ngabantu abasi-1 041 553 ekufumaniseke ukuba baphila neentlobo ezahlukeneyo zokukhubazeka kwiNtshona Koloni, ngaphandle kwabo bakwaziyo ukuzinonophela. Kweli nani, li-190 929 labantu ekufumanise ukuba abakwazi kuziphilela nakuzinonophela ngokwabo. ISebe liyakuqhuba ke namalinge alo okuphucula ngokuthi kubonakaliswe isakhono sokukhokela iphulo lePSG 3, elinjongo ikukubeka elubala amathuba, ukuxhasa nokuphakamisa amalungelo, intlalo-ntle kwanokuxhotyiswa ngokoqoqosho Kwabantu Akhubazekileyo, iintsapho kwakunye nabantu ababanonophelayo.

Ukuguga kwabemi beNtshona Koloni kubonakala kumyinge wama-48% okukhula kwabantu ababudala buphakathi kwamashumi amathandathu nangaphezulu. ngokoBalo-bantu luka-2011, iNtshona Koloni inama-520 785 abantu abaphakathi kwamashumi amathandathu nangaphezulu eminyaka. Iintelekelelo zokukhula kwamanani abemi zakutsha nje zivakalisa ukuba abemi ababudala buyiminyaka engaphezu kwamashumi amathandathu ayakukhula ngamanye ama-35% phakathi ko-2011 no-2020. Elona nani likhula kakhulu labantu abadala lelo labo bahlala kwiingingqi ezazingasoloko zinabantu abadala kakhulu. Kukho ukungathungelani ke ngoko phakathi kwenkqubo yokunikezelwa kweenkonzo nezo ndawo zinabantu abadinga ezi nkono. Ukukhula ngomyinge wama-73% kubantu abadala ababudala bugama-85 nangaphezulu kunefuthe elibalulekileyo kwinkalo yokunikezelwa kwenkxaso neenkono zabantu abadala abampilo ibuthathaka. Unonophelo kubantu abadala, ingakumbi ukwandiswa kweenkonzo zokuphila ngokuzimela kwanokuphila ngokuncediswa, unonophelo lwempilo ebuthathaka kwakunye namanye amalinge abhadlileyo nasekelwe kuluntu ekuhlaleni asezezona nkono zithathelwa phezulu kweli Sebe. Oku kwenzeka ngokuthi kunikezelwe inkxaso-mali kumaziko anikezela ngeenkono, amaziko anikezela ngenkonzo yononophelo lwabaphla ngokuncediswa. Uphando olumalunga novavanyo lwamaziko anikezela ngeenkono kubantu abadala oluqosheliswa kunyaka ophelileyo luze nolwazi olungummangaliso kumba wokuphuhlisa nokuqulunqwa kwelinge lononophelo elisekelwe kuluntu ekuhlaleni.

INtshona Koloni ilikhaya kulutsha olubudala buyiminyaka ephakathi kweshumi elinesihlanu namashumi amathathu anesine. Xa kusetyenziswa iinkcukacha zengxelo yoBalo-bantu luka-2011, kuye kwabalwa kwafikelelwa i-13% kolu lutsha lungathatyathwa njengolungekho mpangelweni, olungekho mfundweni nolungekho luqeqeshweni. Ngapha koko, ngaphezu kwama-60% yolu lutsha lungekho mpangelweni alunayo imatriki. Ezona nto zidizwe lolu phando ngolu lutsha kweli phondo ikakhulu lifuthe elibi lolwaphulo-mthetho olunobundlobongela, ukusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi kwakunye namaqela emigewu ekukhuleni kolutsha. Oku, xa kukhatshelwa luqoqosho loMzantsi Afrika olunkenekene kwakunye nokunqongophala kwamathuba engqesho, kuye kwakhokela kwisidingo esimandla sokunikezelwa kweenkonzo kulutsha ze kube kuncinci ke kwinkalo yezicwangciso-qhinga okuphuma kulo mgibe kwaneenkqubo zokuxhotyiswa kolu lutsha ngezakhono. Ngoko ke, abona ndoqo beli Sebe kwisithuba seMTEF kukuqinisekisa ukuba zonke iinkqubo ezijoliswe kulutsha zayanyanise neziphumo zethuba elide zeSicwangciso-qhinga Sophuhliso Lolutsha kweli Phondo yayeke kuye kugxininise ngokwenkalo yesicwangciso-qhinga kolu lutsha. Ngapha koko, iSebe liyakuzama, ngentsebenziswano necandelo lolutsha, ukuthungelanisa iinkqubo ezijoliswe zeeNPO ezijoliswe kulutsha neziphumo zesicwangciso-qhinga sophuhliso lolutsha lweli phondo. Kwangokufuanayo embusweni, iSebe eli, ngentsebenziswano neSebe leNkulumbuso (iDotP) liyakuqinisekisa ukuthungelaniswa ngokwamasebe kwanokuphunyezwa kweenkqubo ezijoliswe kulutsha kuwo onke amasebe ephondo.

Esi sicwangciso-qhinga sophuhliso lolutsha lwephondo sithe saphunyezwa yaye kungoku nje zintandathu iiYouth Cafés ezisebenzayo neziqulunqelwe ukuba ziindawo ezinodlamko neziphilileyo abo abantu abatsha bafumana khona amathuba okufikelela kumathuba

okuxhotyiswa ngezakhono, iindibano zocweyo ngoqeqesho, iisemina kwakunye namathuba oshishino. Ulutsha luyakuthi lunikwe amanye amathuba yiNkqubo Exananazileyo Yemisebenzi Yoluntu. Ngo-2017/18, kuyakuthi kudalwe amathuba e-EPWP ali-1 45.

Umkhwa wolwaphulo-mthetho elunwini useyeyona nkxalabo kwiNtshona Koloni yaye ifuthe layo kwintlalo-ntle yoqoqosho loluntu kweli phondo. Ukuza kuthi ga ngoku, uPSG3 usenesidingo, phakathi kwezinye, sokuba sinikezele inkxaso yempilo yengqondo kuluntu, efana noku kulandelayo:

- Unyango kwakunye namalinge amalinge athungelana nokuliwa kokusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi;
- Amalinge okukhusela abantwana ekuphathweni gadalala okanye ekungahoyakalini;
- Unonophelo nenkxaso kumaxhoba okuphathwa gadalala ekhayeni; kwakunye
- Inkxaso kwiintsapho nabazali abasengciphekweni ngenjongo yokunciphisa iintlungu ezingumvuka wale mikhwa mibi.

Okona kwanda kube nefuthe kwiingxelo ezingolwaphulo-mthetho kweli phondo kwenzeka kwinkalo yolawaphulo-mthetho oluchaphazela ukusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi, iingxelo zithi kwande nge-156,3% kwisithuba esiphakathi kuka-2005 no-2015. Le kunye neminye imikhuba ziyaqhuba nokukhula ngezinga eliphezulu kunokwanda kwamanani abemi bephondo. Ezi kunye nezinye. Eyona mbonakalo icacileyo yolwaphulo-mthetho lunobundlobongela kwiNtshona Koloni ivela xa ihlolwe ngokuthelekiswa namanani abemi. Kumyinge we-1,431 kwikhulu lamawaka abantu kwisithuba sonyaka-mali u-2014/15, iNtshona Koloni ibe lelona phondo linezinga eliphakamileyo lolwaphulo-mthetho olwayamene nokusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi. Kwakulo nyaka mnye, umyinge wezi zehlo kweli phondo belimi kuma-490 kwikhulu lamawaka abantu ngalinye. Uphando lweSebe kumba wokuphathwa gadalala kwabantu emakhayeni lubonakalise ukuba ukwanda nge-18% phakathi kuka-2007 no-2010. Ngokwemigaqo yesikhokelo, iSebe liqhubile nokugxila kumalinge afana neenkonzozo zalo zokuxhotyiswa kwamaxhoba, iisheltha zabantu abadala abangenamakhaya, ingakumbi amanina nabantwana; iindawo zokuhlala ezizowa kumaxhoba okuxhwilwa; iinkonzozo zoluleko kwakunye neenkqubo ezizezinye zoluleko. Ngenjongo yokuqinisekisa ukuphunyezwa komthetho iPrevention and Combatting of Human Trafficking Act (ka-2013) iSebe limisele iqela leSebe Elizakujongana Nezenzo Zokuxhwilwa Kwabantu ngenjongo yokuncedisa ekuphunyezweni kwalo mthetho. ISebe liyakuqulunqa isicwangciso sokuvulwa kweZiko Lesizwe Lemiyalelo kumkhwa Wokuphathwa Gadala Kwabantu Ngokwesini. Eli ziko ke lingumnxeba woncedo oyakusebenza amashumi amabini anesine ngosuku, liphantsi kweliso nentsebenzo yoonontlalo-ntle abazakunceda amaxhoba okuphathwa gadalala ngokwesini ukuze afikelele kwiinkonzozo.

Njengendlela yokungenelela kulo mkhuba ukhulayo kweli phondo wolutsha oluya lugaxeleka ngamandla kwizinyobisi, ziyakuqhuba iinkonzozo zokunyangelwa ukusebenzisa gwenxa izinyobisi kumaziko eDSD ajongene no nonophelo lwabantwana nolutsha, ndawonye neenkqubo eziqhutywa ezikolweni zokunyangelwa ukusebenzisa gwenxa izinyobisi kwishumi lezikolo ezikowona mngcipheko uphezulu. ISebe likwathabatha inxaxheba kwiNkqubo Yenguqu Ekuncitshisweni Kwezibi Ezingumvuka Wotywala, apho linoxanduva lokujongana neNqanaba 3: Ukuphakamisa umgangatho eenkonzo zokulwisana notywala kwakunye nezentlalo-ntle aburhulumenteni nawimibutho engekho phantsi kolawulo lwaseburhulumenteni. Mininzi lo mkhwa wokusetyenziswa gwenxa kotywala kulutsha ya yeke kubalulekile ukuthetha-thethana nokubonisana nolutsha olusesesikolweni ukuze sibenze babe nokuzazi iingozi ezichaphazela utywala. Eli ngenelo liyakuqinisekisa ukuba ukusetyenziswa gwenxa kotywala kuncokolwa kuboniswane ngako kwiindibano zokuxhobisa ngezobomi kwikharithulam yesikolo kwanakwiinkqubo zasemva kwesikolo.

Okokugqibela, ukuze siqiniseke ukuba iSebe eli lisa iinkonzo zalo kanye apho zidingeka khona, kuye kusetyenziswe izixhobo Zokufumana iinkcukacha Zemimandla ethile ngenjongo yokufumana abantu abahlala apho (kwakunye nabo basengahlala apho ngokusekelwe kwiinkcukacha zentelekelelo) ngokuthelekiswa nenkqubo yokunikezelwa kweenkonzo kwakunye neminye yoqoqosho loluntu. Iminye echaphazela uqoqosho loluntu ke yeyona isetyenziselwa ukuchonga nokufumana abantu ekunokugxilwa kubo nabangabona bazidinga kakhulu ezi nkonzo. Uhlalutyo lweengingqi nemimandla lwenzelwa ukufumanisa ukuba izibonelelo zokunikezelwa kweenkonzo zeSebe zisasazeke ngendlela eyiyo na. Ukugxila kwiingingqi ezithile kukokona kubalulekileyo kwimeko yoqoqosho esoloko eshokoxeke ngohlobo lokuba abantu abadinga iinkonzo baya besanda mihla le, ezi nkcukacha ke zisiwe nakwinkqubo yocwangciso apho oomaspala baye babandakanywa. Ngapha koko, kuyakuthi kuphunyezwe iphulo lokuzama ukufumanisa nokuqinisekisa umbono ocacileyo yeendawo ezifumana iinkonzo (kuquka neenkonzo zeeNPO ezifumana inkxaso-mali) kwakulo nyaka-mnali kwinqanaba lengingqi yokunikezelwa kweenkonzo ukuze kuzokucaciswa ngokucacileyo isidingo seenkonzo, imisantsa kwinkqubo yokunikezelwa kweenkonzo kwanokuba zeziphi na iinkonzo ekufuneka zithathelwe phezulu ngenjongo yokuthabatha isigqibo phakathi kwezidingo ezikhuphisanayo kwakunye neenkalo ezixhalabisayo. ISebe liyakusebenzisa Uphando Lamathuba Okuhula Kweedolophu ukuze kufunyaniswe kwaba masipala bahlupheke kakhulu, kuqwalaselwe izibonelelo ezikhoyo yaye ngentsebenziswano nabasebenzi baba masipala ngenjongo yokuqwalaselisisa ukuphuculwa kwinkqubo yokunikezelwa kweenkonzo, umzekelo: iindlela ezifanayo zokudluliselwa kwabantu ezithe zaphunyezwa nto leyo ithetha ukuba liyehla ixesha elichithwa ngabaxhamli befumana ngeenkonzo.

## 5.2 Imeko yeSebe

Isimo sesebe esisebenzayo kwakunye neenkqubo zoshishino ezisebenzayo zibalulekile njengoko iSebe lihuba nokujamelana nomngeni wokuba kufuneka linikezele ngeenkonzo zalo ngokwemigaqo yemithetho kwimeko yoqoqosho eya isiba maxongo nangakumbi, kuluntu lwephondo olukhulayo, imikhwa emibi engumngeni omkhulu kwakunye nesidingo esikhulayo seenkonzo. Abona ndoqo kweli linge ziimpucuko kwisimo salo, amalinge ne nzame zokuzama ukonga, iinkqubo zolawulo ezizizo nezisebenzayo zeSebe kwakunye neenkqubo zoshishino nezicwangciso-qhinga zokuphucula ukuhanjiswa kweenkonzo.

## 5.3 Isimo seSebe

Amacandelo Olawulo kwezeNtlalo-ntle Yoluntu kwakunye neloCwangciso Loshishino Nezicwangciso-qhinga, ekunye namacandelwana eenkonzo zolawulo zee-ofisi zemimandla zeli Sebe, zazihlalutya zihlengahlengiswa kunyaka-mali u-2016/17. Ukuphunyezwa kwazo kucetyelwa lo nyaka-mali. Kwii-ofisi zemimandla kuyakube kugxilwe ekuzixhobiseni ngezinye izakhono kwiCandelo Lolawulo: Kwiinkqubo Ezizodwa ngenjongo yokunikezela iinkonzo Kubantu Abakhubazekileyo, ingakumbi abo bakhubazeke ngokumandla ngokwasengqondweni kwinkalo yokuhanjiswa kwalo msebenzi ukusuka kwiSebe Lempilo kwakunye; ukubonelelwa ngezinye izakhono kwinkalo yecandelo lokuqinisekiswa komgangatho kwiCandelo: Kwezolawulo Lwamaziko Nohlolo Lwemigangatho. Oku kuyakuqiniekisa ukuba iinkonzo ezinikezelwa zi CYCC zeSebe kwakunye nezo zifumana inkxaso-mali kwimibutho engagjonge ngeniso zinikezelwa ngokwemigaqo nemimiselo yemithetho. Kwimeko efana nale yeCandelo Lolawulo: Kwezocwangciso Loshishino Nezicwangciso-qhinga, isimo salo sathi sahlengahlengiswa ngenjongo yokuthungelanisa ngendlela imithetho, ulawulo lolwazi kwakunye nezolawulo lweenkonzo zezobuchwepheshe kweli Sebe.

Ukuhlengahlengiswa kwesimo kwamacandelo ezolawulo lwee-ofisi zemimandla ezintandathu, ngokukhokelwa kukuphunyezwa siSicwangciso-qhinga seSebe Sokuphuculwa



Kweenkonzo Zononophelo Nokhuselo Lwabantwana kuya kukhokelela ekubonelelweni ngezinye iinkonzo zenkxaso yezolawulo kwinqanaba lokunikezelwa kweenkonzo. Oku kuyakukhula amagosa neengcali kwicandelo lentlalo-ntle kwinkalo ephucukileyo yolawulo lweenkonzo zentlalo-ntle nto leyo iyakukhokelela ekunikezelweni ngendlela eyiyo kweenkonzo kuluntu. Oku ke kuyakwenza iSebe likwazi ukumelana nezikhokelo zalo zokunikezelwa kweenkonzo kwinkalo yemiyalo yeNkundla Yabantwana, unonophelo olulolunye, ukukhuliswa kwabantwana ngabanye abazali, ulondolozo lweentsapho kwanokuhlanganiswa kweentsapho, izicwangciso zokuba ngabazali, uxolelwaniso lweentsapho, amalungelo noxanduva lwabazali, iingcebiso ngomtshato kwakunye nezakhono zokuba ngabazali – zonke ke ezi nkalo ziyingxenye yeenkonzo zentlalo-ntle ezingundqo.

## **Iinkqubo Zoshishino**

Isicwangciso-qhinga Sokuphuculwa Kwezononophelo Nokhuselo Lwabantwana kwiNtshona Koloni sathi saphunyezwa kunyaka-mali ophelileyo yaye amangenelo akwesi sicwangciso-qhinga aquka ukuqulunqwa kweenkqubo zokusebenza ngenjongo yokuphunyezwa kweenkonzo zentlalo-ntle ezinesikhokelo sezomthetho. Iinkqubo zokusebenza ezi (eziquka izivumelwano Zokuba Ngabazali kunye Neenkqubo ezihamba nazo; Ukuphendula Kwingxelo Yokuphathwa Gadalala/Yokungahoyakali Kwabantwana – Kwibakala 1 – Iinkonzo Zokuvelisa) ziyakuvavanywa ze ziphunyezwe kwakulo nyaka-mali sikuwo. Ngapha koko, kuthe kwaqulunqwa izicwangciso zokuphuculwa kwenkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo kwinkalo yokhuselo lwabantwana kwakunye nolawulo lweenkonzo zokunikezelwa kwabantwana ukuze bakhuliswe ngabanye abazali. Oku ke kuyakuqinisekisa ukuba iSebe liyamelana nezidingo zentsebenzo yalo ngokwezikhokelo zomthetho, libe ngoko ke linciphisa imingcipheko yokurhugelwa kwalo ezinkundleni. Oku ke xa kuhlanganiswa nokuphunyezwa kwenkqubo zokusebenza Kwiinkonzo Zentlalo-ntle Yoluntu ezayanyaniswa Nemigangatho Nemigaqo Yokunikezelwa Kweenkonzo Zentlalo-ntle ka-2016, kube kuqinisekisa ukuba abasebenzi bezentlalo-ntle babasebenza ngendlela efanayo nenye kuyo yonke imimandla ngoko ke babe baqinisekisa umgangatho omhle wokunikezelwa kweenkonzo. Oku ke kuye kusongelwe ngoqeqesho olusoloko lunikezelwa kwanokuphunyezwa kweSikhokelo Solawulo Lwekhono Lentlalo-ntle kuMzantsi Afrika ka-2011.

Kwinkalo yeenkonzo zayo, iSebe liye laqhuba nokuphucula izixhobo zolawulo lwentsebenzo yalo ngokuthi kuvavanywe inkqubo yomgangatho weenkukacha zentsebenzo ekwinqanaba lesibini; kunikezelwe uqeqesho rhoqo ekuphunyezweni kweNkqubo Yokusebenza Kwiinkukacha Ezingentsebenzo nakwiNcwadana Engeengcaciso Zezalathisi. Ukuphumelela kwala malinge kubonakele kwinyaniso yokuba kwisithuba seminyaka-mali emithathu edlulileyo, uMphicothi-zincwadi OyiNtloko kuMzantsi Afrika unikezele ingxelo engenamakhwiniba ngokusebenza kwanokuchaneka kweenkukacha zentsebenzo yeli Sebe. Likwaqhuba nokuphumeza inkqubo yeentengo esekelwe kwisicwangciso-qhinga - eyinkqubo esekelwe ekusebenzisaneni nenesismo esiphilileyo ethi iqwalasele ze ihlalutye kakuhle iindlela zeli Sebe zokusebenzisa imali yalo, kusetyenziswe kwa ezi nkukacha ekufikeleleni kwizigqibo zoshishino eziphilileyo nezisebenzayo ngendlela yokuthenga iimveliso neenkonzo – ngendlela ephendula kula nkqubo imiselwe siSicwangciso Sophehliso Lwesizwe yahluka-hlukeneyo yeentengo. Oku ke xa kuhanjiswa nohlalutyo lwesimo senkqubo yeSebe Yolawulo Lwentengo kunye nezikhokhelo ezigxilileyo zenkqubo yolawulo lweentengo iyakuqinisekisa ukumiselwa kwenkqubo esemgangathweni nenezibonelelo ezifanalekileyo yolawulo lweentengo kwiSebe.

Okokugqibela, iSebe liyakuqhuba nokuphumeza iishedyuli zokunikezelwa kweenkonzo njengelinge lokuqinisekisa ukusebenza iSivumelwano Somgangatho Weenkonzo elangena kuso neCandelo Leenkono Zolaawulo leSebe LeNkulumbuso. Liyakuqhuba futhi nokuphumeza kwanokuphucuka iinkqubo zendlela yokusebenza zeeshedyuli zeenkono zalo

ezichaphazela indlela eqhutywa ngayo imicimbi yoluleko, ulawulo lwekhefu kwanokugaywa nokuchongwa kwabasebenzi.

## **EZOLAWULO LWEMICIMBI YABASEBENZI**

### **Inggesho Nezithuba Zengqesho**

Kungokoku nje iSebe likwinqubo yokuvala izikhewu zezithuba zengqesho ezinemali ebekelwe bucala nezithe zaphunyezwa kwisimo esitsha seSebe kwiCandelo Lolawulo: Lentlalo-ntle Yoluntu kunye Nelophuhliso Koluntu Nentsebenziswano yaye sele liqeshe uthotho lwamagosa anezidanga zentlalo-ntle ezazifumene inkxaso-mali yokufunda zeSebe Lesizwe Lophuhliso Loluntu. Izithwala-zidanga zentlalo-ntle ezisebenzela ukubuyisa inkxaso-mali ezazifundiswe ngayo zezona zininzi kwabo bathe baqeshwa kwizikhundla ezithe zavingcwa njengesongezelelo kwisimo esesikho sabasebenzi. Abanye ke babeqeshwe kwezinye iinqubo zangaphambili okumisela iinguqu ezathi zakhokelela ekukhutshweni kwemisebenzi engengondoqo weli Sebe ezifana nezokucoca kwanezokhuseleko.

**Ithaybhile 1: Inggqesho nezithuba zengqesho ngokweenkqubo****Inggqesho nezithuba zengqesho ngokweNkqubo, ukuya kuthi ga ngomhla wokuqala kweyoMqungu ka-2017**

<b>iNkqubo</b>	<b>Ezinenkxaso-mali</b>	<b>Inani Lezikhundla Ezivaliweyo</b>	<b>Izinga Lezikhewu kwizikhundla</b>	<b>Inani lezikhundla ezivalwe njengesongezelelo kwinani labasebenzi beSebe</b>
Inkqubo 1: Ezolawulo	454	390	14%	14
Inkqubo 2: Ezeenkonzong Zentlalo-ntle Yoluntu	1 045	1 007	4%	64
Inkqubo 3: Ezeentsapho Nabantwana	74	61	18%	0
Inkqubo 4: Ezeenkonzong Zoluleko	641	526	18%	31
Inkqubo 5: Ezophuhliso Nezophando	46	25	46%	0
<b>Itotali lyonke</b>	<b>2 260</b>	<b>2009</b>	<b>11%</b>	<b>109</b>

**Ithaybhile 2: Inggqesho Nezithuba zengqesho Ngokwebakala Lomvuzo****Inggqesho Nezithuba zengqesho Ngokwebakala Lomvuzo, ukuya kuthi ga ngomhla wama-31 kweyoMqungu ka-2017**

<b>Amabakala Emivuzo</b>	<b>Ezinenkxaso-mali</b>	<b>Inani Lezikhundla Ezivaliweyo</b>	<b>Izinga Lezikhewu kwizikhundla</b>	<b>Inani lezikhundla ezivalwe njengesongezelelo kwinani labasebenzi beSebe</b>
Izakhono Ezingephi (Amanqanaba 1-2)	34	10	71%	8
Abanezakhono (Amanqanaba 3-5)	784	680	13%	29
Abanezakhono Eziphezulu Kwezemveliso (Amanqanaba 6-8)	1 059	947	11%	65
Abanezakhono Eziphezulu Kwezolawulo (Amanqanaba 9-12)	358	347	3%	6
Abalawuli Abaphezulu (Amanqanaba 13-16)	25	25	0%	1
<b>Itotali lyonke</b>	<b>2 260</b>	<b>2 009</b>	<b>11%</b>	<b>109</b>

### **Uqeqesho Lwabasebenzi**

iSebe lityale kakhulu ekuqeqeshweni kwabasebenzi balo ze ladlulisa nakwizidingo zomthetho kule nkalo (ezingu-1%). ISebe liqalise ngoqeqesho oluzakwenza abasebenzi kwezoonophelo nokhuselo lwabantwana nolutsha abali-194 ukuba bazenze zibe zezisesikweni izidanga zabo ngokwenkqubo yokufundiswa ukuqhelana nomsebenzi ukuya kuthi ga ekupheleni konyaka-mali u-2016/17 ngenxa yenkxaso-mali ephuma kwiSebe Lempilo kwakunye neHWSETA.

Kuthe kwanikezelwa neenkxaso-mali zokufunda kumakhono ahlukeneyo apho kunqongophele izakhono ezifana neenkonzole zoluleko, iinkonzole zokulwa ukuxhomeka kwiziyobisi kwakunye nezifundo ngeentsapho. Oku kongezeleka kuqeqesho olunikwa oonontlalo-ntle ekubekeni iliso kwiinkonzole zentlalo-ntle yaye luquka uqeqesho kwimithetho echaphazelekayo kumakhono athile entlalo-ntle, ekukhuthazeni nasekuqeqesheni. Ayinakubethelelwa ngakumbi indaba yokubaluleka kokunikezelwa kwamathuba oqeqesho kuba kaloku kungenxa yeenkqubo zoqeqesho nokuxhotyiswa ngezakhono kakade apho iphucuka khona inkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo.

### **Ukusebenisana Nokwakhiwa Kwamatyanga Entsebenziswano**

Ekuqinisekiseni ukufikeleleka kweenkonzo ngendlela ehlanganyelweyo, iSebe liye lasebenzisana ze langena kwizivumelwano zokusebenzisana namaqumrhu akumacandelo ngamacandelo kwakunye namanye amasebe aseburhulumenteni, Izivumelwano Zokusebenzisana kwakunye Nezivumelwano Zemigangatho Yeenkonzo namanye amasebe, oomaspala kwakunye namaqumrhu abucala. Nceda ujonge iSihlomelo F ukuze ufumane ezinye iinkcukacha.

### **Imeko Yezobugcisa**

Inkqubo zobugcisa zisadlala indima ebalulekileyo ekuqhutyweni ngendlela kweenkqubo zeSebe. Ukuza kuthi ga ngoku iSebe lisaqhuba nokuqinisekisa ukuba iinkqubo zezolawulo lwezobuchwepheshe nolawulo lweenkqubo kwakunye neenkqubo zimi ngobume futhi ke ziyasebenza. Kuye kubanjwe imihlangano emibini ngenyanga yeKomiti Elongemele Nezobugcisa ezinjongo ikukuqinisekisa ukuba izixhobo zobugcisa zeli Sebe, isoftware kunye nokuhanjiswa kweenkonzo ziyayithobela imimiselo kaRhulumente weNtshona Koloni, futhi iinkqubo zeentengo kwanezokulahlwa kweemveliso ezingasasebenziyo iyayithobela imigaqo yomthetho iState Information Technology Agency (iSITA) Act Nombolo 88 ka-1998 njengoko wathi wahlengahlengiswa ngomthetho iSITA Act Nombolo 38 ka-2002, kwakunye nemigaqo kaRhulumente weNtshona Koloni yezobugcisa.

Kumba weentengo, inika amagosa inkqubo ngokusetyenziswa, ukuphunyezwa kwezixhobo zobugcisa enjongo ikukuqinisekisa ukuba imisebenzi yobugcisa efumaneka kubasebenzi ithe yahlolwa ze yaphunyezwa ngokwemimiselo yalo migaqo-nkqubo, iyayithobela imigaqo nemimiselo kaRhulumente weNtshona engobugcisa kuquka ukuthungelana nenkxaso kwityathanga lezobugcisa likaRhulumente weNtshona Koloni. Inkxaso yezolawulo lwezobugcisa inikezelwa kwiinkqubo zobuchwepheshe zikarhulumente wesizwe ezifana neNkqubo Yokuxhotyiswa Kwamaxhoba kwakunye neRejista Yokuphathwa Gadala Kwabantu Abadala, Inkqubo Yolawulo Lweemeko Zoluleko kwakunye neNkqubo Zononophelo Lwabantwana Nolutsha kwanakwiphondo kuBAS, uLOGIS, kwiNkqubo Yolawulo Lwezibhalo kwanokufana nazo.


Isicwangciso-qhinga Sezobuchwepheshe sika-2015-20 sihlalutywa minyaka le yaye oondoqo bethuba leMTEF bahlala belicebo lenkqubo yolawulo lweemeko kwiinkonzole zethu kwakunye neNkqubo Yolawulo lweNPO kusenzelwa iinkonzole ezinikezelwa ziinkampani zangaphandle. Kulo mba weenkonzole ezinikezelwa liSebe liyaqhuba sithetha nje uhlalutywe-shishino ze kwimeko yeenkonzo ezinikezelwa ziinkampani zangaphandle sele eqoshelisiwe amanqanaba amabini okuqala, oko ke kukuthi inkqubo yocino-nkcukacha kwakunye nenkqubo yeeNPO ngenjongo yokulawula ukuthotyelwa kwemimiselo yemithetho ithe yaqulunqwa yakhiwa ze yavavanywa. Kunqwenelela ukuba le yenze ukuba kube lula

ukwenziwa kweentlawulo zenkxaso-mali kwiiNPO ngokuthi kwenziwe inkqubo yokujonga ukuthotyelwa kwemimiselo kwanokungeniswa kwamaxwebhu ezifana neengxelo zeeNPO eziphunyeziweyo, iingxelo zemali kwakunye nezivumelwano zokwenziwa kweentlawulo. Ngapha koko, iinkcukacha zolawulo ezichaphazela ukuhanjiswa kweenkonzo ezixhaswa ngemali ezikhatshwa ziinkcukacha ngeendawo ezifumaneka kuyo iingingqi zoluntu olusemngciphekweni kwenza ukuba kukwazeke ukunikezelwa ngeenkonzo ngendlela efanelekileyo. Le nkqubo Yolawulo Lweenkcukacha zeeNPO iyakuthabatha indawo yeenkqubo ezininzi ebezisenziwa ngezandla, yehlise ukuphinda-phindwa kwazo obekudalwa yile nkqubo isebenzayo ngoku yenziwa ngezandla ze ithabathe indawo yeenkqubo neengxelo zogcino-zinkcukacha ezininzi ezisekelwe kuMS Excel ekusasetyenziswa zona ngoku ekuqulunqweni kweengxelo kwanokuqinisekiswa kokuthotyelwa kwemigaqo.

Ngokuthi kumiselwe inkqubo yee dilesi ze-email ezifanayo, iSebe kungoku nje liyakwazi ukumelana nolawulo lonxibelelwano ngokobuxhakaxhaka bobugcisa kwanokuqinisekisa ukuba zonke iirekhodi ziselugcinweni yaye zikhuselwe ngokwemigaqo yemithetho elawulayo. Oku ke kuyakunikwa iCandelo lalo Lezonxibelelwano kwanye neCandelo Lolawulo Lwamaziko Nohlolo Lomgangatho ku-2017, kube ke ngoko kuqinisekiswa ukuba onke amacandelo namacandelwana eli Sebe asebenza noluntu ngqo afikeleleka lula.

Umngeni ke kule nkalo yezobuxhakaxhaka bobugcisa ikwayile meko yezoqoqosho ishokoxekileyo kwiphondo neSebe. ISebe liyakuqhuba nokumisela amalinge okunciphisa izivubeko zale meko yoqoqosho imaxongo nokuncitshiswa kweemali-zabelo kweli phondo ezithe zabekelwa isithuba seMTEF, ngokuthi yandise ixesha eliyiminyaka emihlanu ebelimiselwe ukuhlaziywa kwezixhobo zobuxhakaxhaka bobugcisa ze futhi likhangele nezinye iindawo apho linokufumana khona enye inkxaso-mali enokuvela kwiSebe Lemali lePhondo neLesizwe.

### 5.3 Isimo seSebe



## 5.4 Ingcaciso Ngenkqubo Yokuqulunqwa Kwesicwangciso-qhinga

lingxelo zokuqulunqwa kwesicwangciso-qhinga ziye zakhathshelwa kukuhlalutywa kweziphumo zesizwe kwakunye noondoqo njengoko bethiwe thaca kwiSicwangciso Sophuhliso Lwesizwe, iziphumo zeMTSF, oondoqo bephondo kwakunye neePSG ze zaqulunqwa ngokwezi nkqubo zilandelayo:

- Uhlalutyo loxwebhu lwesicwangciso-qhinga esichaza imithetho nemigaqo-nkqubo yesizwe neyephondo; uhlalutyo lwemeko yokusebenzela kwakunye nohlalutyo lwesicwangciso-qhinga sethuba lokugqibela olwaqulunqwa njengamalungiselelo lwesicwangciso esitsha;
- Kwathi kwabanjwa iintlangano zocwangciso neenkqubo, imimandla kunye namaziko kumba:
  - Wothungelwaniso kwinkalo yezikhokelo ngokwesicwangciso-qhinga;
  - Uhlalutyo lwemeko;
  - Uhlalutyo lwesabelo-mali;
  - Uhlalutyo lwesicwangciso-qhinga, uhlalutyo lweenguqu kwintsebenzo nesabelo-mali kwisithuba seminyaka emihlanu edlulileyo;
  - Intsebenzo kwisithuba sekota edlulileyo;
  - Uhlalutyo lweethagethi ezithe zahlengahlengiswa nezicwangciselwe iiNPO, amaziko nemimandla/neenkalo zokunikezelwa kweenkonzo ezixile kwizigqibo ezichaphazela isicwangciso-qhinga kumba wokucwangciselwa ixesha elizayo;
  - Ingcaciso zezalathiso zenkalo yobuchepheshe ezithe zaphinda zaqwalaseliswa ze zenziwa luqilima;
- Kwathiwa kwenziwa umsebenzi wokulungiselela ze kwaboniswa ngezicwangciso ngokusekelwe kwizikhokelo zeethagethi eziphambili, intsebenzo yeminyaka-mali engaphambili kwakunye neemfuno zokunikezelwa kweenkonzo neethagethi zazo ezathi zahlengahlengiswa ngendlela echanekileyo;
- Kwathi kwenziwa iinkqubo zangaphakathi zohlengahlengiso lwemisebenzi ze zenzeka ke nezo nguqu zicwangcisiweyo ngenjongo yokuhlaza ifuthe lokunciphisa kweziseko zeSebe;
- Kwathi kwavulwa iphulo lokuqinisekisa umfanekiso ocacileyo wenkqubo yokunikezelwa kweenkonzo (kuquka neenkono zeeNPO ezifumana inkxaso-mali) kweli phondo, kwinqanaba lendawo ekunikezelwa kuyo iinkono njengoko yokucacisa isidingo seenkonzo, imisantsa kwinkqubo yokunikezelwa kweenkonzo nokuba zeziphi na iinkono ekufuneka zikhokelise ngaphambili ukuze kube nokufikelelwa kwizigqibo ngokubethabethana kwezidingo;
- INTloko yeSebe lePhondo Lophuhliso Loluntu yasigcina isigqibo sokugcina izalathiso zecandelo kwakunye nezephondo ziqulethwe kwiSicwangciso Sentsebenzo Yonyaka ka-2013/14, neenguqu ezimbalwa kakhulu. Esi sigqibo sasikhatshelwe koku kulandelayo:
  - Isinikezelo seSebe kwicandelo leeNPO ukuba akuyi kubakho zinguqu kwizalathisi zentsebenzo kwisithuba seMTEF kuba ukutshintshwa kwezalathisi kuyakunyazelisa ukuba iSebe lifake iinguqu kwizibhambathiso ezingaphaya kwamawaka amabini anamakhulu amabini. Lo meko iyakuyanyezelisa nokuhlaziywa kwamaxwebhu abubungqina adingeka kwinkqubo yophicotho-zincwadi;
  - ISebe likwenze esi sinikezelo kwiKomiti Yemicimbi Yophuhliso Loluntu yepalamente yephondo kwanakwiKomiti Emiyo Ngee-akhawunti Zombuso (iSCOPA), kuba ezi komiti zaye zavakalisa inkxalabo nezalathisi ezisoloko zitshintsha, nto leyo eyenza kwanzima akwakwazeka ukumisela iziseko kwanokulandela inkqubela yeli Sebe kwisithuba soonyaka-mali ababini nangaphezulu ze yabanga umthwalo omandla kwezolawulo lwemibutho engajonge ngeniso;
  - Qho zitshintsha izalathisi, kuye kufuneke kuqulunqwe iziseko neethagethi ezintsha. Oku ke kuba neningeni emandla kwinkqubo yeKomiti Yenkcitho Yexesha Elingephi; futhi ke
  - ISebe liyakubandakanya izalathisi ezintsha zecandelo kwiSicwangciso Sentsebenzo yalo Yonyaka kwakunye neeNgxelo Zentsebenzo Yekota, kodwa ke aliya kuba nakho ukumisela okanye linikezele ingxelo ngeethagethi.

### 5.5 Ukuthungelaniswa Kwezikhokelo Zomsebenzi weSebe

Ukuthungelaniswa nezahluko ezichanekileyo zeSicwangciso Sophuhliso Lwesizwe (iNDP), iziphumo zeSikhokelo Sesisicwangciso-qhinga Sethuba Elingephi (iMTSF), i-OneCape2040 kunye neeNjengo Zesisicwangciso-qhinga sePhondo, neNkqubo Yeenguqu

Iziphumo ZeNDP 2030	Iziphumo zeMTSF 2019	i-OneCape2040	Iinjongo Zesisicwangciso-qhinga sePhondo	Ukuthatyathwa Kwenxaxheba yiDSD Kwinkqubo Yeenguqu yePhondo	Iinjongo Ezisekelwe Kwisisicwangciso-qhinga seSebe	Isimo Senkqubo Yohlahlo Lolwabiwo-mali
Ukwakha umbuso onesakhono nosekelwe kuphuhliso.  Ukulwa urhwaphilizo.	Inkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo esemgangathweni, esebenzayo nesekelwe kuphuhliso.	<b>iKapa Elikhokelayo:</b> Ukukhokelisa ngokunikezela ngeenkonzo ezikwinqanaba lehlabathi.	Ukumiselwa kweenkqubo zolawulo kwakunye nendlela yokunikezelwa kweenkonzo ehlanganyelweyo ngokuthi kwakhiwe amatyathanga entsebenziswano kwanokulungelaniswa kwemihlaba.	-	Ukuphuculwa Kweenkqubo Zolawulo	<b>Inkqubo 1: Ezolawulo</b> <b>Injongo:</b> Ibonelela ngolawulo olusekelwe kwisisicwangciso-qhinga kwakunye neenkonzo zenkxaso kuwo onke amanqanaba eSebe: kundlu-nkulu, kwi-ofisi yommandla, kweyengingqi nakwiziko.



Iziphumo ZeNDP 2030	Iziphumo zeMTSF 2019	i-OneCape2040	Iinjongo Zesicwangciso-qhinga sePhondo	Ukuthatyathwa Kwenxaxheba yiDSD Kwinqubo Yeenguqu yePhondo	Iinjongo Ezisekelwe Kwisicwangciso-qhinga seSebe	Isimo Senkqubo Yohlahlo Lolwabiwo-mali
<p>Ukhuselo loluntu. Impilo kuye wonke ubani.</p> <p>Ukwakha iingingqi zokuhlala ezikhuselekileyo</p> <p>Ukwakha isizwe nokuhlenganiswa koluntu.</p>	<p>Inkqubo yokhuselo loluntu ebandakanyayo nephendulayo.</p> <p>Impilo ende nesemgangathweni kubo bonke abemi boMzantsi Afrika.</p> <p>Bonke abantu abakuMzantsi Afrika bakhululekile yaye bakhuselekile.</p> <p>Ukuphucula uluntu kwanokumanya ilizwe.</p>	<p><b>iKapa Eliithungelanisayo:</b> Ukubona nokusebenzisa amandla amatyathanga entsebenziswano.</p> <p><b>iKapa Elishishinayo:</b> Ukwenziwa komsebenzi ngokuthi kuqulunqwe ze kuphunyezwe iinkqubo zokudalwa kwamathuba engqesho ze kukhokelwe namalinge okudalwa kwamathuba oshishino.</p> <p><b>iKapa Eliphilayo:</b> Kuphunywe ekugxileni ekwakhweni kwezindlu kuyiwe ekunikezelweni kweenkonzo, izibonelelo nezakhivo zoluntu ekuhlaleni ezifana nezibonelelo zezothutho.</p>	<p>Ukwandiswa kwentlalo-ntle, ukhuseleko kwanokuncitshiswa kwezibi eluntwini.</p>	<p>-</p>	<p>Ukuphakanyiswa nokuphuculwa kwentsebenzo yoluntu oluhlelekileyo ngokuthi kunikezelwe iinkonzo zentlalo-ntle yoluntu.</p>	<p><b>Inkqubo 2: Iinkonzo Zentlalo-ntle Yoluntu</b> <b>Injongo:</b> Inikezela ngothotho lweenkonzo zentlalo-ntle yoluntu ezisekelwe kuphuhliso kuluntu oluhlelekileyo ngentsebenziswano namahlakani kunye nemibutho yoluntu ngokubanzi.</p>

Iziphumo ZeNDP 2030	Iziphumo zeMTSF 2019	i-OneCape2040	Iinjongo Zesicwangciso-qhinga sePhondo	Ukuthatyathwa Kwenxaxheba yiDSD Kwinqubo Yeenguqu yePhondo	Iinjongo Ezisekelwe Kwisicwangciso-qhinga seSebe	Isimo Senkqubo Yohlahlo Lolwabiwo-mali
<p>Ukhuselo loluntu. Impilo kuye wonke ubani.</p> <p>Ukwakha iingingqi zokuhlala ezikhuselekileyo</p> <p>Ukwakha isizwe nokuhlanganiswa koluntu.</p> <p>Ukuphuculwa kwemfundo, uqeqesho nokwakiwa kwezimvo ezintsha.</p>	<p>Inkqubo yokhuselo loluntu ebandakanyayo nependulayo.</p> <p>Impilo ende nesemgangathweni kubo bonke abemi boMzantsi Afrika.</p> <p>Bonke abantu abakuMzantsi Afrika bakhulekile yaye bakhuselekile.</p> <p>Ukuphucula uluntu kwanokumanya ilizwe.</p> <p>Imfundo yamabanga aphantsi esemgangathweni nephucukileyo.</p>	<p><b>iKapa Eliithungelanisayo:</b> Ukubona nokusebenzisa amandla amatyathanga entsebenziswano.</p> <p><b>iKapa Elifundileyo:</b> Kulawulwe inkqubo yemfundo esebenzayo nesemgangathweni nekwinqanaba lehlalathi.</p> <p>Kwenziwe isikhokelo senkqubo yophuhliso lweengcamango nembono ezintsha.</p> <p><b>iKapa Eliphilayo:</b> Kuphunywe ekugxileni ekwakiweni kwezindlu kuyiwe ekunikezelweni kweenkonzo, izibonelelo nezakhiwo zoluntu ekuhlaleni ezifana nezibonelelo zezothutho.</p>	<p>Ukwandiswa kwentlalo-ntle, ukhuseleko kwanokuncitshiswa kwezibi eluntwini.</p> <p>Ukuphuculwa kweziphumo zemfundo kwakunye namathuba ophuhliso lolutsha.</p>	<p><b>Ukwandiswa kweentshukumo ezisemgangathweni Zasemva Kwesikolo:</b> Ukusoloko kuthatyathwa inxaxheba ehlala injalo kwiintshukumo zasemva kwesikolo ezifaka igxalaba elihle kwiinzamo zophuhliso lolutsha.</p>	<p>Iinkonzo zenkxaso ezigqibeleleyo kubantwana ngenjongo yokukhusela amalungelo abantwana kwanokuphakamisa intlalo-ntle yabo.</p>	<p><b>Iinkqubo 3: Ezingabantwana Neentsapho Injongo:</b> Kukunikezela ngothotho olugqibeleleyo lweenkonzo zononophelo nenkxaso kubantwana neentsapho kwakunye noluntu ekuhlaleni ngentsebenziswano namahlakani kwanemibutho yoluntu ngokubanzi.</p>

Iziphumo ZeNDP 2030	Iziphumo zeMTSF 2019	i-OneCape2040	Iinjongo Zesicwangciso-qhinga sePhondo	Ukuthatyathwa Kwenxaxheba yiDSD Kwinqqubo Yeenguqu yePhondo	Iinjongo Ezisekelwe Kwisicwangciso-qhinga seSebe	Isimo Senqubo Yohlahlo Lolwabiwo-mali
<p>Ukhuselo loluntu. Impilo kuye wonke ubani.</p> <p>Ukwakha iingingqi zokuhlala ezikhuselekileyo</p> <p>Ukwakhiwa kwesizwe kwanokuhlanganiswa koluntu.</p>	<p>Inkqubo yokhuselo loluntu ebandakanyayo nephendulayo.</p> <p>Impilo ende nesemgangathweni kubo bonke abemi boMzantsi Afrika.</p> <p>Bonke abantu abakuMzantsi Afrika bakhululekile yaye bakhuselekile.</p> <p>Ukuphucula uluntu kwanokumanya ilizwe.</p>	<p><b>iKapa Eliithungelanisayo:</b> Ukubona nokusebenzisa amandla amatyathanga entsebenziswano.</p> <p><b>iKapa Eliphilayo:</b> Kuphunywe ekugxileni ekwakhiweni kwezindlu kuyiwe ekunikezelweni kweenkonzo, izibonelelo nezakhiwo zoluntu ekuhlaleni ezifana nezibonelelo zezothutho.</p>	<p>Ukwandiswa kwentlalo-ntle, ukhuseleko kwanokuncitshiswa kwezibi eluntwini.</p>	<p><b>Ukuncitshiswa Kwezibi Ezingumvuka Wotywala:</b> Ukuphuculwa kweenkonzo ezinento yokwenza nophuhliso loluntu kwanokulwa iziphumo zotywala.</p>	<p>Ukuqwalaselwa nokuliwa kwezibi ngokuthi kunikezelwe ngothotho lweenkonzo zothintelo lolwaphulo-mthetho nokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi kwakunye neenkqubo zokubuyiselwa kwisimo sesiqhelo.</p>	<p><b>Iinkqubo 4: Iinkonzo Zoluleko Injongo:</b> Kukunikezela ngothotho lweenkonzo ezisekelwe kuphuhliso ezijoliswe ekuthinteleni ulwaphulo-mthetho kuluntu kwanokulwisana nokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi kwabona bantu basesichengeni ngentsebenziswano namahlakani kwanemibutho yoluntu ngokubanzi.</p>

Iziphumo ZeNDP 2030	Iziphumo zeMTSF 2019	i-OneCape2040	Iinjongo Zesicwangciso-qhinga sePhondo	Ukuthatyathwa Kwenxaxheba yiDSD Kwinkqubo Yeenguqu yePhondo	Iinjongo Ezisekelwe Kwisicwangciso-qhinga seSebe	Isimo Senkqubo Yohlahlo Lolwabiwo-mali
<p>Ukwakha umbuso onesakhono nosekelwe kuphuhliso.</p> <p>Ukwakha isizwe nokuhlanganiswa koluntu.</p> <p>Ukwenziwa luqilima nokuba namandla kwendalo esingqongileyo</p> <p>Uqoqosho Nengqesho</p>	<p>Inkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo esemgangathweni, esebenzayo nesekelwe kuphuhliso.</p> <p>Inggesho endilisekileyo ngokwamalinge okungenelela okukhuliswa koqoqosho ngendlela ebandakanyayo.</p> <p>Abasebenzi abanezakhono nabawazi umsebenzi ngenjongo yokunika inkxaso inkqubo yophuhliso ebandakanyayo.</p> <p>Uphuhliso lwamaphandle olugqibeleleyo.</p>	<p><b>iKapa Elifundileyo:</b> Kulawulwe inkqubo yemfundo esebenzayo nesemgangathweni nekwinqanaba lehlabathi.</p> <p>Kwenziwe isikhokelo senkqubo yophuhliso lweengcamango nembono ezintsha.</p> <p><b>iKapa Elishishinayo:</b> Ukwenziwa komsebenzi ngokuthi kuqulunqwe ze kuphunyezwe iinkqubo zokudalwa kwamathuba engqesho ze kukhokelwe namalinge okudalwa kwamathuba oshishino.</p> <p><b>iKapa Eliithungelanisayo:</b> Ukubona nokusebenzisa amandla amatyathanga entsebenziswano.</p>	<p>Ukudalwa kwamathuba okukhula kwanawemisebenzi.</p> <p>Ukuphuculwa kweziphumo zemfundo kwakunye namathuba ophuhliso lolutsha.</p>	<p>-</p>	<p>Ukudalwa kwamathuba ngokuthi kunikezelwe ngeenkonzo zophuhliso loluntu ekuhlaleni.</p>	<p><b>Inkqubo 5: Ezingophuhliso Nophando</b> <b>Injongo:</b> Kukunikezela ngeenkqubo zophuhliso lokuphila ngokuzimela, eziphakamisa ukuvuselelwa koluntu ekuhlaleni, ngokusekelwe kwiziphumo zophando ezinobungqina kwakunye neenkukucha zemcimbi yabemi.</p>

## 6 Injongo Ezisekelwe Kwiziphumo Zesicwangciso-qhinga seSebe

<p><b>Inqaku Lokuqala</b>  <b>Elayanyaniswa</b>  <b>Nesiphumo</b>  <b>Sesicwangciso-qhinga</b></p>	<p><b>Ukophuculwa Kweenkqubo Zolawulo</b></p> <p><b>Intetho yenjongo:</b>                  Eli Sebe limisela iinkqubo zoshishino ezisebenzayo nezisemgangathweni, eziquka uphando, ucwangciso, ulawulo lwentsebenzo kube ke ngoko kuphuculwa intsebenzo yalo kwicandelo lentlalo-ntle yoluntu.</p> <p><b>Isizathu:</b>                  Kukwandisa ukundiliseka kweenkqubo zoshishino ngokuthi kuqulunqwe izigqibo ngendlela ebandakanyayo kwakunye nendlela yokumisela egxilileyo esekelwe kwiziphumo zophando ngoluntu, ndawonye nohlolo nokunikezelwa kweengxelo. Iinkqubo zoshishino, ezokusebenza kwakunye nezimo zeSebe ziyakwenziwa ukuba zisebenze ngendlela esemgangathweni ngenjongo yokuphakamisa ukophuculwa kweenkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo kubo bonke abemi beli phondo.</p> <p><b>Uthungelwano:</b>                  Le njongo ithungelana noPSG 5: "Maze kumiselwe inkqubo yolawulo esebenzayo nesulungekileyo ngokuthi kwakhiwe amatyathanga entsebenziswano kwakunye nokuthungelaniwa kweenkalo zokunikezelwa kweenkonzo." Ikwathungelana nesiphumo seNDP 2030: "Ukwakhiwa kombuso onesakhono nosekelwe kwiimbono zophuhliso" kwakunye "Nokulwisana norhwaphilizo" kwakunye nesiphumo seMTSF 2019: "inkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo esekelwe kuphuhliso nesulungekileyo ekwasebenzayo."</p>
<p><b>Inqaku Lesibini</b>  <b>Elayanyaniswa</b>  <b>Nesiphumo</b>  <b>Sesicwangciso-qhinga</b></p>	<p><b>Ukuphakanyiswa kokusebenza koluntu oluhlelekileyo nolusemngciphekweni ngokuthi kunikezelwe iinkonzo zentlalo-ntle yoluntu</b></p> <p><b>Intetho yenjongo:</b> Kuphakanyiswe ukusebenza koluntu oluhlelekileyo nolusemngciphekweni ngokuthi kuqulunqwe ze kunikezelwe ngamalinge entlalo-ntle yoluntu asekelwe kuphuhliso aphakamisa nawomeleza abantu neentsapho, ngentsebenziswano namahlakani.</p> <p><b>Isizathu:</b>                  Le nkqubo ijolise ekunikezeleni ngothotho lweenkonzo zentlalo-ntle ezisekelwe kuphuhliso kubo bonke abantu namaqela abasemngciphekweni ingakumbi Abantu Abakhubazekileyo, abantu abadala kwakunye nabo bazibhaqa bejamelene neenzima ezimandla.</p> <p><b>Uthungelwano:</b>                  Le njongo ithungelana noPSG 3: "Kwandiswe intlalo-ntle, ukhuseleko, ze kuncitshiswe izibi", Ikwathungelana neSiphumo Sesizwe 2: "Impilo ende nentle kubo bonke abemi boMzantsi Afrika", Isiphumo Sesizwe 11: "Ukudala uMzantsi Afrika ongcono kwanokufaka igxalaba ekudalweni kwe-Afrika engcono nekhuselekileyo kwihlabathi elingcono" kwakunye neSiphumo Sesizwe 13: "Inkqubo ebandakanyayo nephendulayo Yokhuselo Loluntu".</p>

<p><b>Inqaku Lesithathu</b>  <b>Elayanyaniswa</b>  <b>Nesiphumo</b>  <b>Sesicwangciso-qhinga</b></p>	<p><b>Uthotho olugqibeleleyo lweenkonzo zononophelo nenkxaso kubantwana neentsapho ngenjongo yokuhusela amalungelo abantwana ze kuphakanyiswe intlalo-ntle</b></p> <p><b>Intentitho yenjongo:</b>  linkonzo ezifanelekileyo zononophelo nenkxaso kubantwana neentsapho kwanokukhokela iinzame zophuhliso lwabantwana neentsapho ngentsebenziswano namahlakani.</p> <p><b>Isizathu:</b>  Le nkqubo ijolise ekunikezeleni ngothotho lweenkonzo zentlalo-ntle ezisekelwe kuphuhliso kubo bonke abantwana neentsapho ezisemngciphekweni ngenjongo yokulondoloza isimo sosapho.</p> <p><b>Uthungelwano:</b>  Le njongo ithungelana noPSG 2: "Ukuphuculwa kweziphumo zemfundo yolutsha kwakunye namathuba ophuhliso lolutsha" kwakunye noPSG 3: "Ukwandisa intlalo-ntle, ukhuselo nokunciphisa izibi eluntwini." Ngapha koko ikwathungelana Nesiphumo Sesizwe 2: "Impilo ende nentle kubo bonke abemi boMzantsi Afrika," Isiphumo Sesizwe 11: "Ukudala uMzantsi Afrika ongcono kwanokufaka igxalaba ekudalweni kwe-Afrika engcono nekhuselekileyo kwihlabathi elingcono" kwakunye Nesiphumo Sesizwe 13: "Inkqubo ebandakanyayo nephendulayo Yokhuselo Loluntu".</p>
<p><b>Inqaku Lesine</b>  <b>Elayanyaniswa</b>  <b>Nesiphumo</b>  <b>Sesicwangciso-qhinga</b></p>	<p><b>Ukusonjululwa kwezibi eluntwini ngokuthi kunikezelwe ngothotho olugqibeleleyo lweenkonzo Zothintelo Lolwaphulo-mthetho KwaneNkqubo Yothintelo Lokusetyenziswa Gwenxa Kweziyobisi Kwanokubuyiselwa Kwisimo Sesiqhelo</b></p> <p><b>Injongo yentetho:</b>  Kuncitshiswa izibi eluntwini ngokuthi kunikezelwe ngothotho lweenkonzo zokuthintelwa kwemikhwa yolwaphulo-mthetho, iinkonzo zoluleko nezokuthintelwa kokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi ezinciphisa iimpawu ezikhokelela kule mikhwa ze kuphuhlise kuvezwe amalungu oluntu ekuhlaleni athathela kuwo uxanduva, anamandla nanentsebenzo.</p> <p><b>Isizathu:</b>  Le nkqubo ijolise ekunikezeleni ngothotho lweenkonzo ezizodwa zoluleko kubantu abakungquzulwano nomthetho kwakunye namaxhoba abo, ngenjongo yokuqinisa nokuphakamisa ukomelela kwabo nokungabuyeli kwizenzo zolwaphulo-mthetho.</p> <p><b>Uthungelwano</b>  Le njongo ithungelana noPSG 2: "Ukuphuculwa kweziphumo zemfundo yolutsha kwakunye namathuba ophuhliso lolutsha" kwakunye noPSG 3: "Ukwandisa intlalo-ntle, ukhuselo nokunciphisa izibi eluntwini." Ngapha koko ikwathungelana Nesiphumo Sesizwe 2: "Impilo ende nentle kubo bonke abemi boMzantsi Afrika," Isiphumo Sesizwe 11: "Ukudala uMzantsi Afrika ongcono kwanokufaka igxalaba ekudalweni kwe-Afrika engcono nekhuselekileyo kwihlabathi elingcono" kwakunye Nesiphumo Sesizwe 13: "Inkqubo ebandakanyayo nephendulayo Yokhuselo Loluntu".</p>

<b>Inqaku Lesihlanu Elayanyanisiwe Nesiphumo Sesicwangciso-qhinga</b>	<b>Ukudalwa kwamathuba njgokunikezelwa kweenkonzo zophuhliso loluntu ekuhlaleni</b>
	<b>Intetho yenjongo:</b> Ukudalwa kwamathuba kusenzelwa abantu kwanolo lusezindaweni zokuhlala ngenjongo yokuphakamisa ifuthe lokuphuhla koluntu ngokoqoqosho kwanokomelela ngokusekelwe kwiziphumo zophando olusekelwe kubungqina.
	<b>Isizathu:</b> Le nkqubo imnqweno ukukuphakamisa ukubandakanyeka koluntu kwanokunciphisa intlupheko ngokuthi kunikwe uluntu amathuba ophuhliso loluntu ekuhlaleni aluqilima ukuze babe nokuzimela bonke.
	<b>Uthungelwano:</b> Le njongo ithungelana noPSG 2: "Ukuphuculwa kweziphumo zemfundo yolutsha kwakunye namathuba ophuhliso lolutsha" kwakunye noPSG 3: "Ukwandisa intlalo-ntle, ukhuselo nokunciphisa izibi eluntwini." Kwakunye noPSG 5: "Ukumiselwa kweenkqubo eziphilileyo zolawulo kwanenkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo ehlanganyelweyo ngokuthi kwakhiwe amatyathanga entsebenziswano namahlakani kwanokulungelelaniswa kwemeko yokusebenzela". Le njongo ithungelana neSiphumo Sesizwe 11: "Ukudala uMzantsi Afrika ongcono kwanokufaka igxalaba ekudalweni kwe-Afrika engcono nekhuselweyo kwihlabathi elingcono."

Qwalasela: Izalathisi zenjongo yesicwangciso-qhinga kwakunye neengcaciso zezalathisi zazo njengoko zibekiwe kwiSihlomelo B: Iithebhile Zeengcaciso Yezalathisi Zobuchwepeshwe.

## 7 Imbonakalo yohlalo lolwabiwo-mali luka-2017/18 kwakunye neentelekelelo kwiMTEF

### 7.1 Iintelekelelo Zenkcitho

#### Isishwankathelo seentlawulo kwakunye neentelekelelo

Inkqubo	Isiphumo			Inkcitho Engundoqo Nebekelwe Bucala	Inkcitho Ehlanganisiwe yo	Iintelekelelo Ehlaziyiweyo	Iintelekelelo Zethuba Elingephi			Iinguqu ephuma Kwiintelekelelo ezihlaziyiweyo ngokwe-%			
	Eziphicothiweyo						2016/17	2016/17	2016/17		2017/18	2018/19	2019/20
	2013/14	2014/15	2015/16										
1. Ezolawulo	176 797	189 043	174 273	185 806	187 185	187 185	199 813	216 472	232 988	6.75			
2. Iinkonzo Zentlalo-ntle Yoluntu	579 986	634 864	719 877	778 385	771 773	771 773	850 242	893 239	962 801	10.17			
3. Ezingabantwana Neentsapho	523 498	550 888	601 064	615 102	616 536	616 536	651 564	680 785	696 370	5.68			
4. Ezingeeekonzo Zoluleko	248 304	290 705	318 985	334 315	339 138	339 138	348 686	371 058	391 898	2.82			
5. Ezophuhliso Nophando	51 558	68 342	77 873	47 830	49 232	49 232	56 669	42 933	45 600	15.11			
<b>Iintlawulo neentelekelelo zizonke</b>	<b>1 580 143</b>	<b>1 733 842</b>	<b>1 892 072</b>	<b>1 961 438</b>	<b>1 963 864</b>	<b>1 963 864</b>	<b>2 106 974</b>	<b>2 204 487</b>	<b>2 329 657</b>	<b>7.29</b>			

## Isishwankathelo seentlawulo kwakunye neentelekelelo ngokohlalutyo loqoqosho

Uhlalutyo Ngokoqoqosho R'000	Isiphumo			Iinkcitho Engundoqo Nebekelwe Bucala	Iinkcitho Ehlangahlengisiweyo	Iintelekelo Ehlaziyiweyo	Iintelekelelo Zethuba Elingephi			% Inguqu ephuma Kwiintelekelelo ezihlaziyiweyo		
	Eziphicothiweyo						2016/17	2016/17	2017/18		2018/19	2019/20
	2013/14	2014/15	2015/16									
Iintlawulo Zangoku	681 945	749 914	800 018	871 493	872 485	872 049	<b>936 665</b>	999 962	1 094 143	7.41		
Ukubuyekizwa Kwabasebenzi	504 500	571 040	620 270	681 281	682 438	682 004	<b>752 769</b>	801 979	884 449	10.38		
Iimveliso Neenkonzozo	177 445	178 874	179 748	190 212	190 047	190 045	<b>183 896</b>	197 983	209 694	3.24		
Inzala Nerente Kumhlaba	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-		
<b>Iintlawulo Nennkxasomali ezihlawulweyo</b>	873 470	955 013	1 063 154	1 061 261	1 062 136	1 062 571	<b>1 138 533</b>	1 170 923	1 200 108	7.15		
Amaphondo Noomaspala	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-		
Ii-arhente nee-akhawunti zeSebe	23	31	32	37	37	42	39	41	43	(7.14)		
Amaqumrhu Angajonge Ngeniso	869 594	946 775	1 052 555	1 053 447	1 053 302	1 053 302	1 129 461	1 161 500	1 190 229	7.23		
Amakhaya	3 853	8 207	10 567	7 777	8 797	9 227	9 033	9 382	9 836	(2.10)		
<b>Iintlawulo Kwimpahla Engundoqo</b>	24 622	27 334	27 779	28 684	29 243	29 244	31 776	33 602	35 406	8.66		
Izakhiwo nezinye izimo ezingagangqiyi	-	3 049	-	-	-	-	-	-	-	-		
Oomatshini Nezixhobo	24 622	24 285	27 766	28 684	29 243	29 244	31 776	33 602	35 406	8.66		
Apho: "Iimveliso neenkonzozo ezingundoqo" zibandakanywe kwiintlawulo zempahla engundoqo	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-		
<b>Iintlawulo Kwimpahla Enexabiso Lemali</b>	106	1 581	1 121	-	-	-	-	-	-	-		
<b>Uhlalutyo Loqoqosho Ngokupheleleyo</b>	<b>1 580 143</b>	<b>1 733 842</b>	<b>1 892 072</b>	<b>1 961 438</b>	<b>1 963 864</b>	<b>1 963 864</b>	<b>2 106 974</b>	<b>2 204 487</b>	<b>2 329 657</b>	<b>7.29</b>		

### Ukwayamanisa iinguqu kwinkcitho kwiinjongo zeziphumo zesisicwangciso-qhinga

ISebe layamanise oondoqo beenkonzo zalo kunye neziphumo zeSebe Lesizwe kwakunye neePSG, zikhatshwa sisabelo-mali kwiinkalo zeenkonzozo zeSebe eziphambili ezilunonophelo nokhuselo lwabantwana, abantu abadala, abantu abakhubazekileyo, iinkonzozo zokunyangelwa ukusebenzisa gwenxa iziyobisi kwakunye nophuhliso lolutsha. Sijonge kakhulu kwisikhokelo esiya sisiba luqilima semithetho elawulwa ukunikezelwa kweenkonzo zethu ezingumvuka wokumiselwa kwemithetho efana nePrevention of and Treatment for Substance Abuse Act, iChildren's Act, iChild Justice Act, kunye ne-Older Persons Act, phakathi kweminye.



## Izigqibo Zolwabiwo-mali

Kuthi kujanyelwane neemeko zoxinzelelo lolwabiwo-mali ezidweliswe kwitheybhile engezantsi apha yaye ziphefumlelwa kukuqulunqwa kwezicwangciso kwakunye nolwabiwo-mali:

Uxinzelelo Kwizabelo-mali	Izigqibo Neengqwalasela Kwizabelo-mali
<p>Ukuthotyelwa kwezikhokelo zemithetho njengoko idweliswe ngezantsi apha: uMgaqo-nkqubo woMzantsi Afrika, umthetho iChildren's Act, iSubstance Abuse, i-Older Persons kunye neChild Justice Act kwakunye neenkondo ezinikezelwa ngokwezikhokelo zeminye imithetho efana nePrevention and Combating of Trafficking in Persons Act, iDomestic Violence Act kunye neSexual Offences and Related Matters Amendment Act.</p>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukukhula kwesidingo seenkonzo ngenxa yokukhula kwamanani abemi bephondo kwakunye nentlupheko eya isanda;</li> <li>● Ukugxila ikakhulu kwiinkonzo ezinikezelwa ngokwezikhokelo zemithetho kwanokugxininisa ekuseni ezi nkonzo kwinganaba elidingekayo;</li> <li>● Ukwanda kwamanani abemi bephondo kufuneka kuthathelwe ingqalelo xa lisabelwa iimali zalo iphondo njengoko oko kunefuthe kuwo onke amasebe alo aphambili ekunikezelweni kweenkonzo.</li> </ul>
<p>Ukuqhuba nokuthathela ingqalelo ixabiso lemali xa kunikezelwa inkxaso-mali kwiiNPO ngaphandle kokwehla kwezinga lomsebenzi wale mibutho.</p>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Inkxaso-mali esuka kuRhulumente Wesizwe Ephume Ngokwemiqathango kwii-ECD: 2017/18 (R19,15 yezigidi); 2018/19 (R31,47 yezigidi); and 2019/20 (R33,23 yezigidi);</li> <li>● Inkxaso-mali esuka kuRhulumente Wesizwe Ephume Ngokwemiqathango kwi-EPWP: 2017/18 (R15,93 yezigidi);</li> <li>● Isabelo esibalulekileyo kwezoonophelo kumaziko anikezela ngendawo yokuhlala kwiinkonde neenkondekazi (unonophelo lwabampilo inkenenkene) kwakunye Nabantu Abakhubazekileyo;</li> <li>● Ukwenyuswa kwamaxabiso ngomyinge ongezantsi kwalawo okwenyuka (+/- 3%); kunye</li> <li>● Nokuncitshiswa kweenkonzo ezingezikhokelo zamithetho (umzekelo: iinkqubo zothintelo, iinkqubo zoqeqesho, iinkqubo zokuxhaswa kweenNPO kwakunye ne-ECD).</li> </ul>
<p>Ifuthe lenkcitho Ekubuyekezwe ngayo Abasebenzi.</p>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Inkxaso-mali esuka kuRhulumente Wesizwe Ephume Ngokwemiqathango ekuqeshweni Koonontlalo-ntle: 2017/18 (R11,98 million); 2018/19 (R12,96 yezigidi); kunye 2019/20 (R14,01 yezigidi);</li> <li>● Ukusiwa kwezibonelelo kwiiNPO ukuze zinikezele ezo nkonzo egameni leDSD (ngendlela engcono);</li> <li>● Ukuhlengahlengiswa kwezibonelelo zabasebenzi ngenjongo yokuphucula iindlela zokusebenza (kufumaniseke ukuba sikhulu isidingo sesakhono nenkxaso yolawulo lweenkqubo nentsebenzo kumaqela asebenza ngezintlalo-ntle);</li> <li>● Ukwanda kancinci kwiSebe kwisithuba seMTEF ngenxa yokwenyuka komyinge ochazwe ngezantsi apha omiselwe ukubuyekezwa kwabasebenzi liSebe Lemali lePhondo.</li> </ul>

Uxinzelelo Kwizabelo-mali	Izigqibo Neengqwalasela Kwizabelo-mali
Izakhiwo: ukumiselwa nokulungiswa kwee-ofisi zezithili	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Kuye kwakhutshwa isabelo-mali kwiSebe Lezothutho Nemisebenzi Yoluntu ngenjongo yokwakhiwa kwenye idomitri kwiCYCC eseClanwilliam: 2017/18 (R10 yezigidi) kunye nokulungiswa ngokukhawuleza kweeCYCC: 2017/18 (R14 yezigidi); 2018/19 (R24 yezigidi); kunye 2019/20 (R24 yezigidi);</li> <li>● Ukwabelwa imali ngokungxamisekileyo kwiimeko zoxinzelelo zeenkonziso ezithile;</li> <li>● Ukuxhomekeka ekubeni kweendawo namaziko afanelekileyo kwakunye nenkxaso-mali kuwo (iDSD neDTPW); kunye</li> <li>● Nokuba kufuneka i-U-AMP ifumane inkxaso yesivumelwano somgangatho weenkonziso phakathi kweDSD neDTPW.</li> </ul>
Uphuhliso lwezobuchwepheshe kunye nophando lwezentslalo-ntle	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukumiswa kwenkqubo yokuqulunqwa kweNkqubo Yolawulo LweeNPO (iiModyuli 3-5). Kufunwe inkxaso-mali kwiDPSA (ngokwesigqibo sentsebenziswano);</li> <li>● Kufuneka kwandiswe ubomi bezixhobo zokuhlaziya kobuchwepheshe ukuya ngaphaya kweminyaka emihlanu eyayimiswe yiDSD;</li> <li>● Imadlana ezakwabelwa ukuhlaziya kwezixhobo zobuchwepheshe; kwakunye</li> <li>● Nokuba uphando lwezentslalo-ntle lunganikwa inkampani yangaphandle koko lwenziwe ngaphakathi.</li> </ul>
Kunyanzeleke ngokwezibhambathiso ukuba kwenyuswe isabelo-mali esinikwa amacandelo athile angekho phantsi kolawulo lweDSD, umzekelo iinkonzo zokhuselo nezokucoca (ukumiselwa kwemivuzo).	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukunikezelwa wesabelo-mali esingxamisekileyo kwiimeko zoxinzelelo lweenkonzo;</li> <li>● Ukuhlalutywa kwezivumelwano kwiinkonzo zokhuseleko nezokucoca; kunye</li> <li>● Nokufunwa kwamanye amalinge kwezokhuseleko umzekelo inkampani exhobileyo ezakubela xa kukho ingxaki endaweni yokuba namaghosa ezokhuseleko iiyure ezingamashumi amabini anesine ngosuku kwiindawo ekunikezelwa kuzo iinkonzo.</li> </ul>
Ukuphuculwa kwe-CYCCs kwakunye namaziko anyangela ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukwandiswa kweZiko Elijongene Nokwamkela Abatyeleli, Uqwalaselo, Uhlolo Nokudluliselwa kubantwana abasemngciphekweni ngenxa yesidingo esimandla seenkonzo ngokwezi zibonelelo zikhoyo zishokoxekileyo;</li> <li>● IKensington Rehabilitation Centre yathi yabuyiselwa kwiSebe ngenyanga yeDwarha ka-2016; kwakunye</li> <li>● Nokulawulwa kweCYCC yaseTenderton.</li> </ul>

**ISIGABA B: IINJONGO ZESICWANGCISO-QHINGA  
NEENKCUKACHA NGEENKQUBO**

## ISIGABA B: IINJONGO ZESICWANGCISO-QHINGA NEENKCUKACHA NGEENKQUBO

Eli candelo leSicwangciso Sentsebenzo Yonyaka lisetyenziselwa ukuceba nokucwangcisa iinjongo zesebe kunyaka-mali ozayo nakwisithuba seMTEF ngookwenjongo nganye yesicwangciso-qhinga ethe yachongwa yachazwa kwiSigaba B seSicwangciso-qhinga. Izalathisi zentsebenzo eziyakukhokela uhlolo lwentsebenzo yenkqubo nganye ngokubanzi nazo zithe zabandakanywa.

Le theybhile ingezantsi apha ibonakalisa iSimo Senkqubo Yohlahlo Lolwabiwo-mali.

### Isimo Senkqubo Yohlahlo Lolwabiwo-mali luka-2017/18

INKQUBO	INKQUTYANA
<b>1. Ezolawulo</b>	1.1. I-Ofisi kaMphathiswa 1.2. Inkonzo Yezolawulo Loshishino 1.3. Ezolawulo Lwezithili
<b>2. Ezingeenkonzo Zentlalo-ntle Yoluntu</b>	2.1. Ulawulo Nenxaso 2.2. Iinkonzo Kubantu Abadala 2.3. Iinkonzo Kubantu Abakhubazekileyo 2.4. Intsholongwane kaGawulayo/noGawulayo buqu 2.5. Uhlanguko Loluntu
<b>3. Ezingabantwana Neentsapho</b>	3.1. Ulawulo Nenxaso 3.2. Unonophelo Nenxaso Kwiintsapho 3.3. Unonophelo Nokhuselo Lwabantwana 3.4. Uphuhliso Lweentsatshana Nononophelo Olungagqibelelanga 3.5. Amaziko Ononophelo Lwabantwana Nolutsha 3.6. Iinkonzo Zononophelo Kubantwana Ezinikezelwa Kwiingingqi Zokuhlala
<b>4. Ezingeenkonzo Zoluleko</b>	4.1. Ulawulo Nenxaso 4.2. Uthintelo Lolwaphulo-mthetho Nenxaso 4.3. Ukuxhotyiswa Kwamakhoba 4.4. Ukusetyenziswa Gwenxa Kweziyobisi, Uthintelo Nokubuyiselwa Kwisimo Sesiqhelo
<b>5. Ezingophuhliso Nophando</b>	5.1. Ulawulo Nenxaso 5.2. Ukuvuselelwa Koluntu 5.3. Ukuxhotyiswa Kwamaqumrhu Ngezakhono kwakunyeNenxaso kwiiNPO 5.4. Ukupheliswa Kwentlupheko, Nokuphila Ngokuzimela 5.5. Uphando Nocwangciso Olunikezelwa Kwiingingqi Zokuhlala 5.6. Uphuhliso Lolutsha 5.7. Uphuhliso lwamanina 5.8. Ukuphakanyiswa Kwemigaqo-nkqubo Yemicimbi Yabemi

## 8 Inkqubo 1: Ezolawulo

### Injongo Yenqubo

Le nkqubo ibonisa iinkonzo zeqhinga lolawulo nenkxaso kuwo onke amaqanaba eSebe oko ke kukuthi, kwiPhondo, kwiNgingqi, kuMmandla nakumaZiko.

Qaphela: iZiko leeNkonzo eziManyanisiweyo, elikwiSebe leNkulumbuso, libonelela ngezi nkonzo zilandelayo kwiCandelo: Ulawulo Lwemicimbi Yabasebenzi

Le nkqubo inezi Nkqutyana zilandelayo:

### INGCACISO NGENKQUBO

#### Inkqutyana 1.1 I-Ofisi kaMphathiswa

##### Injongo yale Nkqutyana

Kukunikezela ngesibonelelo nesikhokelo semigaqo yemithetho phakathi kukarhulumente, uluntu kwakunye namahlakani abandakanyekayo.

#### Inkqutyana 1.2 Iinkonzo Zolawulo Loshishino

##### Injongo yale Nkqutyana

Inikezela ngesikhokelo sesicwangciso-qhinga kwakunye nolawulo lweSebe ngokubanzi.

#### Inkqutyana 1.3 Ulawulo Lwezithili

##### Injongo yale Nkqutyana

Kukunikezela ngesikhokelo ekusasazweni, kulawulo nakwezempatho yeenkonzo kwiinqanaba lesithili kweli Sebe.

(Isihloko esithi *Ulawulo Lwezithili* simiselwe ngokweSimo Sokwenziwa Kohlalo Lolwabiwo-mali Lwesizwe. Kodwa ke, iDSD yeNtshona Koloni isebenza ngokwe-Ofisi Zemimandla.)

### Ukugxila Kweenqubo

Kwisithuba salo nyaka-mali, iNkqubo 1 uyakugxila kwezi nkalo zesicwangciso-qhinga zilandelayo:

- Ukumiselwa kwesimo seSebe kwanenkqubo yokuphuculwa kwesimo seli Sebe ngenjongo yokuvuselela amandla nesakhono sokunikezelwa kweenkonzo kwakunye nohlolo lweNtsebenzo phantsi kwemeko yokushokoxeka kwesabelo-mali seSebe;
- Ukusetyenziswa kwesikhundla sobugcisa ukwakha nokuxhobisa ngezakhono oonontlalo-ntle, abaphanthi bezentlalo-ntle kwakunye nabalawuli bezentlalo-ntle kwinkalo yokumiselwa kwemigaqo yomthetho iChildren's Act; kunye
- Nokuphuculwa kweenqubo yolawulo yeli Sebe ngenjongo yokugcina imeko yukufumana iingxelo zophicotho-zincwadi ezingenaziphene kwinkalo yolawulo lwemali kunye neenjongo ezicwangcisiweyo, oko ke kukuthi ingxelo yophicotho engenamakhwiniba. Ukuze kube nokwenzeka oku, kufuneka imithetho, imimiselo kwakunye neenkqubo ezicwangcisiweyo zolawulo lwangaphakathi zithotyelwe ngokugqibeleleyo.

## INJONGO YESICWANGCISO-QHINGA

<b>Injongo Yesicwangciso-qhinga</b>	Kukubonelela ngenkxaso ephantsi kwesicwangciso-qhinga ngenjongo yokuphakamisa iinkqubo zolawulo ezizizo kwakunye yokuhanjiswa kweenkonzo ezisemgangathweni.
<b>Intentho Yenjongo</b>	Kukubonelela ngenkxaso ephantsi kwesicwangciso-qhinga ngenjongo yokuphakamisa iinkqubo zolawulo ezizizo kwakunye yokuhanjiswa kweenkonzo ezisemgangathweni ukuya kuthi ga ngenyanga yoKwindla ka-2020.
<b>Isiseko</b>	Injongo: Yingxelo yophicotho-zincwadi engenamakhwiniba
<b>Isizathu</b>	Kukuvuselela isakhono seWCG ukuze kuphuculwe inkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo.
<b>Uthungelwano</b>	Eli nqaku lithungelana noPSG 5: 'Ukumiselwa kwenkqubo yolawulo esemgangathweni kwakunye nokuhanjiswa kweenkonzo ngendlela ehlanganyelweyo ngentsebenziswano kwanokuthungelaniswa kwemeko yokusebenzela.' Kwakunye neNqaku 1 leSicwangciso-qhinga: "Inkqubo Yolawulo Loshishini ephilileyo." Likwathungelana kuhle nesiphumo seNDP 2030: 'Ukwakhiwa kombuso onesakhono nosekelwe kuphuhliso' kwakunye 'Nokulwa urhwaphilizo' kunye nesiphumo seMTSF 2019 'Inkqubo yombuso esebenza ngokubonakalayo, nenomsebenzi onefuthe ekwasekelwe kuphuhliso.'

1.2.1 Injongo yesicwangciso-qhinga	Isalathisi sentsebenzo yenjongo yesicwangciso-qhinga	Iithagethi yesicwangciso-qhinga	Ophicothiweyo/Owona msebenzi			Intsebenzo ethelekelelwayo 2016/17	Iithagethi zethuba elingephi		
			2013/14	2014/15	2015/16		2017/18	2018/19	2019/20
Kukunikezela ngeenkonzo yesicwangciso-qhinga ngenjongo yokuphakamisa inkqubo yolawulo loshishino ephilileyo kwakunye nokunikezelwa kweenkonzo ezisemgangathweni	Imbono yoMphicothi-zincwadi Oyintloko ekuphicothweni kwee ngxelo zemali ngokuba lulutho nangokucha -neka kweenkcuka -cha zentsebenzo ezithe zanikezelwa	Imbono yophicotho-zincwadi engenaziphene kungekho namiba ijingayo nekufuneka kugxininiswe kuyo kube kungekho nazingxelo kwimiba yemali kwakunye nokuba lulutho zentsebenzo ezithe zanikezelwa	Uphicotho olungena ziphene	Uphicotho olungenaziphene	Uphicotho olungenaziphene	Uphicotho olungenamakhwiniba kungekho namiba kugxininiswe kuyo kwimicimbi yemali kwakunye nokuba lulutho nokuchaneka kweenkcuka-cha zentsebenzo ezithe zanikezelwa	Uphicotho olungena makhwiniba kungekho namiba kufuneka kugxininiswe kuyo kwimicimbi yemali kwakunye nokuba lulutho nokuchaneka kweenkcuka-cha zentsebenzo ezithe zanikezelwa	Uphicotho olungena makhwiniba kungekho namiba kufuneka kugxininiswe kuyo kwimicimbi yemali kwakunye nokuba lulutho nokuchaneka kweenkcuka-cha zentsebenzo ezithe zanikezelwa	Uphicotho olungenamakhwiniba kungekho namiba kufuneka kugxininiswe kuyo kwimicimbi yemali kwakunye nokuba lulutho nokuchaneka kweenkcuka-cha zentsebenzo ezithe zanikezelwa

## IZALATHISI ZENTSEBENZO YECANDELO<sup>2</sup>

### IZALATHISI ZENTSEBENZO YENKQUBO

Isalathisi sentsebenzo yenkqubo		Intsebenzo ethelekelelwayo ku-2016/17			Iithagethi zethuba elingelide		
		2013/14	2014/15	2015/16	2017/18	2018/19	2019/20
1.2.1.1	Inani lamangenelo oaqeqesho kwezentlalo-ntle kwanakumanye amakhono asondeleyo kwezentlalo-ntle	41	34	25	25	25	25
1.2.1.2	Inani lolutsha olusaqeqeshelwa ingqesho olunezidanga/olungekabi nazidanga	146	185	115	52	0	0
1.2.1.3	Inani lolutsha olukwiNkqubo Yophuhliso Lolutsha yeNkulumbuso	60	20	20	20	20	20

<sup>2</sup> Izalathisi zecandelo ekunganikezelwanga ngxelo ngazo zithiwe thaca kwiSihlomo E.

Isicwangciso Sentsebenzo yeDSD ku-2017/18

Isalathisi sentsebenzo yenkqubo					Intsebenzo ethelekelelwayo ku-2016/17	Iithagethi zethuba elingelide		
		2013/14	2014/15	2015/16		2017/18	2018/19	2019/20
1.2.1.4	Inqanaba leMPAT Kwimigangatho Yezolawulo: Izicwangciso-qhinga	-	Isalathisi esitsha	4	4	4	4	4
1.2.1.5	Inqanaba leMPAT Kwimigangatho Yezolawulo: Izicwangciso Zentsebenzo Yonyaka	-	Isalathisi esitsha	3,5	4	4	4	4
1.2.1.6	Inqanaba leMPAT Kwimigangatho Yezolawulo: linkonzo Zolawulo Loshishino	-	Isalathisi esitsha	4	4	4	4	4
1.2.1.7	Inqanaba leMPAT Kwinkalo Yentsebenzo: Kwezenkqubo Yolawulo Lweentengo <sup>3</sup>	MPAT 3 CGRO: 3	iMPAT: 4 CGRO: 3+	4	4	4	4	4
1.2.1.8	Inqanaba leMPAT KwiNKALO Yentsebenzo: Kwezolawulo Lwemali <sup>4</sup>	MPAT 3 CGRO: 3+	iMPAT: 3,8 CGRO: 3+	4	4	4	4	4
1.2.1.9	Inqanaba leMPAT Kwimigangatho Yezolawulo: Kwezohlolo Novavanyo	-	Isalathisi esitsha	2,5	3,5	3	3	3

### Uhlangahlengiso ngokwekota

Isalathisi sentsebenzo yenkqubo		Ithuba lokunikezelwa kwengxelo	Iithagethi yonyaka 2017/18	Iithagethi zekota				Yeyongezelekayo /Yengongezelekiyo
				Eyokuqal	Eyesi bini	Eyesithathu	Eyesine	
1.2.1.1	Inani lamangenelo oqeqesho kwezentlalo-ntle kwanakumanye amakhono asondeleyo kwezentlalo-ntle	Ngekota	25	0	10	10	5	Yeyongezelekayo
1.2.1.2	Inani lolutsha olusaqeqeshelwa inqesho olunezidanga/olungekabi nazidanga	Ngonyaka	0					Yengongezelekiyo
1.2.1.3	Inani lolutsha olukwiNkqubo Yophuhliso Lolutsha yeNkulumbuso	Ngonyaka	20					Yengongezelekiyo
1.2.1.4	Inqanaba leMPAT Kwimigangatho Yezolawulo: Izicwangciso-qhinga	Ngonyaka	4					Yengongezelekiyo
1.2.1.5	Inqanaba leMPAT Kwimigangatho Yezolawulo: Izicwangciso Zentsebenzo Yonyaka	Ngonyaka	4					Yengongezelekiyo
1.2.1.6	Inqanaba leMPAT Kwimigangatho Yezolawulo: linkonzo Zolawulo Loshishino	Ngonyaka	4					Yengongezelekiyo
1.2.1.7	Inqanaba leMPAT Kwinkalo Yentsebenzo: Kwezenkqubo Yolawulo Lweentengo <sup>5</sup>	Ngonyaka	4					Yengongezelekiyo
1.2.1.8	Inqanaba leMPAT KwiNkalo Yentsebenzo: Kwezolawulo Lwemali <sup>6</sup>	Ngonyaka	4					Yengongezelekiyo
1.2.1.9	Inqanaba leMPAT Kwimigangatho Yezolawulo: Kwezohlolo Novavanyo	Ngonyaka	3					Yengongezelekiyo

<sup>3</sup> Inqanaba lentsebenzo kuzo zone izidingo ezingundoqo Zesixhobo Sokuhlolwa Kwentsebenzo Yabalawuli (iMPAT) ekufunekayo zizuzekile kule nkalo yentsebenzo njengoko ithiwe thaca kwiSichazi Sengcaciso Zezalathisi (i-IDM).

<sup>4</sup> Inqanaba lentsebenzo kuzo zonke izidingo ezingundoqo zeMPAT ekufuneka zizuzekile kule nkalo yentsebenzo njengoko kuthiwe thaca kwi-IDM.

<sup>5</sup> Inqanaba lentsebenzo kuzo zone izidingo ezingundoqo Zesixhobo Sokuhlolwa Kwentsebenzo Yabalawuli (iMPAT) ekufunekayo zizuzekile kule nkalo yentsebenzo njengoko ithiwe thaca kwiSichazi Sengcaciso Zezalathisi (i-IDM).

<sup>6</sup> Inqanaba lentsebenzo kuzo zontlanu izidingo erzingundoqo zeMPAT ekufuneka zizuzekile kule nkalo yentsebenzo njengoko ithiwe thaca kwi-IDM.

### 8.1 Ukulungelelaniswa kweethagethi zentsebenzo kunye nesabelo-mali kunye neMTEF

#### Iintelekelelo zenkcitho

#### Isishwankathelo seentlawulo neentelekelelo – Inkqubo 1: Ezolawulo

Inkqutyana R'000	Isiphumo			Eyona Nkcitho ibekelwe bucala Intelekelelo	Inkcitho ehlangahlengisiweyo Intelekelelo	Intelekelelo ehlaziyiweyo Inguqu kwintelekelelelo ehlaziyiweyo ngokwe-%	Intelekelelo yethuba elingephi Isiphumo			Inguqu kwintelekelelelo ehlaziyiweyo ngokwe-% Eyona Nkcitho ibekelwe bucala			
	Ingxelo Ephicothiweyo						2016/17	2016/17	2016/17		2017/18	2018/19	2019/20
	2013/14	2014/15	2015/16										
1. i-Ofisi kaMphathiswa	6 394	6 777	5 864	5 875	6 450	6 450	<b>6 503</b>	7 023	7 563	0.82			
2. iCandelo Leenkonzolwulo Loshishino	122 303	132 189	114 989	123 775	123 146	123 146	<b>124 918</b>	135 971	146 157	1.44			
3. Ulawulo Lwezithili	48 100	50 077	53 420	56 156	57 589	57 589	<b>68 392</b>	73 478	79 268	18.76			
<b>Amabakala oqoqosho epehele</b>	<b>176 797</b>	<b>189 043</b>	<b>174 273</b>	<b>185 806</b>	<b>187 185</b>	<b>187 185</b>	<b>199 813</b>	<b>216 472</b>	<b>232 988</b>	<b>6.75</b>			

#### Isishwankathelo seentlawulo neentelekelelo ngokwebakala loqoqosho – Inkqubo 1: Ezolawulo

Ibakala loqoqosho ngokwe-R'000	Isiphumo			Eyona Nkcitho ibekelwe bucala	Inkcitho ehlangahlengisiweyo	Intelekelelo ehlaziyiweyo	Intelekelelo yethuba elingephi			Inguqu kwintelekelelelo ehlaziyiweyo ngokwe-%			
	Ingxelo ephicothiweyo						2016/17	2016/17	2016/17		2017/18	2018/19	2019/20
	2013/14	2014/15	2015/16										
Iintlawulo zangoku	164 982	175 792	161 715	175 633	177 775	177 750	<b>188 073</b>	203 991	219 483	5.81			
Iimbuyekezo kubasebenzi	122 089	136 858	128 648	139 937	144 324	144 299	<b>155 507</b>	167 979	181 453	7.77			
Iimveliso neenkonzolwulo	42 893	38 934	33 067	35 696	33 451	33 451	<b>32 566</b>	36 012	38 030	(2.65)			
Inzala kwirenti yomhlaba	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-			
Iintlawulo neenkxaso-mali	198	723	1 802	529	720	745	<b>557</b>	586	618	(25.23)			
Amaphondo noomaspala	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-			
Ii-arhente nee-akhawunti zeSebe	6	13	12	17	17	14	<b>18</b>	19	20	28.57			
Amaqumrhu angajonge ngeniso	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-			
Imizi	192	710	1 790	512	703	731	<b>539</b>	567	598	(26.27)			
Iintlawulo zempahla engundoqo	11 511	10 947	9 635	9 644	8 690	8 690	<b>11 183</b>	11 895	12 887	28.69			
Izakhiwo nezinye izimo ezingagungqiyayo	-	3 049	-	-	-	-	-	-	-	-			
Oomatshini nezixhobo	11 511	7 898	9 635	9 644	8 690	8 690	<b>11 183</b>	11 895	12 887	28.69			
Apho: "Iimveliso neenkonzolwulo ezenziwe zaphambili" zibandakanyiweyo kwiintlawulo zempahla engundoqo	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-			
Iintlawulo zempahla enexabiso lemali	106	1 581	1 121	-	-	-	-	-	-	-			
<b>Amabakala oqoqosho epehele</b>	<b>176 797</b>	<b>189 043</b>	<b>174 273</b>	<b>185 806</b>	<b>187 185</b>	<b>187 185</b>	<b>199 813</b>	<b>216 472</b>	<b>232 988</b>	<b>6.75</b>			



## Intsebenzo Neenguqu Kwinkcitho

Izicwangciso nezabelo-mali zeSebe ziyakuqhuba nokusiwa kwizidingo zoluntu ekukhonzwa lona, ndawonye neenkonzelo ezingumvuka wezikhokelo zesizwe nezephondo eziquka, kuPSG 5: "Ukumiselwa kolawulo olululo kwakunye nokunikezelwa kweenkonzo ngentsebenziswano ngokuthi kwakhiwe amatyathanga entsebenziswano kwakunye nokuthungelaniwa kweenkalo zokusebenzela" kwakunye neNqaku 1 Lesizcwangciso-qhinga seSebe.

Kwisithuba seli xesha leMTEF, ezi zigqibo zisekelwe kwisicwangciso-qhinga zilandelayo ziyakuba nefuthe ekuzuzweni kweziphumo zesicwangciso-qhinga seSebe:

- Ifuthe loxinzelelo kwimbuyekezo eya kubasebenzi: Kuqwalaselwe izibonelo zabasebenzi ngenjongo yokuphucula iindlela zokusebenza (kufunyaniswe isidingo senkxaso yolawulo loshishino kubasebenzi bezentlalo-ntle); Ukukhula okungephi kubasebenzi beSebe kwisithuba seMTEF;
- Izakhiwo: Ukumiselwa kwee-ofisi zezithili kwakunye nokulungiswa kwesezikho: Ukuxhomekeka ekufikeleleni kwezo sezikho nezikulungeleyo ukusetyenziswa kwakunye nenkxaso-mali edingekayo (iDSD neDTPW); i-U-AMP kufuneka ifumene inkxaso kwisivumelwano somgangatho wenkonzo phakathi kweDSD neDTPW;
- Izixhobo zokwandiswa kwexesha lokutshintshwa kwezobuchwepheshe ludlule kwisihlanu seminyaka emiselweyo;
- Uphando lwezoluntu aluyi kwenziwa yinkampani yangaphandle koko luyakwenziwa sithi ngaphakathi; ze
- Kuphinde kuqwalaseliswe iimeko zenkalo yezokhuselo kwaneenkonzelo zokucoca apho iDSD ibopheleleke ngokwemithetho ukuba imisele ukwenyuka kwamaxabiso kumyinge ongaphezu kwezinga lokwenyuka kumacandelo athile afana nezokhuselo kwakunye neenkonzelo zokucoca (ukumiselwa kwemivuzo). Kukhangelwe ezinye iindlela ezizezinye zokumelana nesidingo sokhuselo.

## 8.2 Ulawulo Lomngcipheko

Icingcipheko emandla edweliswe ngezantsi apha ingumvuka wokuncipha kwesabelo-mali seli Sebe-ingakumbi eso besimel' ukujongana neemveliso neenkonzelo zalo-kwisithuba seMTEF:

Umngcipheko	Ukuncitshiswa Komngcipheko
<p>Ukwehla kwamandla emali nto leyo ikhokelela ekungabini nakho ukurhweba ngesidima nakwezi meko zilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukungahlawuleki kweenNPO kwakunye namanye amahlakani oshishino;</li> <li>● Ukwanda koxanduva lwezolawulo oluchaphazela uhlehlengiso kwiidyuli zeentlawulo.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Kuyakuhlalutywa inkqubo yokwenziwa kweentlawulo kwiiNPO ngentsebenziswano neSebe Lemali lephondo; ze</li> <li>● Kuphuculwe unxibelelwano phakathi kweDSD necandelo leeNPO</li> </ul>
<p>Uxinzelelo kwinkqubo yeembuyekezo kubasebenzi lungakhokelela:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>● Ekukhuleni kwesidingo seenkonzo zethu kweli Phondo ngenjongo yokuvingca amazibuko anokuba ngumvuka wokungabi namandla kwecandelo leeNPO;</li> <li>● Ukwehla kwezinga nenani leendawo ebezisoloko zifumana iinkonzelo ezikwisikhokelo semithetho nebezisoloko zinikezelwa ziiNPO;</li> <li>● Ukungafikeleli kweenkonzo kwiingingqi ekuye kwanyanzeleka ukuba iiNPO ziyeke ukusebenza kuzo; kunye</li> <li>● Nokwanda kwesidingo seenkonzo zethu ngenxa yokukhula koluntu lwephondo kwakunye nentlupheko eya isanda.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukusiwa kwezibonelelo kwiiNPO ukwenzela zibe nokuhambisa iinkonzelo egameni leDSD (yindlela eyongayo le);</li> <li>● Kuhlengahlengiswe abasebenzi ngenjongo yokuphucula intsebenzo (kufunyaniswe isidingo esimandla sokumiselwa kwenkqubo yolawulo loshishino nenkxaso kumaqela asebenza kwinkalo yeenkonzo zentlalo-ntle); futhi</li> <li>● Kumiselwe iinkqubo zokusebenza ngenjongo yokuqinisekisa ukuthotyelwa kweemfuno zemithetho kwakunye nokuqinisekisa ukuba imigaqo nemimiselo yezentlalo-ntle iyathotyelwa.</li> </ul>
<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukufikeleleka kweenkonzo kuye kubethakale ngenxa yokuba zingekho iindawo neziza</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● I-U-AMP kufuneka ifumane inkxaso kwisivumelwano somgangatho wenkonzo</li> </ul>

Umngcipheko	Ukuncitshiswa Komngcipheko
<p>ezifanelekileyo zokwakha ii-ofisi khona;</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukwehla kwezabelo-mali zeDTPW kuyakudala olunye uxinzelelo kwiDSD (okungaphelelanga ekulungisweni kwezakhiwo kuphela); kunye</li> <li>● Nokuba ukwehla kwezinga lokunikezelwa kweenkonzo kwandisa iindleko zothutho ezinento yokwenza neentshukumo zokuhanjiswa kweenkonzo.</li> </ul>	<p>phakathi kweDSD neDTPW.</p>
<ul style="list-style-type: none"> <li>● Izixhobo zobugcisa eziya zisiba ndala zikhokelela ekungasebenzini ngendlela kwanokungathungelani; kunye</li> <li>● Nokulahlekelwa yintsebenzo kwanonxibelelwano olungekho mgangathweni ekhatshwa zizixhobo zokusebenza ezingagqibelelanga kwinkqubo yolawulo lweeNPO.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Kwenziwe iinzuzo kwiDPSA (ngentsebenziswano);</li> <li>● Ixesha eliyiminyaka emihlanu lokutshintshwa kwezixhobo zokuhlaziya imicimbi yobugcisa lithe landiswa lasiwa kwiminyaka emithandathu; kwakunye</li> <li>● Nokuba uphando lwezoluntu aluyi kwenziwa yinkampani yangaphandle koko luyakwenziwa sithi apha ngaphakathi.</li> </ul>
<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukuthotyelwa kwemigaqo yezibhambathiso kunganefuthe elibi kwinkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo ngokwenkcitho kwanokwanda koxanduva lweeNPO ngenxa yesinyanzeliso sokwenyuswa kwenkcitho ngomyinge ongentla kwezinga lokwenyuka kwamaxabiso kumacandelo athile, umzekelo, afana nezokhuselo nezokucoca kwiDSD.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Kuphinde kuqwalaselisiswe imeko yezibhambathiso zeenkono zokhuselo nezokucoca; kunye</li> <li>● Nokufunyanwa kwamanye amacebo okujongana neenkono zokhuselo, umzekelo, ukuba kufakwe inkampani exhobileyo endaweni yokuba noonogada abazakuba kwiindawo ekunikezelwa kuzo iinkono isithuba seeyure ezingamashumi amabini anesine ngosuku.</li> </ul>

## 9 Inkqubo 2: linkonzo Zentlalo-ntle Yoluntu

### Injongo

Kukubonelela ngeenkono zentlalo-ntle ezimanyanisiweyo kuluntu oluhlelekileyo nolusemngciphekweni ngentsebenziswano namahlakani esebe nemibutho yokuhlala.

### Inkqutya 2.1. Ulawulo Nenxaso

#### Injongo yale Nkqutya

Kukubonelela ngokuhlululwa kwabasebenzi neendleko zolawulo zabasebenzi boLawulo neNnxaso ababonelela ngeenkono kuzo zonke iinkqutya zale Nkqubo.

### Inkqutya 2.2 Unonophelo Neenkono Kubantu Abadala

#### Injongo yale Nkqutya

Ukuyila nokusebenzisa inkono ezimanyanisiweyo zokunika inkathalo, inkxaso nokhuselo lwabantu abadala.

### Ukugxila kwale nkqubo

Inkqubo Yabantu Abadala ize nendlela yokumelana nokuguga entsha, yaye ijolise ekugcineni abantu abadala neentsapho zabo neengingqi abahlala kuzo kangangoko. Eyona Njongo yale nkqubo kukunikezela ngononophelo, inkxaso kubantu abadala abasemngciphekweni kwiindawo abahlala kuzo.

Ezona zidingo sizakugxila kuzo ngezi zibonelelo Sinazo ngoku le nkqubo iyakugxininisa kwezi nkqubo zilandelayo:

- linkono zononophelo neendawo zokuhlala kubantu abadala
- Ezinye iindlela zononophelo nenxaso ezifana namaziko ononophelo emini, amaziko eenkono, iiklabhu zeenkonde neenkondekazi, unonophelo lwabagula yimiqolo kwanolo lusekelwe emakhayeni.
- Kukuphinda isijongise iindlela namanqanaba ethu okunikezela inkxaso-mali ngenjongo yokuqinisekisa ukunikezelwa kwenkono yononophelo nenxaso kubantu abadala abakweli phondo. Ezinye iinkono esithe sazinika abantu abadala ziquke iinkqubo zokuzilolonga, isondlo kwanokhuseleko lwabantu abadala. Ngenxa yokuba siyazi imingeni emininzi echaphazela intlalo-ntle nomgatho wempilo, le nkqubo iyakuqhuba inikezela ngeenkono zabucala nezisemgangathweni ophezulu ezinikezelwa luthotho lweeNPO ezingamahlakani ezinabasebenzi abaziingcali kwicandelo lentlalo-ntle.

Ezi Njongo ziphambili sizikhankanye ngentla apha zithungelaniwe nemisebenzi esimele ukuyenza ngokomthetho i-Older Persons Act, Nombolo 13 ka-2006 ndawonye nemimiselo yawo yaye ke isebe eli lisazimisele ekunikezeleni ngeenkono ezisemgangathweni kule nkalo.

**INJONGO YESICWANGCISO-QHINGA**

<b>Injongo Yesicwangciso-qhinga</b>	Kukuqinisekisa ukufikeleleka kothotho lweenkonzo zophuhliso loluntu ezisemgangathweni kwakunye nabantu abadala abasemngciphekweni
<b>Intentho Yenjongo</b>	Kukuqinisekisa ukufikeleleka kothotho lweenkonzo zophuhliso loluntu ezisemgangathweni ngokuthi kunikezelwe inkxaso, nokhuselo kuma-24 950 abantu abadala abahlelekileyo kwiNtshona Koloni ukuya kuthi ga ngenyanga yoKwindla ka-2020.
<b>Isiseko</b>	Inani labantu abadala abasemngciphekweni abafikelela kuthotho lweenkonzo zophuhliso loluntu: 24 931.
<b>Isizathu</b>	Inkqubo Yabantu Abadala yiyo ekhokelisa neba liliso kwinkqubo yokufikeleleka kweenkonzo zononophelo, inkxaso nokhuselo kubantu abadala beli phondo. Kuyingxeny yesisikhokelo somthetho ukuba iSebe eli linikezele iinkonzo kubantu abadala ngenjongo yokuqinisekisa ukuthotyelwa komthetho i-Older Persons Act.
<b>Uthungelwano</b>	<p>Le njongo inxulumene nePSG 3: "Ukunyusa izinga lempilo-ntle, ukhuselo nokuhlala intlupheko ekuhlaleni", ikwanxulumene neSiphumo seSizwe 2: "Ubomi obude nobusempilweni babemi boMzantsi Afrika", iSiphumo seSizwe 11: "Ukudala uMzantsi Afrika ongcono nokwenza igalelo kwi-Afrika engcono nekhuselwe kwilizwe elingcono" neSiphumo seSizwe 13: "Inkqubo yokhuselo ebandakanya wonke umntu".</p> <p>Inxulumene neNjongo yeQhinga loKusebenza leSebe 4: "Ukulwa intlupheko ekuhlaleni ngokubonelela ngeNkonzo yoThintelo loLwaphulo-mthetho noXhatshazo lweZiyobisi ephangaleleyo ekuhlaleni."</p> <p>Olunye unxulumano: Le njongo inxulumene ngqo noMthetho iSubstance Abuse Act 2008. Ukubonelela ngokufikelela kwiinkonzo zokuxhatshazwa kweZiyobisi kubantu, kwiintsapho nakuluntu kumahlakani eNkqubo yokuXhatshazwa kweZiyobisi kuzo zosixhenkxe iNkqubo zeSebe, icandelo leNGO, amanya amasebe noomasipala.</p>

2.2.1 Injongo yesicwangciso-qhinga	Isalathisi sentsebenzo yenjongo yesicwangciso-qhinga	Ithagethi yesicwangciso-qhinga	Ephicothiweyo/Eyona ntsebenzo			Intsebenzo ethekelelwayo 2016/17	Ithagethi zethuba elingephi		
			2013/14	2014/15	2015/16		2017/18	2018/19	2019/20
Kukuqinisekisa ukufikeleleka kothotho lweenkonzo zophuhliso lwabantu abadala abahlelekileyo nabasemngciphekweni oluntu	Inani labantu abadala abaxhamla kwiinkonzo zophuhliso loluntu kweli phondo	24 950	32 292	22 625	22 845	24 931	24 931	24 931	24 950

**IZALATHISI ZENTSEBENZO YECANDELO<sup>7</sup>**

Isalathisi yecandelo	sentsebenzo	Ephicothiweyo/Eyona ntsebenzo			Intsebenzo ethekelelwayo yo 2016/17	Ithagethi zethuba elingephi		
		2013/14	2014/15	2015/16		2017/18	2018/19	2019/20
2.2.1.1	Inani labantu abadala abaxhamla kwiinkonzo ezikumaziko okuhlala	9 606	8 988	8 419	9 000	9 000	9 000	9 000
2.2.1.2	Inani labantu abadala abafikelela kwiinkonzo zononophelo nenkxaso ezisekelwe ekuhlaleni	13 303	13 302	13 805	15 000	15 000	15 000	15 000

<sup>7</sup> Izalathisi zecandelo ekunganikezelwanga ngxelo ngazo kuchazwe ngazo kwiSihlomo E.

### Uhlengahlengiso Ngokwekota

Isalathisi sentsebenzo yecandelo	UTUNGEL WANO KWIIPSG	Ithuba lokungenis wa kwengxelo	Ithagethi yonyaka 2017/18	Iithagethi zekota				Yeyongezelek ayo/Yengongezelekiyo	
				Eyokuqala	Eyesibini	Eyesith athu	Eyesine		
2.2.1.1	Inani labantu abadala abaxhamla kwiinkonzo ezikumaziko okuhlalisa	3	Ngekota	9 000	9 000	9 000	9 000	9 000	Yengpngezelekiyo
2.2.1.2	Inani labantu abadala abafikelela kwiinkonzo zononophelo nenkxaso ezisekelwe ekuhlaleni	3	Ngekota	15 000	15 000	15 000	15 000	15 000	Yengpngezelekiyo

### IZALATHISI ZWENTSEBENZO YEPHONDO

Isalathisi sentsebenzo yePhondo	Ephicothiweyo/Eyona ntsebenzo			Intsebenzo ethelekelelwa yo 2016/17	Iithagethi zethuba elingephi			
	2013/14	2014/15	2015/16		2017/18	2018/19	2019/20	
2.2.1.3	Inani labantu abadala abaxhamla kwiinkonzo ezikumaziko eDSD anikezela ngoncedo lokuphila ngokuzimela nokuncediswa	247	335	621	931	931	931	950

### Uhlengahlengiso Ngokwekota

Isalathisi sentsebenzo yePhondo	UTUNGEL WANO KWIIPSG	Ithuba lokungenis wa kwengxelo	Ithagethi yonyaka 2017/18	Iithagethi zekota				Yeyongezeleka yo/Yengongezel ekiyo	
				Eyokuqala	Eyesibini	Eyesith athu	Eyesine		
2.2.1.3	Inani labantu abadala abaxhamla kwiinkonzo ezikumaziko eDSD anikezela ngoncedo lokuphila ngokuzimela nokuncediswa	3	Ngonyaka	931					NC

## **Inkqutyana 2.3 linkonzo kubantu abakhubazekileyo**

### **Injongo yale Nkqutyana**

Kukuyilwa nokuphunyezwa kweenkqubo ezihlanganyelweyo ze kunikezelwe neenkonzoz eziphakamisa ukuthathelwa ingqalelo kwentlalo-ntle kwanokuxhotyiswa ngokoqoqosho kwabantu abakhubazekileyo.

### **Ukugxila kwenkqubo**

Le nkqubo ichonge uthotho lweenkalo zokugxila ezingundoqo kwisithuba seminyaka emihlanu ezayo:

- Kukuba liliso nokukhokela iinkqubo zokimisela kweentshukumo zokuphakamisa amalungelo, ukuxhotyiswa kunye nentlalo-ntle yempilo Yabantu Abakhubazekileyo ingakumbi abo bakhubazeke ngokumandla;
- Kukukhokhela kumalinge okuphumeza iinkqubo zenkxaso kubazali kunye kubo bonke abazali nabanonopheli babantwana nolutsha olukhubazekileyo;
- Kuqhutywe inkxaso enikwa Imibutho Yeenkonzo Zokukhubazeka kwakunye Nemibutho Yabantu Abakhubazekileyo enikezela ngeenkonzoz zentlalo-ntle ezisekelwe kuphuhliso Kubantu Abakhubazekileyo kunye neentsapho zabo/nabanonopheli babo;
- Kukuqhuba nokunikezela isikhokelo nenkxaso kumaziko anikezela ngononophelo olulodwa kubantwana abakhubazeke ngokumandla nangokwasengqondweni ze kuqinisekise nokunikezelwa kothotho lweenkonzo ezijongana nezidingo zomntwana zempilo yomzimba, yomphefumlo, yokuphuhla, yoluntu neyemfundo;
- Ukumiselwa nokusekwa kwamaqumrhu anjongo ikukuxhasa abazali abanabantwana abakhubazekileyo kwiPhondo nakooMaspala, ngentsebenziswano necandelo leNPO;
- Ukunikezelwa kweenkonzo zokunonotshelwa kwabanonopheli babantwana abakhubazeke ngokwasemzimbeni, ukwenzela kuxhaswe iintsapho ngendlela egxile kuzo ngokuthi kunikezelwe uthotho lweenkonzo ezijongana nezidingo zempilo yomntwana yomzimba, yomphefumlo, yokuphuhla, yoluntu kwanezo zosapho lwakhe; kunye
- Kukukhokela kwiinzame nakumalinge okunikezelwa kweenkqubo neenkonzoz ezayanyanise neentsika zoXwebhu Logayo-zimvo Ngamalungelo Abantu Abakhubazekileyo.

### INJONGO YESICWANGCISO-QHINGA

<b>Injongo Yesicwangciso-qhinga</b>	Kukunikezelwa kweenkqubo ezihlanganyelweyo kwakunye neenkonzokubantu Abakhubazekileyo kwakunye neentsapho zabo/nabantu ababanonophelayo.
<b>Intentho Yenjongo</b>	Kukuba liliso nokukhokela kumalinge okunikezelwa kothotho lweenkqubo neenkonzokwezakuphakamisa amalungelo, intlalo-ntle kwanokuxhotyiswa kwamathuba oqoqosho Kwabantu Abakhubazekileyo kwakunye neentsapho zabo/nabantu ababanonophelayo kweli phondo, kufikelelwe kuma-79 549 abantu ukuya kuthi ga ngenyanga yokwindla ka-2020.
<b>Isiseko</b>	Inani Labantu Abakhubazekileyo neentsapho/nababanonophelayo abaxhamla kwiinkonzozentlalo-ntle esekelwe kuphuhliso kweli phondo: abangama-79 261
<b>Isizathu</b>	Eli nqaku liyakufaka igxalaba ekuhlanganisweni nasekuthathelweni ingqalelo emandla kokukhubazeka njengelingelokuxhobisa Abantu Abakhubazekileyo, iintsapho zabo/nabantu ababanonophelayo kwakunye noluntu ekuhlaleni.
<b>Uthungelwano</b>	<p>Le njongo inxulumene nePSG 3: "Ukunyusa izinga lempilo-ntle, ukhuselo nokulwa intlupheko ekuhlaleni", ikwanxulumene neSiphumo seSizwe 2: "Ubomi obude nobusempilweni babemi boMzantsi Afrika", ISiphumo seSizwe11: "Ukudala uMzantsi Afrika ongcono nokwenza igalelo kwi-Afrika engcono nekhuselekileyo kwilizwe elingcono" neSiphumo seSizwe13: "Inkqubo yokhuselo ebandakanya wonke umntu".</p> <p>Inxulumene neNjongo yeQhinga loKusebenza leSebe 4: "Ukulwa intlupheko ekuhlaleni ngokubonelela ngeNkonzo yoThintelo loLwaphulo-mthetho noXhatshazo lweZiyobisi ephangaleleyo ekuhlaleni."</p> <p>Olunye unxulumano: Le njongo inxulumene ngqo noMthetho iSubstance Abuse Act 2008. Ukubonelela ngokufikelela kwiinkonzozokuxhatshazwa kwezinyobisi kubantu, kwiintsapho nakuluntu kumhlakani eNkqubo yokuXhatshazwa kwezinyobisi kuzo zosixhenkxe iNkqubo zeSebe, icandelo leNPO, amanya amasebe noomasipala.</p>

2.3.1 Injongo yesicwangciso-qhinga	Isalathisi sentsebenzo yenjongo yesi cwangcisoqhinga	Ithagethi yesi Cwangciso -qhinga	Ephicothiweyo/Eyona ntsebenzo			Intsebenzo ethekelelwa yo 2016/17	Ithagethi zethuba elingephi		
			2013/14	2014/15	2015/16		2017/18	2018/19	2019/20
Ukunikezelwa kweenkqubo neenkonzokwezihlanganyelweyo kubantu abakhubazekileyo neentsapho/nabanonopheli babo	Inani labantu abakhubazekileyo, iintsapho/abano nopheli babo abafikelela kwiinkonzozentlalo-ntle ezisekelwe kuphuhliso	79 549	58 830	59 870	85 476	79 261	79 404	79 549	79 549

### IZALATHISI ZENTSEBENZO YECANDELO

Isalathisi Sentsebenzo Yecandelo	Ehpicothiweyo/Eyona ntsebenzo	Intsebenzo ethekelelwa-yo 2016/17			Ithagethi yethuba elingephi			
		2013/14	2014/15	2015/16	2017/18	2018/19	2019/20	
2.3.1.1 Inani lamaziko anikezele ngeenkonzozokuhlala kubantu abakhubazekileyo		31	-	33	34	35	35	35
2.3.1.2 Inani labantu abakhubazekileyo abafikelela kwiinkonzozokuhlala ezifumana inkxaso-mali		1 422	1 414	1 421	1 643	1 803	1 879	1 879
2.3.1.3 Inani labantu abakhubazekileyo abafikelela kwiinkonzokwiindibano ezixhaswa ngemali zocweyo ngokhuseleko		2 393	2 530	2 815	2 885	2 875	2 885	2 885

### Uhlengahlengiso ngokwekota

Isalathisi Sentsebenzo Yecandelo	UTHUNGEL WANO KWIIPSG	Ithuba Lokunikezel -wa Kwengxelo	Ithageathi yonyaka 2017/18	Iithageathi zeota				Yeyongezele kayo/Yengo ngezelekiyo	
				Eyokuq ala	Eyesibi ni	Eyesith athu	Eyesin e		
2.3.1.1	Inani lamaziko anikezele ngeenkono zokuhlala kubantu abakhubazekileyo	3	Ngonyaka	35					NC
2.3.1.2	Inani labantu abakhubazekileyo abafikelela kwiinkono zokuhlala ezifumana inkxaso-mali	3	Ngekota	1 803	1 879	1 879	1 879	1 879	NC
2.3.1.3	Inani labantu abakhubazekileyo abafikelela kwiinkono kwiindibano ezixhaswa ngemali zocweyo ngokhuseleko	3	Ngekota	2 875	2 875	2 875	2 875	2 875	NC

### IZALATHISI ZENTSEBENZO YEPHONDO

Isalathisi Sentsbenzo Yephondo	Ephicothiweyo/Eyona ntsebenzo			Intsebenzo ethelekelelwa yo 2016/17	Iithageathi yethuba elingephi			
	2013/14	2014/15	2015/16		2017/18	2018/19	2019/20	
2.3.1.4	Inani labantu abakhubazekileyo abakwiinkqubo zononophelo zasemini ezisekelwe ekuhlaleni ezifumana inkxaso-mali kwiDSD	535	603	874	861	854	861	861
2.3.1.5	Inani labantu abafikelela kwiinkono ezikwizinga eliphezulu ezinikezelwa ziiNPO ezifumana inkxaso-mali kwiDSD	54 480	55 323	80 365	73 872	73 872	74 000	74 000

### Uhlengahlengiso Ngokwekota

Isalathisi Sentsebenzo Ye Phondo	UTHUNGEL WANO KWIIPSG	Ithuba Lokunikezel -wa Kwengxelo	Ithageathi yonyaka 2017/18	Iithageathi zeota				Yeyongezel ekayo/Yen gongezeleki yo	
				Eyokuq ala	Eyesibi ni	Eyesith athu	Eyesin e		
2.3.1.4	Inani labantu abakhubazekileyo abakwiinkqubo zononophelo zasemini ezisekelwe ekuhlaleni ezifumana inkxaso-mali kwiDSD	3	Quarterly	854	854	854	854	854	NC
2.3.1.5	Inani labantu abafikelela kwiinkono ezikwizinga eliphezulu ezinikezelwa ziiNPO ezifumana inkxaso-mali kwiDSD	3	Quarterly	73 872	18 000	18 000	18 000	19 872	C



## **Inkqutyana 2.4 Intsholongwane kaGawulayo noGawulayo**

### **Injongo yale Nkqubo**

Kukuyila nokuphumeza iinkqubo neenkonziso ezihlanganyelweyo zizonophelo ezisekelwe kwiingingqi ekuhlaleni ezijoliswe ekunqandeni ifuthe elibi lentsholongwane kaGawulayo/IikaGawulayo ngokoqoqosho eluntwini.

### **Ukugxila kwenkqubo**

Kuye kwathatyathwa isigqibo ngokomgaqo-nkqubo ukuba amalinge okwilwisana nentsholongwane kaGawulayo/noGawulayo kunye nesabelo-mali ziyakuhlanganiswa kwiNkqubo Yononophelo Nokhuselo Lwabantwana.

## **IZALATHISI ZENTSEBENZO YECANDELO<sup>8</sup>**

## **Inkqutyana 2.5 Uhlangulo Loluntu**

### **Injongo yale Nkqubo**

Kukuza necebo kwiifundo ezithe zachongwa luluntu ekuhlaleni oluthi luzifumane luthwaxwa ziintlekele ezithe zaqinisekiswa okanye ezingekaqinisekiswa okanye nayiphi na imeko yoluntu ekhokelela ebunzimeni obuza nentlungu.

### **Ukugxila kwenkqubo**

Inkqutyana Yohlangulo Loluntu yiyo ekhokela kumalunge okufikeleleka Kweenzuzo Zohlangulo Loluntu Kwiinzima, oko ke kukuthi, uncedo olukhawulezileyo nolwethutyana ngokwemali nangenkxaso esuka kurhulumente eya kwabo bachaphazelekileyo nabathi bangakwazi ke ngoku ukumelana neemfuno zabo ezingundoqo nezeentsapho zabo. Umthetho iSocial Assistance Act Nombolo 13 ka-2004 udiza iindlela abantu ekufuneka benze ngayo ukuze babe nokuqwalaselelwa le nkxaso-mali.

Inkqubo yohlangulo loluntu nayo inika abo bathe bachatshazelwa ziintlekele njengoko zithetha zachazwa kumthetho iDisaster Management Act Nombolo 57 ka-2002. I-Arhente Ejongenen Nokhuseleko Loluntu Ngokwentlalo-ntle kwiNtshona Koloni yiyo enesabelo-mali sala mabakala ohlangulo mabini.

ISebe linikezela ngothotho lweenkonzo zempilo yengqondo kuwo onke amaxhoba eentlekele, ingakumbi amaqela asemngciphekweni afana nabantana, abantu abakhubazekileyo kunye nabantu abadala ngendlela eqoqoshekileyo.

---

<sup>8</sup> Izalathisi zecandelo ekunganikezelwanga ngxelo ngazo kuchazwe ngazo kwiSihlomelo E.

## INJONGO YESICWANGCISO-QHINGA

<b>Injongo Yesicwangciso-qhinga</b>	Kukukhokela amalinge okuqinisekisa ukufikeleleka kohlangulo lwesikhawu nolwethutyana kwiimeko zeentsizi neenzima kwabo bachaphazeleka kwiinzima ezimandla neentlekele.
<b>Intetho Yenjongo</b>	Kukukhokela amalinge okufikelelela kwiinkonzo zohlangulo lwesikhawu kwabo bantu aba-2 713 abaselungelweni lokuxhamla genjongo yokuphelisa iinzigo neenzima ezimandla kwakunye nefuthe leentlekele neengozi ukuya kuthi ga ngenyanga yoKwindla ka-2020.
<b>Isiseko</b>	Inani labantu abathi bahlolwa ze badluliselwa kuSASSA weNtshona Koloni ukuze bafikelele kwiinzuzo zohlangulo kwiintlekele: 3 000
<b>Isizathu</b>	Kukuba liliso ekufikelelekeni ngesikhawu kweenkonzo zohlangulo kwakunye neentuthuzelo ngokwasemphefumleni kubantu abachaphazeleke kwiintlekele kunye/okanye kwiinzima ezimandla.
<b>Uthungelwano</b>	<p>Le njongo inxulumene nePSG 3: "Ukunyusa izinga lempilo-ntle, ukhuselo nokulwa intlupheko ekuhloleni", ikwanxulumene neSiphumo seSizwe 2: "Ubomi obude nobusempilweni babemi boMzantsi Afrika", ISiphumo seSizwe neSiphumo seSizwe5: "Inkqubo yokhuselo ebandakanya wonke umntu".</p> <p>Ithungelana neSiphumo seSizwe13: Ukudalwa kweendawo zozinzo loluntu nokuphucula ubomi bekhaya" kwakunye neSiphumo Sesizwe 13: "Inkqubo Yokhuselo Loluntu ephendulayo nebandakanyayo."</p> <p>Olunye uthungelwano: Amanqaku Ezizwe Ezimanyeneyo Ophuhliso Lwenkulungwane, Nezicwangciso-qhinga Zokulwisana Nentlupheko.</p>

2.5.1 Injongo yesicwangciso-qhinga	Isalathisi sentsebenzo yenjongo yesicwangciso-qhinga	Ithagethi yesicwangciso-qhinga	Ephicothiweyo/Eyona ntsebenzi			Intsebenzo ethelekelelwayo 2016/17	Iithagethi zethuba elingephi		
			2013/14	2014/15	2015/16		2017/18	2018/19	2019/20
Kukukhokela kumalinge okufikeleleka ngokukhawuleza nangethutyana kweenkonzo zohlangulo loluntu kwiinzima kwabo bachatshazelwa ziinzima ezibuhlungu neentlekele	Inani leemeko zeentlekele nezeenzima ezibuhlungu (kumakhaya) ezithe zahlolwaze zadluliselwa kuSASSA ukuze kukhutshwe iinzuzo zohlangulo loluntu.	2 713	36 800	Ayiqinisekiseki <sup>9</sup>	3 556	3 000	2 543	2 628	2 713

## IZALATHISO ZENTSEBENZO YEPHONDO

Isalathisi Sentsebenzo Yephondo		Ephicothiweyo/Eyona ntsebenzi			Intsebenzo ethelekelelwa yo 2016/17	Iithagethi yethuba elingephi		
		2013/14	2014/15	2015/16		2017/18	2018/19	2019/20
2.5.1.1	Inani leemeko zeenzima ezibuhlungu (kumakhaya) ezithe zahlolwa ze zadluliselwa kuSASSA ukuze kukhutshwe iinzuzo zohlangulo kwiinzima zoluntu	5 768	Ayiqiniseki seki	2 256	1 589	1 218	1 263	1 298
2.5.1.2	Inani leemeko zeentlekele (kumakhaya) ezithe zahlolwa ze zadluliselwa kuSASSA ukuze kukhutshwe iinzuzo zohlangulo kwiinzima zoluntu	13 728	Ayiqiniseki seki	1 300	1 411	1 325	1 365	1 415

<sup>9</sup> Ibinzana elithi "ayiqinisekiseki" libhekisa kwi-ofisi yeenkqubo engakhange ibe nakufumana amaxwebhu abubungqina kwiirejista zeSASSA ndawonye neerekhodi kuzozonke imeko ezithe zadluliselwa ze ngoko ke kungakwazeki ukunikezelwa kwengxelo yeenkcukacha ezinokuchaneka kwesi salathisi.

### Uhlengahlengiso Ngokwekota

Isalathisi Sentsebenzo Yephondo	UTHUNGEL WANO KWIIPSG	Ithuba Lokunikez elwa Kwengxelo	Ithagethi Yonyaka 2017/18	Ithagethi zekota				Yeyongezel ekayo/Yon gengezeleki yo	
				Eyokuqala	Eyesibini	Eyesithathu	Eyesine		
2.5.1.1	Inani leemeko zeenzima ezibuhlungu (kumakhaya) ezithe zahlolwa ze zadluliselwa kuSASSA ukuze kukhutshwe iinzuzo zohlangulo kwiinzima zoluntu	3	Ngekota	1 218	268	345	345	260	C
2.5.1.2	Inani leemeko zeentlekele (kumakhaya) ezithe zahlolwa ze zadluliselwa kuSASSA ukuze kukhutshwe iinzuzo zohlangulo kwiinzima zoluntu	3	Ngekota	1 325	326	341	337	321	C

### Ukuthungelanisa iithagethi zentsebenzo nesabelo-mali neMTEF

#### Iintelekelelo zenkcitho

#### Isishwankathelo seentlawulo neentelekelelo – Inkqubo 2: Iinkonzo Zentlalo-ntle Yoluntu

Inkqutyana R'000	Isiphumo			Esona Sabelo-mali	Isabelo-mali esibekelwe bucala	Iintelekelel oehlaziyiweyo	Iintelekelelo zethuba elingephi			Inguqu esuka kwintelekelelo ehlaziyiweyo ngokwe-%	
	Ephicothiweyo						2016/17	2017/18	2018/19		2019/20
	2013/14	2014/15	2015/16				2016/17	2016/17	2017/18		2018/19
Ezolawulo Nenxaso	327 515	370 425	388 516	424 837	412 815	412 717	<b>446 870</b>	470 892	527 071	8.28	
Ezeenkono Kubantu Abadala	166 353	174 720	195 523	203 310	205 685	205 783	<b>237 371</b>	248 244	255 907	15.35	
Ezeenkono Kubantu Abakhubazekileyo	86 118	89 719	134 130	148 492	151 118	151 118	<b>163 765</b>	171 660	177 186	8.37	
Ezohlangulo Loluntu			1 708	1 746	2 155	2 155	<b>2 236</b>	2 443	2 637	3.76	
Iintlawulo neentelekelelo zizonke	<b>579 986</b>	<b>634 864</b>	<b>719 877</b>	<b>778 385</b>	<b>771 773</b>	<b>771 773</b>	<b>850 242</b>	<b>893 239</b>	<b>962 801</b>	<b>10.17</b>	

## Intshayelelo yeentlawulo neenelekelelo ngokwebakala loqoqosho – iNkqubo 2: linkonzo Zentlalo-ntle Yoluntu

Ibakala Loqoqosho R'000	Isiphumo			Essona Sabelo-mali	Isabelo-mali esibekelwe bucala	Intelekelelo ehlaziyiweyo o	Intelekelelo yethuba elingephi			Inguqu kwintelekelelo ehlaziyiweyo ngokwe-%			
	Ephicothiweyo						2016/17	2016/17	2016/17		2017/18	2018/19	2019/20
	2013/14	2014/15	2015/16										
Iintlawulo Zangoku	316 190	355 136	382 968	428 465	418 871	418 563	<b>459 515</b>	485 417	543 361	9.78			
Ukubuyekizwa Kwabasebenzi	277 169	314 051	336 834	374 607	364 054	363 746	<b>400 923</b>	423 591	478 089	10.22			
Iimveliso Neenkonzo	39 021	41 085	46 134	53 858	54 817	54 817	<b>58 592</b>	61 826	65 272	6.89			
Inzala Nerente Kumhlaba													
Iintlawulo Nennkxasomali ezihlawulweyo	252 952	265 870	321 680	333 868	335 790	336 098	<b>373 289</b>	389 456	400 448	11.07			
Amaphondo Noomaspala													
Ii-arhente nee-akhawunti zeSebe	1					7				(100.00)			
Amaqumrhu Angajonge Ngeniso	252 471	264 439	320 964	333 768	335 135	335 135	<b>373 189</b>	389 356	400 342	11.35			
Amakhaya	480	1 431	716	100	655	956	<b>100</b>	100	106	(89.54)			
Iintlawulo Kwimpahla Engundoqo	10 844	13 858	15 229	16 052	17 112	17 112	<b>17 438</b>	18 366	18 992	1.91			
Izakhiwo nezinye izimo ezingangangqiyo													
Oomatshini Nezixhobo	10 844	13 858	15 229	16 052	17 112	17 112	<b>17 438</b>	18 366	18 992	1.91			
Apho: "Iimveliso neenkonzo ezingundoqo" zibandakanywe kwiintlawulo zempahla engundoqo													
Iintlawulo Kwimpahla Enexabiso Lemali													
<b>Uhlalutyo Loqoqosho Ngokupheleleyo</b>	<b>579 986</b>	<b>634 864</b>	<b>719 877</b>	<b>778 385</b>	<b>771 773</b>	<b>771 773</b>	<b>850 242</b>	<b>893 239</b>	<b>962 801</b>	<b>10.17</b>			

### Iinguqu Kwintsebenzo Nenkcitho

Izicwangciso nezabelo-mali zesebe zizakuqhuba zisiwa kweyona misebenzi yongayo, esebenzayo nesemgangathweni phakathi kwezidingo zoluntu ekuhlaleni kunye nenjongo zezicwangciso-qhinga sephondo, apho eyona ibalulekileyo iyingjongo yecwangciso-qhinga sePhondo 2: "Ukuphuculwa kweziphumo zemfuno kwanamathuba okuphuhlisa kolutsha" ndawonye neNjongo Yesicwangciso-qhinga sePhondo 3: "ukukhulisa intlalo-ntle, ukhuseleko nokunciphisa imikhuba eluntwini".

Ngethuba leli xesha leMTEF, ezi zigqibo zezicwangciso-qhinga zilandelayo ziyakuba nefuthe ekuphuyezweni kweziphumo zezicwangciso-qhinga:

- Kuye kwagxilwa ukunikezelwa kwesabelo-mali esiya kwiinkonzo zononophelo lwabantu abadala abahlala kumaziko onyango (unonophelo lwabampilo inkenenkene) kwakunye Nabantu Abakhubazekileyo ngenjongo yokuphucula amanqanaba okunikezelwa kwenkxaso kwanokwandiswa kwayo;

- Ukuqeshwa kwezithwalandwe zezidanga zentlalo-ntle kusetyenziswa inkxaso-mali enemiqathango: Inkxaso-mali Yokuqeshwa Koonontlalo-ntle;
- Ukwandiswa kwesabelo-mali kwiiNPO ngomyinge ongezantsi kwexabiso lokwenyuka kwamaxabiso;
- Ukunikezelwa kweenkonzo eziza ngezikhokelo zemithetho kuqala kwanokwenyuswa kwezinga lokumiselwa kwezikhokelo zokunikezelwa kweenkonzo;
- Ukuncitshiswa kwamaphulo angengondoqo womsebenzi neentshukumo zeSebes; kunye
- Amaphulo onxibelelwano ajolise kwiinkonzo ezithile.

## 9.1 Ulawulo Lomngcipheko

Umngcipheko	Ukunciphisa Umngcipheko
<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukusilela ekuthotyelweni kwemigaqo yemithetho ngokwale mithetho ilandelayo: uMgaqo-siseko woMzantsi Afrika, umthetho iChildren's, iSubstance Abuse, i-Older Persons kunye ne-Child Justice Acts kwakunye nenkonzo ezikhatshelwa yeminye imithetho efana ne-Prevention and Combating of Trafficking in Persons Act, i-Domestic Violence Act kunye ne-Sexual Offences and Related Matters Amendment Act.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukwenyuswa kweentlawulo ngomyinge nongaphantsi nje kweqondo lokwenyuka kwamaxabiso (+/- 3%) ngelixa kungekho kwanda kweso sidingo kwiiNPO ezifumana inkxaso-mali;</li> <li>● Ukwehliswa kwezinga leenkonzo ezinikezelwa ngaphandle kwezikhokelo zemithetho;</li> <li>● Ukusetyenziswa kwamacebo alusizi kwanentsebenzo emandla ngenjongo yokugcina isiseko esisekhoyo; kunye</li> <li>● Ukwanda kweenzame zokugxila ekunikezelweni kweenkonzo ezinezikhokelo zemithetho kwanokugxininisa ekuphakamiseni izinga lezi nkonzo liye kufikelela kwelo limiselweyo</li> </ul>
<p>Ukubopheleleka kwamandla eSebe ngokwasemalini okukhokelela ekungakwazini kwenza zintlawulo kungakhokelela:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>● Ekungahlawulweni kweeNPOs kunye namanye amahlakani;</li> <li>● Uxanduva olwandisiweyo lwezolawulo olwayanyaniswa nohlengahlengiso kwiishedyuli zeentlawulo.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukuthotyelwa kwezigqibo zemigangatho yeenkonzo phakathi kwala mahlakani mabini kuyakomeleza indlela yokunikezelwa kweenkonzo kwinkalo yokunikezelwa kweSRD;</li> <li>● Ukuhlalutywa kwenkqubo yokwenziwa kweentlawulo kwiiNPO ngentsebenziswano nesEBE Lemali lePhondo; kunye</li> <li>● Ukuphucula unxibelelwano phakathi kweDSD necandelo leeNPO.</li> </ul>
<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukwanda kwesidingo seenkonzo zethu ngenjongo yokuvala umsantsa oshiywe kukungabikho kwecandelo leeNPO;</li> <li>● Ukuncipha kwenkqubo yokunikezelwa kweenkonzo kukushiya kweeNPO;</li> <li>● Ukungafikeleleki kweengingqi ebezisoloko zifumana iinkonzo kwiiNPO ekuthe kwanyanzeleka ukuba zishiye; kunye</li> <li>● Nesidingo esandayo seenkonzo ngenxa yokukhula kwamamani abemi bephondo kwakunye nentlupheko eya isiba nobuzaza.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Makusiwe izibonelelo zemali kwiiNPO ukuze zibe nokuhambisa iinkonzo egameni leDSD (yindlela eyongayo ke le);</li> <li>● Kuhlalutywe izibonelelo zoluntu ngenjongo yokuphucula indlela yokusebenza (kukho isidingo solawulo loshishino ekufumaniseke ukuba singanikezela ngeenkonzo zenkxaso kwimisebenzi yentlalo-ntle); kunye</li> <li>● Neenkqubo zokusebenza ngenjongo yokuqinisekisa ukuba ziyathotyelwa izidingo zemithetho kunye nemigaqo nemimiselo yezentlalo-ntle.</li> </ul>

## **7 Inkqubo 3: Abantwana Neentsapho**

### **Injongo**

Kukunikezela ngeenkonzelo ezigqibeleleyo zoonophelo nenkxaso kubantwana neentsapho abakwiindawo zabo zokuhlala ngentsebenziswano namahlakani kwakunye nemibutho yoluntu ngokubanzi.

### **Inkqutyana 3.1. Ulawulo Nenkxaso**

#### **Iinjongo zale Nkqutyana**

Kukuqinisekisa ukuba iindleko zemivuzo yabasebenzi nezolawulo zabasebenzi kumacandelo olawulo ziyahlawuleka ngeenkonzelo kuzo zonke iinkqutyana zale nkqubo.

### **Inkqutyana 3.2 Unonophelo Nenkxaso Kwiintsapho**

#### **Injongo Yenkqutyana**

Iinkqubo neenkonzelo zokuphakamisa iintsapho ezisebenzayo kwanokuthintelwa kokuba semngciphekweni kweentsapho.

#### **Ukugxila kwenkqubo**

Iintsapho zingundoqo ekwaxhiweni kweengingqi zokuhlala futhike kukho inkxalabo egqubayo malunga nokuqhekeka kweentsapho futhi ke oko kunganefuthe elibi kwimeko yoluntu ngokubanzi, umzekelo, ukusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi, ubundlobongela, ukuvuka kwamaqela emiguvela. Ekugxileni kwiimfuno ezithile kuqwalaselwa izibonelelo ezikhoyo ze kuthathelwe ingqalelo umba wokuba zonke ezinye iinkqubo zinikezela iinkonzelo zazo ngokwesikhokelo sosapho, le nkqubo izakugxila koku kulandelayo kunyaka-mali ozayo:

- Iinkqubo zonyango ukuze kubuyiselwe kwizimo zesiqhelo abantu abebengenamakhaya kwiintsapho zabo noluntu ekuhlaleni ze kwandiswe nenani leebhedi kwiisheltha ukuze kufakwe inani elongezelelekileyo labantu abangenamakhaya.
- Ukunikezelwa kweenkqubo zonyango ezifana nokuthuthuzelwa nokucetyiswa kwezibini okanye kwabatshatileyo, uthuthuzelo lweentsapho, iinkonzelo zoxolelwaniso ezifana nokuxolelanisa ekuqhawulweni komtshato ndawonye neenkonzelo zeengqungquthela zeentsapho
- Ukumiselwa kwemigaqo nemigangatho yokunikezelwa kweenkqubo kwiintsapho nakwiisheltha zabantu abangenamakhaya ngokuthi kuphunyezwe iSikhokelo Sokuqinisekiswa Komgaqo-nkqubo Wemigangatho.

### INJONGO YESICWANGCISO-QHINGA

<b>Injongo Yesicwangciso-qhinga</b>	Amalinge ahlanganyelweyo nagxile ekwakheni iintsapho eziluzilima.
<b>Intetho Yenjongo</b>	Kukunika inkxaso kwanokwakha iintsapho eziluzilima kwakunye namalinge aphakamisa ukomelezwa koluntu nagxile ekuqiniseni nasekomelezi iintsapho ezingama-22 108 kube ke ngoko kuphuculwa umgangatho wobomi bazo ukuya kuthi ga ngenyanga yoKwindla ka-2020.
<b>Isiseko</b>	Inani leentsapho ezixhamla nezithabatha inxaxheba kwiinkonzo zentlalo-ntle ezisekelwe kuphuhliso neziphakamisa ukulondolozwa kweentsapho: 20 787
<b>Isizathu</b>	Iintsapho eziluzilima ziphucula amathuba amalungu azo ebomini. Ukunikezelwa kweenkonzo kwiintsapho kusekelwe kwiNkqubo yeNdlela Yokomelezwa Kweentsapho – esikhokelo esijonga iintsapho njengeyona nto ibalulekileyo eba nefuthe kwiziphumo zobomi babantwana; yaye iintsapho zomelele xa zikhuselekile naxa efumana inkxaso kwiingingqi neendawo eziphila kuzo.
<b>Uthungelwano</b>	Eli nqaku lithungelana noPSG 3: "Ukwandisa intlalo-ntle, ukhuseleko nokunciphisa imikhwa emibi eluntwini". Likwathungelana kwiNqaku 3 Lesicwangciso-qhinga seSebe.  Ngapha koko, likwathungelana neSiphumo Sesizwe 11: "Ukudalwa koMzantsi Afrika ongcono kwanokufaka igxalaba kwi-Afrika engcono nekhuseleyo kwihlabathi elingcono" kwakunye neSiphumo Sesizwe 13: "Inkqubo Yokhuseleko Loluntu ebandakanyayo nephendulayo."

### INJONGO YESICWANGCISO-QHINGA

3.2.1 Injongo yesicwangciso-qhinga	Isalathisi Sentsebenzo Yenjongo Yesicwangciso-qhinga	Ithagethi yesicwangciso	Ephicothiweyo/Eyona nsebenzo			Intsebenzo ethelekelelwayo 2016/17	Ithagethi zethuba elingephi		
			2013/14	2014/15	2015/16		2017/18	2018/19	2019/20
Amalinge ahlanganyelweyo nathe kwajoliswa kuwo agxile ekwakheni iintsapho eziluzilima	Inani leentsapho ezifumana iinkonzo zentlalo-ntle ezisekelwe kuphuhliso ezomeleza iintsapho noluntu ekuhlaleni	22 108	26 262	23 490	24 143	20 787	20 486	20 796	22 108

### IZALATHISI ZENTSEBENZO YECANDELO

Isalathisi Sentsebenzo Yecandelo	Ephicothiweyo/Eyona nsebenzo	Intsebenzo ethelekelelwayo 2016/17			Ithagethi yethuba elingephi		
		2013/14	2014/15	2015/16	2017/18	2018/19	2019/20
3.2.1.1 Inani lamalungu eentsapho athe abuyiselwa kwiintsapho zawo	422	422	412	425	425	450	500

### Uhlengahlengiso Ngokwekota

Isalathisi Sentsebenzo Yephondo	UTHUNGELWANO KWIIPSG	Ithuba Lokunikezelwa Kwengxelo	Ithagethi Yonyaka 2017/18	Ithagethi zekota				Yeyongezelek ayo/ Yongengezele kiyo
				Eyokuqala	Eyesibini	Eyesithathu	Eyesine	
3.2.1.1 Inani lamalungu eentsapho athe abuyiselwa kwiintsapho zawo	3	Ngekota	425	115	110	100	100	C

### IZALATHISI ZENTSEBENZO YEPHONDO

Isalathisi Sentsebenzo Yephondo		Ephicothiweyo/Eyona nsebenzo			Intsebenzo ethelekelelwayo 2016/17	Ithagethi yethuba elingephi		
		2013/14	2014/15	2015/16		2017/18	2018/19	2019/20
3.2.1.2	Inani leebhedi ezixhaswa ngemali ngurhulumente kwiisheltha zabantu abangenamakhaya	1 389	1 398	1 368	1 388	1 391	1 400	1 400
3.2.1.3	Inani leentsapho ezithabatha inxaxheba kwiinkqubo zolondolozo lweentsapho	14 548	14 160	14 931	11 976	20 061	20 346	21 608

### Uhlengahlengiso Ngokwekota

Isalathisi Sentsebenzo Yephondo		UTHUNGELWANO KWIIPSG	Ithuba Lokunikezelwa Kwengxelo	Ithagethi Yonyaka 2017/18	Ithagethi zekota				Yeyongezelekayo/Yongengezelekiyo
					Eyokuqala	Eyesibini	Eyesithathu	Eyesine	
3.2.1.2	Inani leebhedi ezixhaswa ngemali ngurhulumente kwiisheltha zabantu abangenamakhaya	3	Ngonyaka	1 391					NC
3.2.1.3	Inani leentsapho ezithabatha inxaxheba kwiinkqubo zolondolozo lweentsapho	3	Ngekota	20 061	4729	5 145	5 207	4 980	C



### **Inkqutyana 3.3 Unonophelo Nokhuselo Lwabantwana Injongo Yenqutyana**

Kukuyilwa nokuphunezwa kweenkqubo neenkonziso ezikhokelisa uphuhliso, unonophelo nokhuseleko lwamalungelo abantwana.

#### **Ukugxila Kwenkqubo**

Ezona mfuno zemithetho eli sebe ekufuneka lusebenze ngazo kule nkqubo yiyo ke loo nto undoqo ikukugxila okupheleleyo kwezona mfuno zingundoqo zomthetho iChildren's Act kuzo zonke iimfuno zeenkonziso ngokwemithetho, ndawonye nokuhlolwa ngokukuko kwazo. Amangenelo athathelwa phezulu kweli sebe xa zikho zonke izibonelelo ezidingekayo zezi zilandelayo:

- Ukunikezelwa kwemfundo kuluntu ngokubanzi ndawonye neenkqubo zokuthintela ezijoliswe ekomelezeni abantwana, iintsapho, noluntu ekuhlaleni ukuze kuthintelwe ukuphathwa gadalala kwabantwana, ukungahoyakali nokuxhatshazwa. Ukufundiswa koluntu kuyakugxila nakuxanduva lwabazali kunye namalungelo abo, awabanonopheli neentsapho naweentsapho zabantwana abathe bahlaliswa kwezinye iindawo abazakufumana kuzo unonophelo.
- Ukunikezelwa kothotho lweenkqubo kubantwana abanendlela yokuziphatha ebabeka esichengeni (ungenelelo kwangethuba), kuquka, kodwa kungaphelelanga:
  - Kwiinkqubo zophuhliso lomlisela nomthinjana;
  - Iinkqubo zabantwana abaneenzima zokuziphatha, ezasemqondweni nezasmoyeni;
  - Iinkqubo zoonophelo ezisekelwe ekuhlaleni (umzekelo: Isibindi);
  - Unonophelo lokuguqula izimilo nononophelo nenkxaso kwiinkqubo zabantwana abazakuphuma kwiindawo zethutyana abebenotshelwa kuzo;
- Iinkonziso kubantwana ekufumaniseke ukuba badinga unonophelo nokhuseleko:
  - Abantwana abakhuliswa ngabanye abazali okwethutyana kunye neenkqubo ezinikezelwa kwiindawo zokuhlala; kunye
  - Neenkonziso zokuba abantwana bafumane abanye abazali.
- Ukunikezelwa kweenkonziso ezizezinye:
  - Ukubuyiselwa nokuhlanganiswa kwabantwana ngenjongo yokuphakamisa ukulondolozeka kweentsapho; kunye
  - Nenkxaso kwiintsapho ukuze zikwazi ukumelana nemeko yokuba ziphinde zabuyiselwa amalungu nezinye iinkonziso.
- Isicwangciso sokuba nakho ukukikezela kwii-CYCC kwiNtshona Koloni.
- Ukusetyenziswa kwemigaqo nemimiselo phantsi komthetho iChildren's Act- kukho ezinye iimfuno zolawulo ezidingekayo kwakunye nesabelo-mali esandisiweyo ukuze kufumaneke inkxaso ngokwasemalini ukuze ithotyelwe nemithetho neemfuno zayo ingakumbi ezo zinento yokwenza nokhuseleko.

## INJONGO YESICWANGCISO-QHINGA

<b>Injongo Yesicwangciso-qhinga</b>	Kukukhokelisa kwinkqubo yokunikezelwa kothotho lweenkonzo eziphakamisa intlalo-ntle abantwana kwanokwakhiwa kwamandla abantu abadala kwanoluntu ekuhlaleni ukuze babe nokunonophela abantwana babo.
